

2

Ikota 1

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi kaTitshala



Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhlisa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhlisa kwezi ncwadi kwenzeka ngenxa yenkxaso mali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Imizobo

Umbulelo ongazenzisiyo ku-Anja Stoeckigt ngegalelo lakhe kwinkoliso yemizobo ekule ncwadi.

Eminye imizobo ivela ku: Val Myburgh: iph. 21;
Jiggs Snaddon-Wood: iph. 52, 58, 76, 88 ne-100;
Rassie Erasmus: amagama ezandi.

Umbulelo ongazenzisiyo ku-Anja Stoeckigt ngegalelo lakhe kwiinkoliso yemizobo ekule ncwadi.

Iqweqwe: Anja Stoeckigt

Imibulelo ngeefoto

Funda Wande Media team: zonke iifoto ezifotwe ezikolweni naseziklasini, Iphepha lama-70 (intlobo zokutya);
iStock: Page 14: THEGIFT777 (isinxibo sesiNtu), Iphepha lama-38: EcoPic (i-fynbos),
MarkGillow (ipakethe yeetshipsi); Adobestock: Iphepha lama-46: DenisProduction (inkwenkwe enxibe iindondo zamehlo), Roman (inja ekhokelayo); Getty: Iphepha lama-50: PhotoQuest/Contributor (Helen Keller);
WikiCommons: Iphepha lama-62: South African Tourism (itheleskopu yakwaSALT).

Zonke ezinye iifoto zisetyenziswe ngemvume
yabakwa-freepik.com kunye no-rawpixel.com

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-991225-09-2

Version 2: 2024



Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo:
Funda Wande, IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi kaTitshala, Ibakala 2, Ikota 1, CC BY 4.0.

Awunakungeza imiqathango okanye uguqule imilinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

Isiqulatho


li-ayikhoni nezishunqulelo	iv
Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wande	
INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe	1
IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa	1
INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise	1
Isicwangciso seKota yoku-1	2
Isicwangciso seveki	4
ImiSebenzi yezemiThambo: Ikota yoku-1	5
Iveki yoku-1 Ndikhethekile	6
Iveki yesi-2 Ndikhethekile	22
Iveki yesi-3 Wonke umntu ukhethekile	22
Iveki yesi-4 Wonke umntu ukhethekile	36
Iveki yesi-5 Sahlukile nangona sifana	50
Iveki yesi-6 Sahlukile nangona sifana	64
Iveki yesi-7 Izinto esizidingayo ukuze siphile	78
Iveki yesi-8 Izinto esizidingayo ukuze siphile	92
Iveki yesi-9 Iintsuku ezikhethekileyo	106
Iveki ye-10 Ukudityaniswa kunye nohlaziyo	120
ISICWANGCISO SOHLOLO LWEKOTA YOKU-1	106
Irubhrikhi netsheklisti yohlolo yoLwimi lwaseKhaya neLitheresi	
Ukuphulaphula nokuthetha	107
Izandi	108
Ukufunda nengqiqo	109
Ukubhala ngesandla	110
Ukubhala	111
Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo zeZakhono zoBomi	
ZB nePN	112
Ezobugcisa (obubonwayo)	113
Ezobugcisa (obeqonga)	114
Ezemithambo	115
Amaphepha afotokotshwayo ohlolo	116

li-ayikhoni nezishunqulelo

ULwimi lwaseKhaya




UkuFunda
ngokuVakalayo/
UkuPhulaphula
nokuThetha



Ukufunda



Izandi



Ukubhala



UkuFunda ngamaQela
eNcediswa nguTitshala




UkuBhala ngeSandla
nomSebenzi Owenza
Wedwa



UkuJonga unike iNgxelo
LK neZB

IzaKhono zoBomi



UkuziPhatha



ULwazi olusisiSeko
nokuziPhatha neNtlalo



EzobuGcisa obuBonwayo




EzemiThambo

li-ayikhoni ezisetyenziswayo kwiNYY



Bhala



Faka imbala
okanye zoba



Sika

Ushunqulelo olusetyenzisiweyo

INcwadi kaTitshala – NT

INcwadi Yomsebenzi Yomfundi – NYY

UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala – FQNT

UkuziPhatha neNtlalo – PN

ULwazi olusisiSeko – LS

ULwimi lwaseKhaya – LK

UkuFunda ngabaBini – FB

UmSebenzi Owenza Wenza – SOW

Iincwadi zemisebenzi zeRainbow – DBE

Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wande

Inkqubo yakwaFunda Wande idibanisa uLwazi lokuFunda nokuBhala uLwimi lwaseKhaya kunye neZakhono zoBomi zabafundi bamaBanga 1–3 esekelwe kwikharithyulam kaCAPS. Ngokulandela le nkqubo, abafundi baza kufunda ukufunda nokubhala kwaye baphuhlise ulwazi olusisiseko, izakhono nesigama. Konke oku kuza kubalungiselela ibanga eliphezulu kunye nezinye izifundo zolwimi.

INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe

Kukho iNcwadi kaTitshala yekota nganye kuwo onke amabanga esiGaba esisiSeko. Sisalathiso semihla-ngemihla sotitshala abaxakekileyo, ukukunceda ngesicwangciso sakho, ulandelelano nohlolo. INcwadi kaTitshala ibonisa umxholo wesifundo ngasinye – omawukufundise kwaye ngoluphi ulandelelano. Isicwangciso seveki nesicwangciso sokota nazo zinikiwe. INcwadi kaTitshala (NT) ikwanika **nangemiSebenzi yoHlolo** ecebisiweyo ekupheleni kweNT nganye. Izifundo nemisebenzi yohlolo zisekelwe, kwaye ziquka yonke ikharithyulam kaCAPS.




IsiKhokelo seNdelela yokuFundisa: Indlela yokufundisa

IsiKhokelo seNdelela yokuFundisa (KNF) esahlukileyo, esongezelelweyo sinika nezikhokelo malunga nezinto zesiqhelo zokwenza izinto, iingcebiso ngendlela yokufundisa uhlobo lwesifundiso ngasinye kwinkqubo kaFunda Wande. Singasetyenziswa ekuqaleni kwekota nganye ngexesha lokuqeqesha okanye elokucwangcisa kwaye naninina, ukujonga ukuba uwalandela ngokuchanekileyo na amanyathelo esifundo kwaye usisebenzisa ngokupheleleyo na isifundo.

Kuhlobo ngalunye lwesifundo, IsiKhokelo seNdelela yokuFundisa (KNF) sichaza:

1. **injogo** yolu hlobo lwesifundo: kutheni sifundisa ezi zifundo nje
2. **inkqubela** yoluhlobo lwesifundo: indlela yokwenza izinto nesicatshulwa esinikiweyo kwinkqubo siqhubela phambili kuwo omathathu amabanga ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana izakhono nolwazi ozithe kratya
3. **indlela yokufundisa**: indlela yokufundisa isifundo, ngendlela ecacileyo, ulandelelano ngenyathelo ngalinye; injongo yenyathelo ngalinye kwaye nawuphina umahluko phakathi kwamabanga omathathu ucacisiwe
4. **ukwahlula**: ukumelana nabafundi abakumanqanaba ahlukileyo kolu hlobo lwesifundo
5. **uHlolo olungekho seSikweni**: indlela yokusebenzisa olu hlobo lwesifundo ukuhlola inkqubo yemihla ngemihla yabafundi
6. **uHlolo oluseSikweni**: indlela esesikweni yokuhlola izakhono nolwazi ezifundisiweyo kolu hlobo lwesifundo kwikota nganye, esekelwe kwikharithyulam kaCAPS



IsiKhokelo seNdelela yokuFundisa (KNF) yincwadi yesalathiso elungiselelwe bonke ooTitshala besiGaba esisiSeko, iBanga 1–3, ukuba bayisebenzise kunye neNT.

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY)

inamaphepha esetyenziswa ngabafundi ngexesha lesifundo. Amaphepha abekwe ngendlela enye nemisebenzi ekwiNT. Abafundi baza kugqibezela eminye imisebenzi ebhalwayo kwiNNY kodwa bagqibezela uninzi lwemisebenzi ebhalwayo kwincwadi yokubhala.



INcwadi eNkulu yenzelwe ukuba isetyenziswe xa abafundi behleli emethini ngesifundo zokuFunda noTitshala neseZakhono zoBomi. Zikhona kwikota zonke zeBanga loku-1 nakwikota yoku-1 neyesi-2 kwiBanga lesi-2. Amaphepha **eNcwadi eNkulu (NN)** akhona nakwi**Ncwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY)**.

Isicwangciso seKota yoku-1

Iveki	Umxholo	Ibali elifundwa ngokuvakalayo	Ibali elifundwa nguTitshala	Izandi	Ukufunda ngengqiqo	
1	Ndikhethekile			Ukuqhelanisa nohlolo		
2	Ndikhethekile	<i>USipho uya esikolweni</i>	<i>USipho uya esikolweni</i>	m; n; l; b; k; s; d; l; c	<i>MCQs – USipho uya esikolweni</i>	
3	Wonke umntu ukhethekile	<i>Echibini</i>	<i>Echibini</i>	nt; ntw		
4	Wonke umntu ukhethekile	<i>Inkwenkwe efikayo kunye nomxhaphazi</i>	<i>Echibini</i>	nk; nkw	<i>MCQs – Echibini</i>	
5	Sahlukile, siyafana	<i>Sahlukile nangona sifana</i>	<i>Amehlo amatsha kaSipho</i>	kh; khw		
6	Sahlukile, siyafana	<i>Andizifumani iindondo zam</i>	<i>Amehlo amatsha kaSipho</i>	nx; nxw	<i>MCQs – Amehlo amatsha kaSipho</i>	
7	Izinto esizidingayo ukuze siphile	<i>Zintoni esizidingayo ukuzigcina sisempilweni?</i>	<i>Zintoni esizidingayo ukuzigcina sisempilweni?</i>	gc; gcw		
8	Izinto esizidingayo ukuze siphile	<i>Usuku lukaDora lokubasempilweni</i>	<i>Zintoni esizidingayo ukuzigcina sisempilweni?</i>	hl; hlw	<i>MCQs – Zintoni esizidingayo ukuzigcina sisempilweni?</i>	
9	Ubomi obusempilweni lintsuku ezikhethekileyo	<i>Itheko esikolweni</i>	<i>Itheko esikolweni</i>	mb, ty		
10	Ubomi obusempilweni lintsuku ezikhethekileyo		<i>Uhlaziyo</i>			

	Ukwakhiwa koLwimi	Ukubhala	IZakhono zoBomi itekisi yolwazi	Ulwazi oluSisiseko noPN	EzobuGcisa	EzamiThambo
	Jonga Isikhokelo seNdelela yokuFundisa kwiphepha X ukuze ufumane izakhiwo zolwimi emazifundiswe kule kota. Fundisa ngexesha lezifundo zokuFundisa noTitshtatala nokuBhala.					
		lindaba PN: Iyunifom entsha yesikolo SOW: Iimpawu ezilungileyo	Imithetho yeklasi	Imithetho yeklasi Ukuphefumla Ndiziva ndikhethekile Uphando: Iimpahla yesiNtu	EzobuGcisa obuBonwayo: Izandla ezinobubele, <i>ichatterbox</i> EzemiThambo: Iinganisani ibali	Imisebenzi ekhethiweyo
		lindaba PN: Ileta yobuhlobo SOW: Iimpawu ezilungileyo zomhlobo	Sahlukile nangona sifana	Ukufana nokwahluka ukuphefumla Abahlobo Uphando: Ukhethekile!	EzobuGcisa obuBonwayo: Amanyathelo ezilwanyana EzemiThambo: Iingoma ezingezilwanyana	
		lindaba PN: Ibali elitsha SOW: Chaza izinto ezifanayo nezahlukeyo	Amazwe akwi-Afrika eseMazantsi	Izixeko zamazwe akwi-Afrika eseMazantsi Ukuhleka Ukwahluka phakathi kwamalungu osapho Uphando: I-fynbos	EzobuGcisa obuBonwayo: Ibhokisi yemiyalelo – izithuthi EzemiThambo: Iinganisani umboniso omalunga nomxhaphazi	Imisebenzi ekhethiweyo
		lindaba PN: Balisa ibali kwakhona SOW: Ikhadi lesazisi leQhawe	Izixhobo zokuncedisa abantu abakhubazeke ngokomzimba	Tshatisa ukhubazeko ngokwasemzimbeni noncedo lwalo Ukuphefumla Ukunceda abantu abakhubazeke ngokomzimba Uphando: Fumana umntu okhubaeke ngokomzimba	EzobuGcisa obuBonwayo: Yenzani iindondo EzemiThambo: Iinganisani iimvakalelo, ukulinganisa	Imisebenzi ekhethiweyo
		lindaba PN: Utyelelo kugqirha SOW: Izifakalisi ezimalunga neelensi	Intlobo ezahlukeyo zeelensi	Ulwimi lwezandla Ukuphefumla Uphando: Itheleskopu	EzobuGcisa obuBonwayo: Yenza iglasi eglasi ebonakalisa into nkulu, iidonathi EzemiThambo: Cula ingoma	Imisebenzi ekhethiweyo
		lindaba PN: Uhluhlu lokutya esikuthandayo SOW: Imenyu yokutya esikuthandayo. Uhluhlu lokutya esikuthandayo.	Ukutya kwemihla ngemihla nokwezinye iimini	Ukuzikhusela elangeni Ukuhleka Uphando: Ilanga	EzobuGcisa obuBonwayo: Yenza ipleyiti yephapha, enokutya okuthandayo EzemiThambo: Umculo – izantya ezahlukeyo	Imisebenzi ekhethiweyo
		lindaba PN: Izivakalisi malunga nokuba sempilweni SOW: Usuku lokubasempilweni	Imikhwa yokuba sempilweni	Imikhwa yokuba sempilweni Ukuncuma Usuku lokuba sempilweni Uphando: Ungcoliseko	EzobuGcisa obuBonwayo: Yenzani nize nihombise isifonyo EzemiThambo: Ndiye emalikeneni (ibali lohlanganiso)	Imisebenzi ekhethiweyo
		iindaba PN: Ukubhala ibali SOW: Isimemo setheko, ibali elimalunga netheko esikolweni	Ukugcina amanzi nokutya kukhuselekile	Ukugcina amanzi nokutya kukhuselekile Ukuphefumla Imilambo ecocekileyo nengcolisekileyo Uphando: uSuku lwamaLungelo oluNtu	EzobuGcisa obuBonwayo: Ukuzoba iintsholongwane UbuGcisa beQonga: Iinganisani umdlalo, retell balisa ibali kwakhona	Imisebenzi ekhethiweyo
		lindaba				

Isicwangciso seVeki

Utshintso kwisicwangciso esihlaziyiweyo luphawulwe ngombala obomvu. Xa usebenzisa isicwangciso esihlaziyiweyo, lungisa isicwangciso sesifundo ngolu hlobo:

- Dibanisa izifundo ezimbini zobuGcisa obuBonwayo ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- Dibanisa izifundo ezimbini zobuGcisa beQonga ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- KweZemiThambo, qhubeka usebenza ngezitishi zemisebenzi ezine, kodwa utshintsha ntshintshe abafundi kweziveki zimbini.
- Xa amaQela oFQNT enziwe (iveki yesi-5), izifundo ezifakelweyo zeFQNT zingasetyenziswa ukuphinda imisebenzi kwaye ukomeleza izakhano ezifundisiweyo evekini.

IBANGA 2 (ULWIMI LWASEKHAYA)					
	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
IZIBALO*					
85 imiz x iintsuku ezi-4 + 55 imiz x usuku olu-1 / 96 imiz x iintsuku esi-5 kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo					
ULWAZI OLUSISEKO NEPN					
15 imiz	UkuPhulaphula NokuThetha (LS) (Ukufunda ngokuvakalayo)	I-Oral (LSPN) UkuziPhatha <i>(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: Asenziwa isifundo)</i>	I-Oral (LSPN) Ndicinga, ndiziva ... <i>(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: Asenziwa isifundo)</i>	I-Oral (LSPN) Ingoma/ isicengcelezo <i>(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: Asenziwa isifundo)</i>	I-Orali (LS) (Ingxoxo ngophando)
15 imiz	LS (isifundo esigxile kwitekisi)	LS (umsebenzi)	LS (uphando)	LSPN (Umsebenzi)	Umsebenzi woLS (Uphando lokubhala) <i>(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: Asenziwa isifundo ngokoqibezela umsebenzi ngexesha elongezelelweyo loFQNT)</i>
UKUFUNDA NOKUBHALA					
15 imiz	Izandi (Isandi-nobumba esitsha)	Izandi (Umsebenzi)	Izandi (Iintsapho zamagama)	Izandi (Umsebenzi)	Izandi (Ubizelo/Ukufunda amagama ubalelwa ixesha)
15 imiz	Ukufunda (Nabanye)	Ukufunda (Ukwakha isivakalisi)	Ukufunda (Namaqela nayedwa)	Ukufunda	
15 imiz	Ukubhala (Iindaba)	Ukufunda nabanye	Ukubhala yedwa	Ukuhlela / Ukufunda ngengqiqo	Ukubhala yedwa
10 imiz	Intshayelelo yokuBhala ngeSandla nomSebenzi Owenza Wedwa				
30 imiz	Imisebenzi yoFQNT / nomSebenzi Owenza Wedwa	Imisebenzi yoFQNT / nomSebenzi Owenza Wedwa	Imisebenzi yoFQNT / nomSebenzi Owenza Wedwa	Imisebenzi yoFQNT / nomSebenzi Owenza Wedwa	Imisebenzi yoFQNT / nomSebenzi Owenza Wedwa
10 imiz	Imisebenzi eyenziwa kwi e-classroom	Imisebenzi eyenziwa kwi e-classroom	Imisebenzi eyenziwa kwi e-classroom	Imisebenzi eyenziwa kwi e-classroom	Imisebenzi eyenziwa kwi e-classroom
15 imiz					UkuJonga unike iNgxelo
25 imiz	EFAL*	EFAL*	EFAL*	EFAL*	EFAL*
IZAKHONO ZOBOMI					
30 imiz	EzobuGcisa obuBonwayo:	EzobuGcisa obuBonwayo: <i>(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: yenza uFQNT nomsebenzi abawenza bodwa wakwaDBE)</i>	UbuGcisa beQonga	UbuGcisa beQonga <i>(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: yenza umsebenzi owongezelelweyo woFQNT nomSebenzi Owenza Wedwa)</i>	



IZAKHONO ZOBOMI					
30 imiz	EzemiThambo (Intshayelelo) <i>(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: yenza uFQNT nomsebenzi abawenza bodwa wakwaDBE)</i>	EzemiThambo (Izitishi zemisebenzi)	EzemiThambo (Izitishi zemisebenzi) <i>(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: yenza uFQNT nomsebenzi abawenza bodwa wakwaDBE)</i>	EzemiThambo (Izitishi zemisebenzi)	EzemiThambo (Izitishi zemisebenzi) <i>(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: yenza uFQNT noPhando lokubhala)</i>

*Akuqukwanga kolu Cwangciso lwesifundo

Imisebenzi yezemiThambo: Ikota yoku-1

Khetha imisebenzi emine ngeveki, ejolise kwizakhono ezahlukeyo.

Iintshukumo zamalungu omzimba
- Dlalani imidlalo yesintu, umz. upuca, icekwa. - Ugqatso lwetapile. - Ugqatso lweqanda necephe – xhathisa ibhola encinci kwicephe elikhulu.
Ukuqonda intshukumo
- Phosa iingxowana ezineenozo emoyeni uphinde uzigange. - Ngabanini, phosani ibhola niyibethe.
Isingqi
- Tsiba ugqaphu usenza isicengcelezo. - Ukuqhwaba izandla nibabini nisenza isicengcelezo. - Ukutsiba usikhotshi. - Tsibela phezu kweentambo zibekwe ngokungqameneyo – phinda kwaye uhambise iintambo ziqelelane ngakumbi.
Icala
- Ngcileza ngomlenze omnye wasekunene nowasekhohlo (landela inkokheli). - Ukuphosa ufake ibhola ngesandla esinye, sasekunene nesasekhohlo. - Ukuphepha nokuhamba kumacala ohlukeneyo.
Ukuxhathisa
- Ngababini, jonganani nivule imilenze nidibane ngeenyawo, nibambane ngezandla, tsalanani nibuye umva naphambili, umphantsi weenyawo udibane. - Phinda nime ngeenyawo, nisebenzisa isandla ukutsalana, iinyawo zithi nca phantsi. - Xhathisa ingxowana eneencozo kumalungu ahlukileyo omzimba ngelixa uhamba ngomgca.
Ukusebenzisana kwamalungu
- Phosa ibhola kwinto ebekelwe lo nto ngesandla sakho esomeleleyo/esibuthathaka. Bala ozichanileyo. - Khabela ibhola kwinto ebekelwe lo nto ngenyawo elomeleleyo/elibuthathaka. Bala ozichanileyo. - Phosa ugange ingxowana eneencozo. - Gqithisa ibhola phantsi kwemilenze ngexa omnye umfundi eme emva komnye. - Gqithisa ibhola ngomva phezu kwentloko ngexa omnye umfundi eme emva komnye.
Iindidi zemidlalo
- Dlala imidlalo elula yesintu. Xoxani ngemigaqo. - Landela inkokheli. - Balekani ugqatso ngeenzwane/nibuya umva/ningcileza/ikiriva/“unonkala”. - Imidlalo yeentshukumo – yenzani ubungakanani, umgama, indawo nobungakanani.
Ukuziqhelanisa nesithuba
- Zolule uzisonge: Yenza umziba ubemde uphinde ubemncinci, uphinde ubemfutshane kangangoko unako. - Ukutsiba/ukurhubuluza/ukukhasa/ukunyuka/ukuxhuma/njl njl. - Ukubalekela kwiindlela ezahlukeyo bengagilani.

ISICWANGCISO SEVEKI



Ndikhethekile

Iveki yokuqala yonyaka ithanda ukuba mfutshane kwaye isoloko iphazamiseka. Ngoko ke, incwadi yomsebenzi kunye nesikhokelo sikatitshala sicebisa imisebenzi embalwa enokwenziwa nakweliphi na inqanaba. Le misebenzi ihlaziya umsebenzi webanga loku-1. Isenokwenziwa nemisebenzi eyongezelelweyo evela kwiincwadi zomsebenzi zeDBE.

IMISEBENZI ECETYISWAYO YEVEKI YOKU-1

MISELA IINKQUBO ZEMISEBENZI YESIQHELO

Misela iinkqubo zemisebenzi yesiqhelo zokulawula igumbi lokufundela ezinjengokuya kwikona yokufundela, ukuthetha neqabane, ukuya kwindlu yangasese, ukuma emgceni, ixesha lokuphaka, ukugcina igumbi licocekile, ukunikisa iincwadi, ukulola iipensile, njalo njalo.

IMISEBENZI YENCWADI YOMFUNDI YOMSEBENZI

Le misebenzi inokwenziwa nangaliphi na ixesha evekini.

iph. 2
15 imiz

UMHLA

Ndingubani?

Igama _____
Ifani _____
Umhla wokuzalwa _____
Iminyaka _____
Idilesi _____

Faka umbala kwiphondo lakho.

2 - IVEKI YOKU-1

Ndingubani mna?

iph. 3
15 imiz

UMHLA

Ndiyabazi oonobumba bam

Funda ze ufake umbala. Zoba umfanekiso.

Mm Ll Cc Kk

IVEKI YOKU-1 - 3

Ndiyabazi oonobumba bam

iph. 4
15 imiz

UMHLA

Ndikhethekile

Ndiyakwazi uku- _____
Ndiyakwazi uku- _____
Ndiyakwazi uku- _____
Ndiyakwazi uku- _____

4 - IVEKI YOKU-1

Ndikhethekile

IMISEBENZI YEENCWADI ZEDBE

Abafundi bangenza imisebenzi kwiincwadi zeDBE zoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi ngalo naliphi na ixesha evekini.

**UKUFUNDA NEZANDI**

- Ukuziqhelanisa noonobumba ababizwa ngokukhawuleza neklasi yonke nabafundi ngabanye. Yalatha oonobumba abakwitshathi ye-alfabethi okanye koonotsheluzi. Abafundi mabanike isandi. Gcina isantya sokwenza lo msebenzi siphezulu. Qaphela ukuba bangabaphi abafundi abasokolayo ukuchonga izandi
- Ukuqhuba uhlolo lweEGRA nomfundi eyedwa. Sebenzisa iziphumo zohlolo lweEGRA ukwenza amaqela okufunda enziwa ngabafundi abakwizinga elifanayo lokufunda kwisifundo sokufunda ngamaqela.
- Vumela abafundi ukuba bafunde iincwadi kwikona yokufunda okanye kwithala leencwadi.

**EZEMITHAMBO**

Nika abafundi ithuba lokwenza intshukumo kwaye benze imithambo yangaphandle. Jonga iphepha lesi-5 ukuze ufumane izimvo.



Ndikhethekile



AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

iimpahla

ihempe

ibhulukhwe

iikawusi

izihlangu

Umcwe wesivakalisi


Umakhulu kaSipho wamthengela iyunifomu entsha yeBanga lesi-2.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- 1 Ukufunda ngababini NYY iphepha lama-20
- 2 Ukufunda ngababini 1 m f l b k x
- 3 Ukufunda ngababini 2 UKamva ubaleke wawa ngama dolo
- 4 Ukufunda ngababini 3 Umama ubala imali esosini
- 5 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lesi-2-4
- 6 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lesi-5-7
- 7 DBE iZakhono zoBomi iphepha le-12-13 Abantu abasingqongileyo
- 8 Isichazi-magama
iimpahla ihempe ibhulukhwe iikawusi izihlangu

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- Imizekelo okanye imifanekiso yabantu abanxibe isinxibo sesintu okanye senkcubeko
- Ibhola yentenetya okanye iphepha elishwabeneyo okanye iingxowa zeplastiki
- Izikere neekhrayon
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi ethile YezemiThambo



USipho uya esikolweni

USipho waya esikolweni ngeyunifom entsha. Wathatha ipensile yakhe entsha, ipeni yakhe entsha kunye nesidlo sasemini wazifaka kubhaka wesikolo. Wonke umntu wathi **ntshoo** kuye.

USipho wadibana noSihle esikolweni. Ihempe kaSihle yayincinci kakhulu. Ibhulukhwe yakhe yayimfutshane kakhulu nezihlangu zakhe zazizincinci.

Wathi uSipho, "Awuqhelekanga! Kwaye ukhangeleka uhlekisa"

USihle uphendule ngelithi, "Awuqhelekanga nawe! Kwaye ukhangeleka uhlekisa!"

"Ha ha!" bahleka bathi, "Asikhathali. Singabahlobo!"

Badlala kunye imini yonke.

Ngekhefu uSipho noSihle bavula oobhaka babo besikolo. USihle wayengenayo ipeni.

Isixhiphothi senkwenkwe enguYakobi sabona ipeni entsha kaSipho. "Ndinike loo peni," watsho uYakobi. Wayithatha ipeni.

USipho waleqa isixhiphothi senkwenkwe. Kwakunzima ukubaleka ngezihlangu ezikhulu. USihle waleqisa naye. "Buyisa loo peni!" bakhwaza, "Buyisa! Yibuyise!"

Amantombazana amadala amkhwaza uYakobi. "Yakobi! Yeka ukuba **ngumxhaphazi**! Buyisela loo peni!"

UYakobi wayibuyisela ipeni. "Uxolo," watsho.

Lehla ixhala kuSipho. Umakhulu angacaphuka kakhulu ukuba angalahla ipeni yakhe entsha ngosuku lokuqala.

Amantombazana amadala athi, "Owu, jonga le nkwenkwe! Incinci kakhulu kwihempe yayo enkulu! Kunjalo nje iyathandeka!"

USipho wabaneentloni kakhulu. Wahlohla ihempe yakhe wabopha imitya yezihlangu. "Enkosi kakhulu ngokundinceda," watsho.



ISIGAMA

ntshoo – ukujonga into ixesha elide

isixhiphothi – umntu omde onomzimba omkhulu

ngumxhaphazi – umntu ophatha kakubi abanye ngokuthetha kakubi nabo okanye ngokubathathela izinto zabo



UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

USipho uya esikolweni

Phambi kokufunda Yazisa ngomba wokuxhatshazwa.

Ukufunda Funda ibali ngokuvakalayo uze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda

- Ingaba iyuniom kaSipho yayimlingana? Ngoba?
- USipho wenza ubuhlobo nabani?
- Kwakutheni ukuze uYakobi athathe ipeni?
- Ngubani owafumana ipeni kaSipho?
- Ungabanqanda njani abaxhaphazi ukuba bangathathi izinto zakho?

NT
iph. 9

15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO **Kwigumbi lokufundela**

Ulwazi lwangaphambili Ingaba niyayidlala imidlalo enemithetho/enemigaqo? Kutheni lento sidinga imithetho?

Ulwazi olutsha

- Singaqinisekisa njani ukuba sineklasi eyonwabileyo?
- Yintoni esinokuyenza ukubonisa ukuba siyahloniphana?

Funda iphepha kunye nabafundi

iph. 11
15 imiz



IZANDI Isandi u-ngq

Yazisa isandi


- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini Funda amalungu kunye namagama.

Bhala Bhala amagama emifanekiso.

iph. 12
15 imiz



UKUFUNDA *USipho uya esikolweni*

Ukuthetha ngemifanekiso Ingaba ubona bani emfanekisweni ngamnye?

Funda ibali lonke kunye nabafundi Abafundi bakhomba amagama belandela ibali.

Ukufundisisa ibali

- Kwiphepha loku-1 khomba igama elisixelela ukuba ngubani othenge iyunifom kaSipho.
- Fumana igama elisixelela ukuba zingaphi iibhulukhwe ezimfutshane azithengileyo.
- Kwiphepha lesi-3 khomba kwigama elisixelela ukuba yayingubani umhlobo kaSipho? Yintoni ekuncedileyo ukufumana eli gama ngokukhawuleza (*unobumba omkhulu*)?
- Wathini omnye komnye? Yintoni ekuncedileyo ufumana amagama ? (*iimpawu zokuthetha*)
- Kwiphepha lesi-5 khomba kumagama awathethwa nguSipho kuYakobi. Watsho kunye nam.
- Ungaziva njani xa umntu ethatha izinto zakho ezintsha?

iph. 5-10
15 imiz





UKUBHALA Iindaba

Nikeza ngesihloko seendaba (iindaba ngeholide, impelaveki, iqela lemidlalo, inqubo kamabonakude)

Amaqela Sebenzisa isakheko seeNdaba Zam esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa iindaba zabo.

Abafundi babhala iindaba kwincwadi zabo zomsebenzi

- Bakhuthaze ukuba basebenzise izivakalisi ezide bachaze iinkcukacha.

15 imiz



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banomsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (FQNT).

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela A noB

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz

EZBUGCISA OBUBONWAYO Zoba izandla

Nikisa ngephepha kunye neekhrayoni.

Bonisa umsebenzi ebhodini.

Zoba ufake imibala

- Abafundi bazoba izandla zabo.
- Zoba imigca engamaza ukwahlula iphepha libe ngamacandelo amathandathu.
- Faka imibala eqaqambileyo kwiibhloko.

30 imiz



EZEMITHAMBO Dlala umdlalo wesangqa

Ukuzilungiselela

- Khetha imisebenzi emine eyahlukileyo kwiveki yesi-5 yeveki.
- Lungisa izixhobo zokusebenza.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane eveki leyo.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo zomsebenzi uze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi batshintshana ngokulinganisa imisebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke Dlalani imidlalo efana necekwa, urova obomvu, nondize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



LWESIBINI



UKUZIPHATHA NENTLALO Ukuziqaphela

Yazisa

- Cacisa ukuba kubalulekile ukuzipha ixesha lokuphumla yonke imihla.
- Ukuphefumlela umtyhi omde yeyona ndlela yokuphumla.

Ziqhelise ukuphefumla umtyhi omde

- Abafundi bavala amehlo baze baphefumle ngaphakathi umtyhi omde bebala ukuya kutsho kwisihlanu. Emva koko, baphefumlela ngaphandle bebala ukuya kutsho kwisihlanu.

Xoxani ngababini

Vula amehlo uze uxelele iqabane lakho indlela oziva ngayo.

15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO Imithetho yeklasi

Ngqamanisa nesifundo sangezolo Abafundi bathetha kwakho ngemithetho yeklasi.


Yenza umsebenzi Tshatisa imifanekiso nemithetho.

Ngababini: bajonga umsebenzi

- Ingaba nobabini nitshatise imifanekiso nemithetho ngendlela efanayo?
- Qinisekisa kwiNYY kwiphepha le-11.

iph. 13

15 imiz



IZANDI Ziqhelanise nomsebenzi

Ukuziqhelanisa ukufunda oonobumba

- Khomba nokuba ngowuphi unobumba kwialfabethi.
- Abafundi mababize isandi sikanobumba.
- Qhubekela wonyuse isantya.

Yenza umsebenzi Hamba-hamba uncedise abafundi apho kudingeka khona.

Jonga okanye phawula umsebenzi

iph. 14

15 imiz



UKUFUNDA Isingeniso

Ukusika Abafundi basika bakhuphe umcwe wesivakalisi okwiphepha le-111 kwiNYY.

Fundani isivakalisi kunye

- Buza imibuzo malunga nokwakhiwa kwezivakalisi.

Babuze imibuzo engomcu wesivakalisi

- **Ngubani?** Ngumakhulu kaSipho
- **Wenze ntoni?** uthengele

- **Ngubani?** yena (uSipho)
- **Ntoni?** iyunifomu entsha


Abafundi basika bakhuphe amagama

Xuba amagama esivakalisi uze usakhe kwakhona.

Abafundi bancamathelisa isivakalisi kwincwadi zabo zomsebenzi.

iph. 111

15 imiz





UKUBHALA Bhala ibali kwakhona

Isingeniso Abafundi babalisa kwakhona ibali elithi *USipho uya esikolweni* besebenzisa amazwi abo.

Bonisa isakhelo sokubhala

Xoxani Abafundi banika iingcebiso ngebali elitsha elingomntwana ofumana iyunifomu entsha. Khetha:

- Isihloko esitsha
- Igama lomntwana

- Ngubani othenga iyunifomu
- Zeziphi izinto ezithengiweyo
- Ingaba zifanelekile?

Ukubhala notitshala

Bhala ibali elitsha ebhodini, usebenzisa izimvo zabafundi, umzekelo, UMakazi uthengele uAnele iyunifomu entsha. Uthenge isiketi, ijezi, izihlangu, isikipa. Bezimlingana.

Fundani ibali kunye

15 imiz

uthenge iyunifomu entsha

fom entsha

wathenga

Bezi



5 imiz
+
30 imiz



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela C noD

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Zoba izandla

Gqibezelani iphatheni ebeniyeza izolo.

30 imiz

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

Ukuzifudumeza

- Thumel aqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Mabenze umsebenzi.
- Utitshala uyaqwalasela acebise.

Ukuzipholisa

30 imiz



LWESITHATHU

**UKUZIPHATHA NENTLALO** Ndinga, ndiziva ...

Nika ibinza lokuqala isivakalisi Ndiziva ndikhethekile xa ndi...

Izibini Umfundi ngamnye ugqibezela isivakalisi.

Yabelana Khetha abafundi ukuze babelane ngeempendulo zabo neklasi.

15 imiz

**ULWAZI OLUSISISEKO** Izinxibo zesintu

Ulwazi lwangaphambili Bonisa abafundi imifanekiso okanye imizekelo yezinxibo zesintu, kwaye bayeke bathethe ngoko bakwaziyo ngazo.

Funda iphepha Xoxa ngomfanekiso uze ufundele abafundi itekisi.

Thetha ngemibuzo

- Uza kuyifumana njani impendulo?
- Abafundi mabaze neempendulo ngoLwesihlanu.

iph. 15

15 imiz

**IZANDI** Izandi m f l b k x

Hlaziya

- Phulaphula uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi ngasinye.


Chonga amagama anezi zandi Abafundi bangaza namanye amagama abawaziyo

Ngababini Funda amalungu kunye namagama.

Bhala Abafundi babhala umsebenzi okwiNYY, bakhuphele izivakalisi ezincwadini.

iph. 16

15 imiz

**UKUFUNDA** USipho uya esikolweni

Fundani kunye Funda kunye nabafundi iphepha lesi-5 ukuya kwelesi-8 kwibali elithi *USipho uya esikolweni*.

Fundani ngababini Ngababini, tshintshanani ngokufunda iphepha ngalinye.

Funda wedwa Sebeza ufunda amaphepha amane okuqala ebal.

iph. 5-10

15 imiz





UKUBHALA Imithetho yeklasu yethu

Xoxani Yenzelwe ntoni imithetho?

Lungisa ibhodi xoxani ngezimvo ngemithetho yeklasu

- Yeyiphi eminye imithetho efanelekileyo? (*Kufuneka sigcine iincwadi zethu zicocekile.*)
- Yeyiphi eminye imithetho elungisa okungalunganga? (*Akufunekanga sibaleke eklasini.*)

Kwincwadi zomsebenzi

- Abafundi babhala imithetho efanelekileyo nemithetho elungisa okungalunganga eklasini.
- Bakhuthaze ukuba baqaphele upelo lwabo.

15 imiz



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuzisa abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela E

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

Isifundo sesibini sokufunda seQela A

- Funda kwakhona ibali ngokuvakalayo kunye nabo.
- Abafundi mabafunde ibali namaqabane wabo.
- Utitshala umamela abafundi ngelixa befunda.

5 imiz
+
30 imiz



EZBUGCISA BEQONGA Lungiselela umdlalo


Iklasi yonke

- Hlaziya indawana yebali elithi, *USipho uya esikolweni*, apho uSipho axhatshazwa khona nguYakobi.
- Abafundi bachaza abalinganiswa bachaza into abayenzayo.

Amaqela amane: Lungiselela umdlalo ongomxhaphazi

- Yaba iindima.
- Yenza incoko yababini.
- Ziqheliseni lo mdlalo.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izititshi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

- Thumel aqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Mabenze umsebenzi.
- Utitshala uyaqwalasela acebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cula ingoma/yenza isicengcelezo

Fundisa ingoma neentshukumo. Inokuculwa ingoma ngetyhuni kaMntakwethu.

Ndikhethekile, ndikhethekile! (*Yitsho uzikhomba*)

Jonga, jonga, jonga, (*khomba emehlweni*)

Umntu okhetheke kakhulu, umntu okhetheke kakhulu.
(*jiwuzisa izandla*)

Ndim! Ndim! Ndim! (*Khomba kuwe kwakhona*)

15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Unobubele okanye akanabubele

Xoxa ngemifanekiso yabantwana abanobubele nabangenabubele.

Funda amabali angezantsi

Phawula ikholam echanekileyo Bala amanqaku uze uphendule imibuzo.


Ibali loku-1 UZola udlala ugqaphu nabahlobo bakhe. Ubona uBabalwa ehleli yedwa. Uthi kubahlobo bakhe, "Ndiza kucela uBabalwa adlale nathi." UBabalwa wonwabile, udlala ugqaphu nabanye.

Ibali lesi-2 UZuko udlala ibhola ekhatywayo nabahlobo bakhe. UThemba yinkwenkwe efikayo, ucela ukudlala nabanye. UZuko athi, "Hayi, siphelele. Hamba uye kudlala nomnye umntu."

ibali lesi-3 UZuko ugoduka nomhlobo wakhe. Udadewabo omncinci uSine uyamcela ukuba amlinde. Umhlobo wakhe athi, "Yenza ngathi awumvanga. Asifuni ntombazana incinci ezakube ihamba nathi." Uyema uZuko alinde udadewabo. "Yiza Sine," utshilo. "Singahamba kunye."

iph. 17

15 imiz



IZANDI

Umsebenzi kwiNYY

Ukuziqhelanisa ukufunda oonobumba

- Khomba nokuba ngowuphi unobumba kwi-alfabhethi.
- Abafundi mababize isandi sikanobumba.
- Qhubeka wonyuse isantya.


Abafundi benza umsebenzi

- Hamba-hamba uncedise abafundi apho kuyimfuneko.

Jonga okanye phawula umsebenzi

iph. 18

15 imiz



UKUFUNDA

Isigama nolwimi


Oonotsheluzi

- Bonisa ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze ukhombwe kumagama akwiNYY.
- Xhoma oonotsheluzi kudonga lwamagama, ze afunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi kwiphepha le-16 kwiNYY.
- Leliphi igama elisixelela ukuba eli bali lenzeka kwixesha elidlulileyo? (*lifumene*)
- Ngawaphi amanye amagama esinokuwasebenzisa endaweni kawafumana? (*uthenge, wenze, uboleke, njalo njalo*)

15 imiz





UKUBHALA Ukufunda ngengqiqo

Uhlaziyo Phindani nifunde kunye ibali elithi *USipho uya esikolweni*.

Phendula imibuzo Jonga emfanekisweni. Phawula impendulo echanekileyo.

Jonga/phawula

iph. 19

15 imiz

UMHLA

Ukufunda ngengqiqo

Phawula isivakalisi esichanekileyo.

1	Inde kakhulu le bhulukhwe.	2	Sifutshane kakhulu esi siketi.
3	Indilingana kakuhle le bhulukhwe.	4	Sindilingana kakuhle esi siketi.
5	Zikhulu kakhulu ezi zihlangu.	6	Incinci kakhulu le jezi.
7	Zindilingana kakuhle ezi zihlangu.	8	Indilingana kakuhle le jezi.

IVEKI YESI-2 - LWESINE - 19



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku ngexesha, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela B noC

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda nganye nganye.

5 imiz

+ 30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA Bonisa imidlalo

Yenza/Bonisa

- Amaqela abonisa imidlalo yawo engoSipho nomxhaphazi.
- Khetha elona qela lenza kakuhle eliza kudlala kuqala.

Vavanya Ncomanani nize niqhwebelane izandla.

Kwasicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



EZEMITHAMBO Ukusebenzisa izixhobo

Ukuzifudumeza

Ukuphoselana ibhola ngababini Umfundi ngamnye unebhola. Baphosa baze bayigange ibhola kumgama oziimitha eziqeleleneyo. Emva koko wandise umgama.

Ukuzipholisa

30 imiz



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Izinxibo zesintu

Ngababini Thethani ngezinxibo zesintu kusapho lwakho.

Yabelana kwaye uhlele

- Zeziphi izinxibo zesintu esizinxibayo xa sisiya kukhonza?
- Zeziphi izinxibo zesintu esizinxibayo ngeentsuku zokubhiyoza?
- Zeziphi izinxibo zesintu esizinxiba rhoqo?

iph. 15

15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO Izinxibo zesintu

Bhala uze uzobe malunga ngoko ukuphandileyo

- Bhala into ibenye oyifundileyo.
- Sebenzisa isivakalisi esipheleleyo ngangeyo ndlela yokubhala ngesandla ebukekayo.
- Zoba umfanekiso.

Kwiscwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ngeli lixa iklasi ibhala iimpendulo kwincwadi zomsebenzi.

15 imiz



IZANDI Ubizelo

Bizela amagama

- Biza igama ngalinye ngokucacileyo nangokucothayo.
- Yiphindaphinde kube kanye kuphela.

Bhala kwincwadi yokusebenzela

- Nika abafundi ixesha lokubhala igama ngalinye.
- Mabasebenzise owona mbhalo wabo wesandla ubukekayo.

Jonga ulungise Bhala amagama ebhodini ukuze abafundi baphawule.

15 imiz

ihempe

bhiyoza

imidlalo

jiwuzisa

xukuxa

izihlangu

isandla

umxhaphazi



UKUBHALA Izifaniso: Ndi...

Thetha ngeempawu ezifanelekileyo

- Bhala la amagama ebhodini: ukonwaba, ukukhalipha, ukomelela.
- Xoxa ngokuba kutheni ezi mpawu zifanelekile.

Cinga ngezifaniso Cinga ngeendlela zokuchaza iimpawu usebenzisa izifaniso, umzekelo: Ululame okwegusha.

Bhala Abafundi bacinga ngezabo izifaniso baze bagqibezele isakhelo sokubhala.

15 imiz





UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela D no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

5 imiz
+
30 imiz




UKUJONGA UNIKE INGXELO

Funda ngababini abafundi bafundelana iindaba zabo.

Phawula umSebenzi Owenza Wedwa

- Jongani kunye imisebenzi yencwadi yomsebenzi yeDBE yale veki.
- Abafundi bayalungisa okanye bayagqibezela.

15 imiz



EZEMITHAMBO Dlala umdlalo wesintu

- Khetha umdlalo wesintu oza kudlalwa ngabafundi phandle.

30 imiz



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ngeli lixa iklasi ibhala iimpendulo kwincwadi zomsebenzi.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwujongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedooluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa

bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-3

Wonke umntu ukhethekile



AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

indlovu

ingonyama

ufudo

iqwarhashe

indlulamthi

Umcwe wesivakalisi

Ngomnye unyaka, imvula ayizange ine.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- 1 Ukufunda ngababini NYY iphepha lama-36
- 2 Ukufunda ngababini 1 n w t n w t
- 3 Ukufunda ngababini 2 Intente yakuloNtando intunyekwe ngomlilo.
- 4 Ukufunda ngababini 3 UNosipho yintwazana ethandwa ziintwala entwasahlobo.
- 5 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-21
- 6 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-23
- 7 DBE iZakhono zoBomi iphepha le-11 nele-13
- 8 Isichazi-magama
indlovu ingonyama ufudo iqwarhashe indlulamthi

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- ipeyinti
- amaphepha eniza kupeyinta kuwo
- izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ethile yezemiThambo



Echibini

Kudaladala kwakubalele kakhulu komile.
Ichibi lalinomthanyana wamanzi owawusembindini.

Izilwanyana zazinxaniwe, amanzi emancinci.
UFudo wayehleli noonomyayi phantsi komthi ebukele. UFudo wathi, "Kufuneka sahlulelaneni ngala manzi!"

UNdlovu waya echibini. Wayekuthanda ukudlala emanzini, nokusela amanzi. Wajonga **kumthanyana** wamanzi wathi, "Hmm! La manzi mancinci. Andizukwazi ukusela ndiphinde ndidlale ngawo."

Kwangoko wacinga. "Ndisesona silwanyana sikhulu someleleyo. Ndiza kuwathatha onke amanzi abe ngawam! Ndiza kuzigxotha izilwanyana." watsho.

Ithe impala neqwarhashe xa ziyokusela, wathi uNdlovu, "La manzi ngawam! Hambani apha!" Wagquma, wangqisha ngezo nyawo zakhe zinkulu uNdlovu, ephephezelisa nezoo ndlebe zakhe zinkulu.

Emva kwethutyana, kwafika uNdlulamthi kunye noNgcuka. UNdlulamthi wayethe chu ngaloo milenze yakhe mide, ibhityileyo wabe uNgcuka egigitheka ehleka.

Besazama ukusela, uNdlovu wagquma, engqisha ngezoo nyawo zakhe zinkulu, ephephezelisa ezoo ndlebe zinkulu. "Ngamanzi am la! Hambani apha!" watsho uNdlovu.


Izilwanyana ezaphinda zafika zizokusela, wazigxotha nazo. "Ndimkhulu kwaye la manzi ngawam onke," watsho.

Izilwanyana zabamba intlanganiso. "Masiyinqande le nto yenziwa yile ndlovu!" Zatsho izilwanyana. UFudo waphakama wathetha, "Ndinecebo." Zamamela ngenyameko izilwanyana. UFudo wathi, "Indlovu inkulu kwaye ingasileqa xa sisiza kusela ngabanye. Xa sisebenzisana ayinakusixhaphaza. Mamelani ke, ndakungqisha ngeenyawo zam kabini, oonomyayi kufuneka bangxole kakhulu, babhabhele kufutshane nentloko yendlovu, itsho **ibhideke**."

Waqhuba uFudo, "Xa indlovu ibhidekile, kufuneka zonke izilwanyana zibaleke ziye kusela amanzi."

UFudo wangqisha kabini. Oonomyayi babhabha ngaxeshanye phezu kwentloko yendlovu. Indlovu yabhideka, yangazi uba mayenzeni. Kwangoko zonke izilwanyana zabaleka zaya echibini, zakhwaza, "Yeka ukusixhaphaza! Ngamanzi ethu sonke la!" UNdlovu wazijonga ntshoo izilwanyana, waneentloni. Emva koko waziyeka zasela ngokukhululekileyo.

"Siyabulela Fudo, ukuba ubungekho ngesifile," zatsho izilwanyana.



ISIGAMA

ichibi – yindawo apho kusela khona izilwanyana

umthanyana – ngamanzi nje amancinci

ibhideke – ingakwazi ukucinga kakuhle

MVULO

**UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO Echibini**

Phambi kokufunda Cela abafundi bakubizele amagama ezilwanyana zasendle.

Ukufunda Funda ibali ngokuvakalayo uze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda

- Kwaye kwenzeka nto ngelixa izilwanyana zisebenzisana?
- Ingaba oku kufana njani nebali likaJakobi nepeni?
- Singafunda ntoni kweli bali?

NT
iph. 21
15 imiz

**ULWAZI OLUSISISEKO Sahlukile nangona sifana**

Ulwazi lwangaphambili Ucinga ukuba sonke siyafana?

Funda iphepha Jongani imifanekiso ze ufunde itekisi.

Xoxani ngemibuzo

- Ingaba sohluka ngoluphi uhlobo? (Ngokufunda okanye ngokubhala? Ngokudlala ibhola ekhatywayo okanye ngokubaleka? Ngokuhlala edolophu okanye ezilalini, ngokuba yintombazana okanye inkwenkwe? Njalo njalo.)
- Sifana ngoluphi uhlobo?

iph. 28
15 imiz

**IZANDI Isandi u-nt**

Yazisa isandi


- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini Fundani amagama nibize namanye eniwaziyo.

Bhala Bhala amagama nizobe nemifanekiso.

iph. 29
15 imiz

**UKUFUNDA Echibini**


Ukuthetha ngemifanekiso Ingaba ubona ntoni emfanekisweni?

Funda ibali lonke kunye nabafundi Abafundi mabakhombe amagama ngeminwe.

Ukufundisisa ibali iphepha lama-28-33

- Kwiphepha lama-28 khomba igama elikuxelela ukuba yayinjani imo yezulu.
- Kwiphepha lama-29 khomba amagama akuxelela ukuba ithini indlovu.
- Wazi njani ukuba la ngamagama entetho?
- Kwiphepha lama-30 khomba igama elisixelela oko kwenziwa yindlovu.
- Ungaziva njani xa indlovu inokungxolisa?

iph. 22-27
15 imiz





UKUBHALA **Iindaba**

Nikeza ngesihloko seendaba (iindaba ngeholide, impelaveki, iqela lemidlalo, inqubo kamabonakude)

Amaqela Sebenzisa isakheko seeNdaba Zam esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa iindaba zabo.

Abafundi babhala iindaba kwincwadi zabo zomsebenzi

- Bakhuthaze ukuba basebenzise izivakalisi ezide bachaze iinkcukacha.

15 imiz



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuzisa abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banomsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (FQNT).

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela A noB

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Izilwanyana zoshicilelo lweminwe


Xoxani

- Abafundi mabajonge ushicilelo lomnwe wabo olukhethekileyo.
- Fanisa ushicilelo lomnwe wakho noweqabane lakho.

Yenza ushicilelo lweminwe

- Abafundi mabafake iminwe yabo kwiipeyinti, ze banyathelise/ bacinizele iminwe yabo kaninzi ukwenza ibe liqela.
- Linda ukuba ipeyinti yome, gcina iphepha elo kwindawo ekhuselekileyo khona ukuze ugqibezele ngoLwesibini.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Isingeniso

Amalungiselelo

- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo ukusuka kwiphepha lesi-5 kule veki.
- Yenza amalungiselelo ezixhobo zale misebenzi.
- Yahlula abafundi ngokwamaqela amane kule veki.

Yazisa izitishi zomsebenzi

- Bonisa abafundi izixhobo ze ucacise imisebenzi yeveki.
- Abafundi mabadlale indima ngale misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke Dlalani ukuleqana okanye undize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



LWESIBINI


UKUZIPHATHA NENTLALO **lingcinga ezizezam**

- Abafundi mabahlale bazole, ze bavale amehlo abo.
- Mabaphefumlele ngaphakathi, ze ubale kube kahlanu, baphefumlele ngaphandle ubale kahlanu. Mabaphinde.
- Mabavule amehlo ze omnye axelele omnye indlela aziva ngayo.
- Thethani malunga nendlela enokuthi ibancede ngayo ukuphumla okanye ukuthomalalise umoya.

15 imiz


ULWAZI OLUSISISEKO **Mna nabahlobo bam**
Amaqela amancinci

- Xoxani ngendlela abohluke ngayo nabafana ngayo abafundi abaseqeleni.
- Zingaphi izinto abafana ngazo nezo bahluke ngazo?

Iklasi yonke

- Cela abafundi abohlukileyo bachaze izinto abafana ngazo.
- Kuphinde oku ngezinto abohluke ngazo.

Zoba Abafundi bazizoba kunye nabahlobo babo ukuba ixesha liyavuma.

15 imiz


IZANDI **Umsebenzi wezandi**
Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amkhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Qhubeka wonyuse isantya.


Yenza umsebenzi

- Abafundi mabenze umsebenzi hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

iph. 30

15 imiz


UKUFUNDA **Ukwakha isivakalisi**

Ukusika Abafundi basika bakhuphe umcwe wesivakalisi okwiphepha le-113 kwiNYY.

Fundani isivakalisi kunye

- Kutheni lento isivakalisi siqala ngonobumba omkhulu?
- Sifumana ntoni ekupheleni kwesivakalisi?

Babuze imibuzo, ze basike igama okanye amagama empendulo

- **Nini?** Ngomnye unyaka

- **Yintoni?** imvula
- **Kwenzeke ntoni?** Ayizange ine.


Abafundi basika bakhuphe amagama

Xuba amagama esivakalisi uze usakhe kwakhona.

Abafundi bancamathelisa isivakalisi kwincwadi zabo zomsebenzi.

iph. 113

15 imiz





UKUBHALA Bhala ileta

15 imiz

Isingeniso Zeziphi iintlobo zeeleta okanye iincwadi esinokuzibhala? (iileta zokubulela, zesimemo kumsitho, zokuxolisa)

Bonisa isakhelo sokubhala

- Umbuliso
- Isiphelo

Xoxani

- Loluphi uhlobo lweleta emasilubhale?
- Singayibhalele bani?
- Singathini okanye singacela ntoni?

Ukubhala notitshala Sebenzisa uhlobo olululo kunye neengcinga zabafundi.

othandekayo

Umhlobo wakho,



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela C noD

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Izilwanyana zoshicilelo lweminwe

30 imiz

Cwangcisa Abafundi baceba indlela abaza kuguqula ngayo izishicilelo zeminwe yabo abazenze ngoMvulo ukwenza izilwanyana.

Yila Fakela izinto ezifana nentloko, amehlo, imilenze, amaqokobhe, njalo njalo.

Bonisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO Izitishi zokusebenzela

30 imiz

Ukuzifudumeza

- Thumela umfundi ngamnye kwisitishi sokusebenzela.
- Mabenze umsebenzi.
- Utitshala makaqwalasele aze acebise.

Ukuzipholisa



LWESITHATHU



UKUZIPHATHA NENTLALO **Ndicinga, ndiziva ...**

15 imiz

Umbuzo Ingaba umhlobo olungileyo ukwenza uvakalelwe njani?

Ngababini Xoxani ngombuzo.

Ukwabelana Khetha abafundi ababini babelane ngabakuxoxileyo (nika wonke umntu ithuba kule kota).



ULWAZI OLUSISISEKO **Ukhethekile!**

iph. 31

15 imiz

Ulwazi lwangaphambili

Buza abafundi ukuba banazo na okanye bakhe bazibona kusini na kwamanye amalungu osapho lwabo.

Xoxani ngokusephepheni Xoxa ngomfanekiso uze ufundele abafundi itekisi.

Thethani ngemibuzo

- Uza kuyifumana njani impendulo?
- Abafundi mabeze nempendulo ngoLwesihlanu.



IZANDI **Isandi u-ntw**

iph. 32

15 imiz


Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini Fundani amagama nibize namanye eniwaziyo.

Bhala Bhala amagama Nizobe nemifanekiso.



UKUFUNDA **Echibini**

iph. 22-24

15 imiz

Fundani kunye


Fundela abafundi amaphepha 28-30 ebali, *Echibini*, ze ufunde nabafundi.

Fundani ningamaqela

Fundani ngamaqela azizithathu, tshintshiselanani ukufunda iphepha ngalinye.

Ukufunda wedwa

Fundela ngaphakathi amaphepha amathathu okuqala ebalini.





UKUBHALA Ileta

Hlaziya isakhiwo seleta

- Isibuliso nesiphelo
- Iimpawu zokubhala

Xoxani ngesigama Igama lesikolo, izifundo zesikolo, imidlalo eniyidlala esikolweni

Umyalelo Abafundi babhala ileta eya kwisalamane besibalisela ngesikolo sabo (bachaza igama lesikolo, ibanga, esona sifundo basithandayo okanye utitshala)

15 imiz



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela E

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

Isifundo sesibini sokufunda seQela A

- Funda kwakhona ibali ngokuvakalayo kunye nabo.
- Abafundi mabafunde ibali namaqabane wabo.
- Utitshala umamela abafundi ngelixa befunda.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA Ingoma ngezilwanyana

Ukuzifudumeze

Yenza izandi ezahlukileyo zezilwanyana zasendle, umzekelo: gquma nje ngengonyama, tswina oku kukanomyayi, lila njenge qwarhashe.

Fundisa ingoma

Khetha uze ufundise ingoma eyaziwayo ngezilwanyana zasendle, umzekelo: iindlovu ezintlanu ezincinci.

Ukuziqhelanisa ngokwamaqela

Abafundi baziqhelanisa nengoma befaka neentshukumo.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zokusebenzela

Ukuzifudumeza

- Thumel aiqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Mabenze umsebenzi.
- Utitshala uyaqwalasela acebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cula/
Cengceleza

Ungowaphi? (*ingalo zolulekile*)
 Ungowaphi? (*ingalo zolulekile*)
 Ungowaphi? (*ingalo zolulekile*)

NdingowaseMzantsi Afrika! (*zolathe*)
 Ndingummi woMzantsi Afrika. (*zolathe*)
 Ndisuka eZimbabwe! (*zolathe*)
 Ndingummi waseZimbabwe. (*zolathe*)
 Ndisuka eMalawi! (*zolathe*)
 Ndingummi waseMalawi. (*zolathe*)
 Kwaye sonke siyafana! (*obhontsi phezulu*)

15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO Abahlobo

Ulwazi lwangaphambili Ingaba benzani abahlobo?

Funda iphepha


- Ingaba umfanekiso ubonisa ntoni?
- Ingaba abantwana benza ntoni?
- Ngomphi onobuntu?

Yenza umsebenzi

- Funda amagama.
- Zoba umgca ekuqaleni kwamagama ukuya kwicala elililo lomfanekiso.

iph. 33

15 imiz



IZANDI Bhala isivakalisi

Ukuziqhelanise Ukufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amkhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mabafunde izandi ezo.
- Qhubeka wenyuse isantya.


Abafundi benza umsebenzi

Abafundi mabenze umsebenzi hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

iph. 34

15 imiz



UKUFUNDA Isigama esitsha nolwimi


Oonotsheluzi

- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela ze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluzi edongeni lamagama, uphinde uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi okwiNYY, iphepha lama-39.
- Leliphi igama elibonakalisa ukuba le nto yayenzeke kudala? (*ayizange*)
- Singathini endaweni yoko. (*ayizange yenzeke*)

15 imiz





UKUBHALA

Ukuphuhlisa isakhono sokubhala

15 imiz

Xoxa ngokubhala notitshala


- Funda isivakalisi sangoLwesibini ebenisenze nonke.
- Bonisa indlela yokwenza ukuba isivakalisi senu sinike umdla. (faka izichazi, izenzi ezinika umdla)

Funda Abafundi mabafundele amaqabane abo isivakalisi abasibhale izolo.

Jonga uze uphuhlise

- Jonga upelo kunye neempawu zokubhala kwisivakalisi.
- Ungasenza isivakalisi sakho sinike umdla ngakumbi?

Tshintsha uphinde kwakhona kwiqabane ngalinye



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuzisa abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku ngexesha, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela B noC

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda nganye nganye.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA

lixesha lenkonsathi

30 imiz

Culani

- Iqela ngalinye maliculele iklasi ingoma eliyilungiseleleyo ngosuku oludlulileyo.
- Khetha elona qela linako ukucula, libe lelokuqala.

Vavanya Ncoma uze ukhuthaze iqela ngalinye.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO

Izitishi zokusebenzela

30 imiz

Ukuzifudumeza

- Thumel aiqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Mabenze umsebenzi.
- Utitshala uyaqwalasela acebise.

Ukuzipholisa



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **Ukhethekile!**

Akukho namnye umntu ehlabathini onemehlo okanye ushicelelo lweminwe efana neyakho. Iminwe yakho kunye namehlo akho akhethekile. Icandelo le*Home Affairs* lithatha ifoto yakho lishicelele neminwe yakho xa usenza isicelo sePasi ukuqinisekisa ukuba xa uphuma okanye ingena kwilizwe lakho nguwe nokwenyana. Oku sikubiza i*Biometrics*.

Ngababini Xela oko ukufumeneyo.

Yabelana

- Cela abafundi abambalwa babelane neklasi.
- Thethani ngoko nikufumeneyo.

iph. 31
15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO **Ukhethekile!**

Bhala uze uzobe ngokufumanisileyo

- Bhala into ibenye othe wayifunda.
- Zoba umfanekiso

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ngeli lixa iklasi ibhala iimpendulo kwincwadi zomsebenzi.

15 imiz



IZANDI **Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo**

Izibini zifunda amagama

- Umfundi ufundela iqabane umzuzu omnye.
- Yenza isangqa kwigama lokugqibela elifundiweyo, lize iqabane libale amagama angafundwanga kakuhle
- Umfundi ngamnye unamathuba amathathu.

Bala amagama

- Khetha elona linge aqhube kakuhle kulo. Thatha nawaphi na amagama angafundwanga kakuhle.
- Abafundi babhala amanqaku abo angcono emgceni.
- Bonisa indlela ofunda ngayo amagama amaninzi ngokuziqhelanisa ngakumbi.

iph. 35
15 imiz

Fundela umhlobo wakho la magama ngomzuzu omnye.			
intaka	intili	utolo	funisa
intaba	intente	totoba	ungaze
intama	intethe	utata	azikho
intuku	intengu	ifama	batyala
iintongo	ifowuni	cima	uhambile
intonga	funda	ibhere	cheba
iintubi	igusha	ibana	ekuqaleni
intwala	intobeko	senu	iflegi
intwaso	ilanga	walila	aboni
intwana	ihashi	aboninzi	bahlala

Inani lamagama owafunde kakuhle: _____

IVEKI YESI-3 • LWESIHLANU • 35



UKUBHALA **Izintoni ezenziwa ngabahlobo**

Xoxa Zeziphi ezona mpawu zilungileyo zomhlobo? (Umzekelo: uthobekile, uyabelana, uluncedo, uyahleka, uyadlala).

Funda Funda iziqalo zezivakalisi nabafundi.

Bhala Abafundi mabakhethe amagama kuluhlu baze bagqibezele kwisakhelo sokubhala ngokuba ngumhlolo olungileyo:

- eklasini
- ngexesha lokuphumla
- ngexesha lokutya.

15 imiz





UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela D no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

5 imiz
+
30 imiz



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Funda Ngababini, abafundi mabafundelane iindaba zabo.

Korekisha umSebenzi Owenza Wedwa

- Tyhilani iincwadi zomsebenzi zakwaDBE nikunye.
- Abafundi bayakorekisha okanye bagcwalise.

15 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zokusebenzela

Ukuzifudumeza

- Thumel aiqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Mabenze umsebenzi.
- Utitshala uyaqwalasela acebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ngeli lixa iklasi ibhala iimpindulo kwincwadi zomsebenzi.

30 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwujongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedooluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa

bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- Lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-4



Wonke umntu ukhethekile

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzá

invula

ukoma

ukunxanwa

amanzi

sela

Umcwe wesivakalisi

“Yeka ukuba ngumxhaphazi!”

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- 1 Ukufunda ngababini NYY iphepha lama-44
- 2 Ukufunda ngababini 1 nk nkW
- 3 Ukufunda ngababini 2 Inkonde igawula iinkuni zokupheka inyama yenkomo.
- 4 Ukufunda ngababini 3 Inkwenkwe enenkwenkwe ikhangela iinkwili emlanjeni.
- 5 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha le-11, 12 nele-13
- 6 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-27 nelama-28
- 7 DBE iZakhono zoBomi iphepha le-14 nele-17
- 8 Isichazi-magama
imvula ukoma ukunxanwa amanzi sela

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- Ipeyinti
- Iphepha ekuza kupeyintelwa kulo
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ethile yezemiThambo



Inkwenkwe efikayo kunye nomxhaphazi

USipho noAmosi babefika kwiBanga lesibini. Ayekhona amakhwenkwe namantombazana ayefika nawo. UThami wayesuka eThekwini. UDora wayefika, esuka eUlundi. UAyanda yena wayesuka eQwaQwa abe uSamson esuka eMalawi.

USipho noAmosi babehlala kunye edesikeni ze uAyanda ahlale noDora. USamson yena wayehlala yedwa. Kuthe xa kuphuma isikolo uYakobi wamisa uSamson esangweni.

"Ingaba unguSamson?" wabuza.

"Ewe," waphendula uSamson.

"Ingaba unawo amandla Samson?" wabuza uYakobi. Wathatha incwadi kaSamson, **wayijula** eludakeni wayinyathela.

"Hahahaaa," wahleka uYakobi. "Incwadi yakho imdaka ngoku, kwaye imdaka njengawe.

Utata wandixelela ukuba **abaphambukeli** bamanye amazwe bamdaka."

USipho wagoduka, ekhathazekile.

"Ukhathazwe yintoni?" wabuza umakhulu.

USipho wabalisele umakhulu ngoYakobi nangoSamson. Ubalisele umakhulu wakhe ngendlela uYakobi ayingcolise ngayo incwadi kaSamson eludakeni nangento ethethwe nguYakobi.

"Yinyani makhulu? Ingaba abantu abasuka kwamanye amazwe bamdaka?" wabuza.

"Hayi akunjalo, USamson yinkwenkwana efana nawe," watsho umakhulu.

"Ingaba ndingamnceda njani? Ukuba ndixelela utitshalakazi, uYakobi uza kundibetha."

Watsho uSipho.

"Unyanisile. masicinge icebo," watsho umakhulu.

USipho nomakhulu beza necebo lokunceda uSamson.

USipho waxelela uAmosi ngecebo likamakhulu ze uAmosi waxelela uAyanda. "Eli, licebo elilungileyo," watsho uAmosi noAyanda. UAyanda waxelela uDora.

"Eli, licebo **eligqwesileyo**," watsho uDora.

Ngexesha lekhefu uYakobi wathi kuSamson, "Incwadi yakho imdaka! Nawe umdaka!"

"Ngoku lixesha lecebo likamakhulu!" watsho uSipho. "Waaaa! Waaaa! Waaaa!" wakhwaza.

UYakobi waye wamshiya uSamson, waya kuSipho.

"Waaaa! Waaaa! Waaaa!" wakhwaza noAmosi. uSipho, uSihle, uAyanda kunye noDora.

Utitshala waphuma, wabuza. "Kwenzeka ntoni?"

"Akukho nto Misi," batsho abantwana, bejonge kuYakobi.

Utitshala wajonga uYakobi. "Kwenzeka ntoni, Yakobi?"

"Akukho nto Misi," waphendula uYakobi. Emva koko wayeka ukuchukela uSamson.



ISIGAMA

wayijula – kukuphosa into

abaphambukeli – abantu abasuka kwamanye amazwe

ligqwesileyo – ithethe ukuba lelona cebo lilungileyo

MVULO



UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

**Inkwenkwe efikayo
kunye nomxhaphazi**

NT
iph. 33

15 imiz

Phambi kokufunda Xoxani ngokuba yintoni umxhaphazi. Cela abafundi bakunike imizekelo.

Ukufunda Funda ibali ngokuvakalayo uze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda

- Waye wathini uYakobi malunga ngabantu abasuka kwamanye amazwe?
- Kwaye kwenzeka ntoni emva kokuba abantwana benze ingxolo enkulu?
- Ingaba kungcono ukusebenzisana okanye ukuzisebenzela uwedwa?



ULWAZI OLUSISISEKO

**Amazwe aseMaZantsi
e-Afrika**

iph. 37

15 imiz

Ulwazi lwangaphambili Ingaba wakhe wadibana nabantu abasuka kwamanye amazwe?

Funda iphepha Jonga imephu uze ufunde umbhalo.

Xoxani ngemephu

- Khomba kumazwe ahlukileyo emephini.
- Khangela amagama eedolophu ezilikomkhulu.
- Ngawaphi awona mazwe makhulu? Ingawaphi awona mazwe mancane?



IZANDI

Isandi u-nk

Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini Fundani la magama, niwophule ngokwamalungu.

Bhala Bhala amagama encwadini nizobe nemifanekiso.

iph. 38

15 imiz



UKUFUNDA

Echibini

iph. 22-27

15 imiz


Ukuthetha ngemifanekiso Ingaba ubona bani emfanekisweni? Kwenzeka ntoni?

Funda ibali lonke kunye nabafundi Abafundi mabakhombe amagama ngeminwe.

**Ukufundisisa ibali iphepha
lama-28-33**

- Kwiphepha lama-31 khomba igama elikuxelela ukuba ufudo laliyazi into ekumele liyenze.

- Kwiphepha lama-32 khomba amagama akuxelela ukuba lalingaphezu komntu omnye inani labantu ababeyinxalenye yecebo.
- Kwiphepha lama-33 khomba igama elikuxelela ukuba ufudo lwaye lwenza ntoni.
- Khomba igama elikuxelela ukuba indlovu yayiziva njani.
- Ucinga ukuba ubuso bendlovu babukhangeleka njani?





UKUBHALA **Iindaba**

Nikeza ngesihloko seendaba (iindaba ngeholide, impelaveki, iqela lemidlalo, inqubo kamabonakude)

Amaqela Sebenzisa isakheko seeNdaba Zam esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa iindaba zabo.

Abafundi babhala iindaba kwincwadi zabo zomsebenzi

- Bakhuthaze ukuba basebenzise izivakalisi ezide bachaze iinkcukacha.

15 imiz



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banomsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (FQNT).

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela A noB

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yenza isithuthi ngeebhokisi

Xoxani Ucinga ukuba uSamson weza njani eMzantsi Afrika xa esuka eMalawi (umzekelo, ngenqwelo-moya, ngebhasi, ngeteksi, ngemoto)

Cwangcisa

- Ningamaqela, yenzani isigqibo ngesithuthi eniza kusenza.
- Abafundi baqokelela izixhobo baze bacwangcise, bazobe isithuthi sabo.

30 imiz



EZEMITHAMBO **Isingeniso**

Amalungiselelo

- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo kuma phepha 18 kule veki.
- Yenza amalungiselelo ezixhobo zale misebenzi.
- Yahlula abafundi ngokwamaqela amane kule veki.

Yazisa indawo zokusebenzela ngomsebenzi ngamnye

- Bonisa abafundi izixhobo ze ucacise imisebenzi.
- Abafundi mabadlale indima ngale misebenzi.

Umsebenzi owenziwa ngumntu wonke Dlala umndlalo ukuleqana okanye undize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklassi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



LWESIBINI



UKUZIPHATHA NENTLALO **Iingcinga ezizezam**

- Izibini zihlala phantsi zijongane.
- Abafundi bayantshintshana ukutsala ubuso obuhlekisayo, baze bahlekise amaqabane abo.
- Cela umfundi omnye okanye ababini babonise iimbuso zabo ezihlekisayo eklasini.
- Thetha ngendlela ukuhleka okunokusinceda ngayo ukuba sikhululeke emzimbeni.

15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO **Izixeko ezilikomkhulu**

Ukufunda

- Jongani imephu kunye kwiphepha lama-37 leNYY.
- Cacisa ukuba isixeko esilikomkhulu kulapho urhulumente ahlalanga khona.
- Khangela amazwe emephini.
- Bhala igama lesixeko esilikomkhulu lelizwe ngalinye.

Ukubhala Kwincwadi zokusebenzela, abafundi bazoba ithethibhile ebonisa amagama amazwe asemephini nezixeko ezingamakomkhulu zawo.

iph. 37

15 imiz



IZANDI **NYI iphepha lama-27**

Ukuziqhelanisa ukufunda oonobumba ngokukhawuleza


- Sebenzisa amkhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mabafunde izandi ezo.
- Qhubeka wenyuse isantya.

Yenza umsebenzi Hamba-hamba uncedise abafundi apho uyimfuneko.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

iph. 38

15 imiz



UKUFUNDA **Ukwakha isivakalisi**

Ukusika Abafundi basika bakhuphe umcwe wesivakalisi okwiphepha le-113 kwiNYY.

Fundani isivakalisi nize nithethe ngeziphumlisi

Babuze imibuzo, ze basike igama okanye amagama empendulo

- Yenza ntoni?** Yeka!
- Wenza ntoni?** Uyasixhaphaza
- Ngubani?** Thina

- Yenza ntoni?** Yabelana
- Ngantoni?** ngamanzi


Abafundi basika bakhuphe amagama

Xuba amagama esivakalisi uze usakhe kwakhona.

Abafundi bancamathelisa isivakalisi kwincwadi zabo zomsebenzi.

iph. 113

15 imiz





UKUBHALA NOTITSHALA

Bhala ibali

15 imiz

Isingeniso Abafundi babalisa ibali elithi, *Echibini* besebenzisa amazwi abo.

Bonisa isakhelo sokubhala

Xoxani elitsha

- Kumele sithini isihloko?
- Yayingubani umxhaphazi, yaye yintoni awayengafuni ukwabelana ngayo nabanye?
- Ngubani owayenecebo elikrelekrele?
- Waye waziva njani umxhaphazi?

Ukubhala notitshala Bhala ibali elitsha ebhodini, usebenzisa izimvo zabafundi.

Izilwanyana e

U_____ yayingumx-

haphazi.

_____ ukwabelana nga

U _____ lwaza necebo.



5 imiz
+
30 imiz



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuzisa abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela C noD

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yenza isithuthi ngeebhokisi

30 imiz

Velisa Abafundi benza izithuthi ebebezicwangcise ngoMvulo.

Bonisa Amaqela abonisa kwaye achaza isithuthi sawo kwiklasi yonke.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemidlalo

30 imiz

Izitishi zemisebenzi

- Thumela umfundi ngamnye kwisitishi sokusebenzela.
- Mabenze umsebenzi.
- Utitshala makaqwalasele aze acebise.

Ukuzipholisa



LWESITHATHU



UKUZIPHATHA NENTLALO

Ndicinga, ndiziva ...

15 imiz

Imibuzo

- Sahluke njani kwaye sifana njani kusapho lwam? (Umzekelo: Ngubani oyena mdala okanye omcinci? Akhangeleka enjani amalungu osapho?)
- Ndiziva njani ngosapho lwam?

Ngababini Xoxani ngemibuzo.

Ukwabelana Khetha abafundi ababini abaza kwabelana neklasi (nika wonke umntu ithuba kule kota).



ULWAZI OLUSISISEKO

I-fynbos

Ulwazi lwangaphambili

Yeyiphi intyatyambo ekwiingqekembe zeR1 zika-2023? (yiKing Protea) Izikhulela phi? (eNtshona nakuMazantsi ephondo leNtshona Koloni)

Funda iphepha Kwiindabo ekhula kuzo i-fynbos, ingaba kunetha ngeliphi ixesha lonyaka?

Thethani ngombuzo

- Niza kuyifumana njani impendulo?
- Abafundi beza nempendulo ngoLwesihlanu.

iph. 40

15 imiz



IZANDI

Isandi u-nkw

Yazisa

- Mamela uze ubize isandi.
- Funda igama elingumzekelo.

Yakha amagama Yakha amagama anesandi uze uwabize.

Wedwa kunye nangababini

- Abafundi bakha amanye amagama anemvano-siphelo.
- Abafundi babiza onke amagama anemvano-siphelo kumaqabane abo.
- Abafundi banokunika amanye amagama.

iph. 41

15 imiz



UKUFUNDA

Echibini

Fundani kunye Fundani amaphepha amathathu okugqibela ebali elithi Echibini nikunye neklasi.

Fundani ningamaqela


Ngamaqela abantu abathathu, niyatshintshana ngokufunda iphepha ngalinye.

Funda wedwa

Sebeza ukufunda amaphepha amathathu okuqala ebali.

iph. 25-27

15 imiz



"Masijingande le nto genziwa yile ndlovu!" zatshe izilwanyana.

"Ngumkhaphazi!" zathetha zatshe.

"Ndinecebo, yizani nizokundimamela," latsho ufudo.

IVEKI YESI-9 • 25



UKUBHALA Mna nomhlobo wam

Xoxani Xoxani ukuba ukufana nokwahluka kuthetha ukuthini.

- Nifana ngantoni wena nomhlobo wakho?
- Nahluke njani?

Cinga ngesigama Cinga ngamagama oza kuchaza ngawo umhlobo wakho.

Bhala Bhala ngokugqibezela isakhelo sokubhala.

15 imiz



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklassi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela E

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

Isifundo sesibini sokufunda seQela A

- Funda kwakhona ibali ngokuvakalayo kunye nabo.
- Abafundi mabafunde ibali namaqabane wabo.
- Utitshala umamela abafundi ngelixa befunda.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ukulinganisa okungalungiselelwanga

Isingeniso Hlaziya ibali elithi, "Inkwenkwe efikayo kunye nomxhaphazi".


Xoxani

- Yayingoobani abalinganiswa ebalini?
- Ucinga ukuba uYakobi wayekhangeleka enjani, yaye ethetha njani?
- Ucinga ukuba uSamson wayekhangeleka enjani, yaye ethetha njani?
- Ucinga ukuba uSipho wayekhangeleka enjani, yaye ethetha njani?

Amaqela

- Abafundi balinganisa bengazilungiselelanga umboniso omfutshane omalunga nomxhaphazi kunye nendlela anqandwa ngayo.
- Wonke umntu umele anikwe ithuba. Khumbuza abafundi ukuba akukho mntu onokwenzakala.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zokusebenzela

Izitishi zemisebenzi

- Thumela umfundi ngamnye kwisitishi sokusebenzela.
- Mabenze umsebenzi.
- Utitshala makaqwalasele aze acebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklassi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cula/Cengceleza

15 imiz

Ungowaphi? (*izandla zoluliwe*)Ungowaphi? (*izandla zoluliwe*)Ungowaphi? (*izandla zoluliwe*)Ndingowase Mzantsi Afrika! (*zolathe*)Ndingummi woMzantsi Afrika! (*zolathe*)Ndisuka eZimbabwe (*zolathe*)Ndingummi waseZimbabwe! (*zolathe*)Ndisuka eMalawi! (*zolathe*)Ndingummi waseMalawi! (*zolathe*)Kwaye sonke siyafana! (*oobhontsi phezulu*)

ULWAZI OLUSISISEKO

Unqandwa njani umxhaphazi

15 imiz

Ulwazi lwangaphambili Basenza sizive njani abaxhaphazi?

Funda iphepha

- Ebalini, uSipho nabahlobo bakhe benza ingxolo enkulu ngethuba uYakobi exhaphaza uSamsoni.
- Ingaba iye yanceda?
- Kuba?

Yenza umsebenzi Ingaba yintoni enye ebebenokuyenza abantwana ukunqanda umxhaphazi?



IZANDI

Misa igama ngendlela efanelekileyo

Ukuziqhelanisa ukufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amkhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mabafunde izandi ezo.
- Qhubeka wenyuse isantya.

Abafundi benza umsebenzi Hamba-hamba uncedise abafundi apho kuyimfuneko.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

iph. 42

15 imiz



UKUFUNDA

Isigama nolwimi


15 imiz

Oonotsheluzi

- Bonisa kwaye ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze ukhombise kumagama akwiNYY.
- Beka oonotsheluzi kudonga lwamagama uze uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi sale veki kwakhona.
- Ngawaphi amagama axelela indlovu ukuba yenze ntoni? (*yeka, yabelana*)
- Imele iyeke nini indlovu ukunanomona ze yabelane? (*ngoku*)
- Uyazi njani loo nto? (*uphawu lokhuzo lubonakalisa oko*)





UKUBHALA Ukufunda ngengqiqo

Uhlaziyo Phinda ufunde ibali, *Echibini*.

Phendula imibuzo

iph. 43

15 imiz

UMHLA

Ukufunda ngengqiqo

Funda ibali elithi *Echibini*.
Phawula impendulo echanelekileyo.

1. Ichibi lali...
☐ ngenamanzi ☐ gowe ☐ nxaniwe

2. Indlovu yayifuna amanzi kuba yayi...
☐ sesona silwanyana side
☐ sesona silwanyana sikhulu
☐ sesona silwanyana sikrelekrele

3. Faka uphawu kwizilwanyana ezaziye echibini.
☐ umvundla ☐ ingcuka ☐ ikati
☐ ihlasi ☐ ingonyama ☐ indulamthi

4. Ngubani oweza necebo etikrelekrele?
☐ yingonyama ☐ liqwarhashe ☐ lufudo

5. Zaye zathini izilwanyana kwindlovu?

IVEKI YESI-4 • LWESINE • 43



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku ngexesha, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela B noC

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda nganye nganye.

5 imiz

+

30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Ingoma yesintu

Ulwazi lwangaphambili

- Thetha ngeengoma zesintu zasekuhlaleni.
- Bonisa indlela oqhwaba ngayo noxhentsa ngayo xa ucula.

Cula Khetha ingoma yesintu, kwaye niyicule kunye eklasini.

Yenza Amaqela akhetha, aziqhelanise aze acule ingoma.

Vavanya Ncomani nize niqhwabele izandla iqela ngalinye.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Izitishi zemisebenzi

- Thumela umfundi ngamnye kwisitishi sokusebenzela.
- Mabenze umsebenzi.
- Utitshala makaqwalasele aze acebise.

Ukuzipholisa

30 imiz



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

I-fynbos

I-fynbos lelona qela lentyatyambo lincinci kwilizwe jikelele. Zingaphezulu kwama-9000 iintlobo zezityalo zefynbos ezifana nemizi ezikhula kwizitswele. Ezinye izityalo ze-fynbos zidinga umlilo ukuze zikhule.

Ngababini Chaza ukuba ufumene ntoni

iph. 40

15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

I-fynbos

Bhala uze uzobe malunga ngoko ukuphandileyo

- Bhala into ibenye othe wayifunda.
- Zoba umfanekiso.

15 imiz



IZANDI

Ubizelo

Bizela amagama

- Biza igama ngalinye ngokucacileyo unganxamanga.
- Phinda kwakhona kube kanye kuphela. Bhala

Bhala kwincwadi yokusebenzela

- Nika ixesha abafundi babhale igama ngalinye.
- Bakhuthaze ukuba babhale ngeyona ndlela echanekileyo nebukekayo.

Jonga ze benze izilungiso Bhala amagama ebhodini ukorekisha abafundi.

15 imiz

iintyatyambo

izityalo

izwekazi

i-Afrika

iintlobo

umphambukeli

iMozambikhwe

umxhaphazi



UKUBHALA

Umxhaphazi

Cinga

- Phinda ufunde ibali langesifundo sokubhala notitshala langoLwesibini.
- Abafundi bazikhethela abalinganiswa bebali elitsha.

Bhala Abafundi bagqibezela isakhelo sokubhala ngebali labo.

15 imiz





UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela D no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

5 imiz
+
30 imiz



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Funda

- Ngababini, abafundi bafundelana imibhalo yabo.
- Xelela iqabane lakho into oyithandileyo ngombhalo wabo.

Nika amanqaku umSebenzi Owenza Wedwa Imisebenzi yeencwadi zeDBE eyenziwa kumSebenzi Owenza Wedwa.

15 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Izitishi zemisebenzi

- Thumela umfundi ngamnye kwisitishi sokusebenzela.
- Mabenze umsebenzi.
- Utitshala makaqwalasele aze acebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ngeli lixa iklasi ibhala iimpendulo kwincwadi zomsebenzi.

30 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwujongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedooluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa

bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- Lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-5



Sahlukile nangona sifana

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

funda

jonga

amehlo

ukukhanya

iindondo

Umcwe wesivakalisi


USipho wazama ukufunda amanani ebhodini.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- 1 Ukufunda ngababini NYY iphepha lama-59
- 2 Ukufunda ngababini 1 k h w k h w k h w
- 3 Ukufunda ngababini 2 UKhumalo ukhe ikhowa elikhukhumeleyo.
- 4 Ukufunda ngababini 3 Ikhwapha likaKhwezi liba buhlungu xa ekhweba.
- 5 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-35, 36 nama-37
- 6 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-47 nama-49
- 7 DBE iZakhono zoBomi iphepha lama-20, 21, 22 nama-23
- 8 Isichazi-magama
funda bona amehlo ukhukhanya iindondo

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- isikere neglu
- iikhrayoni, iikoki okanye izitikha
- Phanda, yenza ingqokelela yemifanekiso yabantu abadumileyo, umz. imfama uRay Charles, Imbaleki enokukhubazeka uNtando Mahlangu kunye noKgothatso Montjane
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ethile yezemiThambo



Amehlo amatsha kaSipho

USipho wayehlala nabahlobo bakhe abasenyongweni uAmosi noSamsoni. Babehlala ngasemva eklasini. Babesenza izibalo, USipho wazama ukufunda amanani ebhodini. Endaweni yokuba abone amanani, uSipho wathi ubona ihagu ebhabhayo.

Yahleka iklassi, wahleka noSipho. Wonke umntu wayibona ihlekisa le nto.

“Kulungile Sipho, **uliqhula!** Yizokuhlala edesikeni yakho,” watsho utitshala.

USipho waphakama wayokuhlala edesikeni yakhe. Wayebhidekile. Ngezinye iimini wayewabona amanani nokuba uhleli ngasemva. Wacinga ukuba kufuneka axelele umakhulu wakhe.

Ukuphuma kwesikolo wagoduka. Wafika uninakhulu esenza amagwinya.

“Makhulu! Ngomso, ndicela undise edolophini!” watsho uSipho.

Umakhulu wamanga. “Kutheni kufuneka ndikuse edolophini? Kwenzeke ntoni Sipho?”

“Hayi Makhulu, namhlanje eklassini ndiye andawabona kakuhle amanani ebhodini. Ndibone into ejongeka njengehagu ebhabhayo!” watsho uSipho.

“Ihagu ebhabhayo? Ngomso kungoMgqibelo, Ndizakusa kugqirha wamehlo. Uyavuya ke ngoku?” bahleka.

USipho wanqwala wancuma. Wacinga ukuba umakhulu akajonganga, wavula ibhakethi elinamagwinya wathatha lalinye. Njengabo bonke oomakhulu, nalo unamehlo angasemva entloko.

“Ndiyakubona!” watsho umakhulu engamjonganga uSipho.

“Anuka kamnandi Makhulu!” watsho uSipho ebaleka ephuma ekhitshini.

UMakhulu wahamba noSipho baya **kugqirha wamehlo**. Ugqirha wawaxilonga amehlo wawavavanya. Uye wathi ugqirha, “Le nkwenkwe idinga iindondo zamehlo!”

Kungentsuku zingaphi uSipho wazifumana iindondo zamehlo, wazinxiba.

“Makhulu! Ndiyibona ngokucacileyo ifoto esedongeni. Ndim lo! Nguwe lo!” wakhwaza.

Waphuma phandle wakhwaza. “Ndiyazibona iibhasi ezisendleleni! Ndiyazibona iinkomo! Ndiyazibona iintaka esibhakabhakeni!”

Akufika enxibe iindondo uSipho esikolweni, wonke umntu wayenemincili.

Wahlala ngemva eklassini wayibona kakuhle ibhodi namanani. Akungena utitshala, uSipho waphakama wafunda amanani ebhodini, $8 + 2$, $3 + 2$. “Ndiyazazi zonke iimpendulo, titshala,” watsho, encumile.

“Kuhle ke Sipho! Akusoze uphinde ubone iihagu ezibhabhayo,” watsho utitshala.



ISIGAMA

iqhula – ngumntu othetha izinto ezihlekisayo

evuthuza – wakhawuleza ukungena egumbini

ugqirha wamehlo – ugqirha ohlola amehlo achaze neendondo onokuzifumana

MVULO



UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

Amehlo amatsha kaSipho

Phambi kokufunda

- Ukhona umntu omaziyo onxiba iindondo?
- Wakhe wazinxiba iindondo?

Ukufunda Funda ibali ngokuvakalayo ze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda

- Kwakutheni ukuze angaboni ebhodini uSipho?
- Wathi utitshala makenze ntoni uSipho?
- Waziva njani akufumana iindondo zakhe ezintsha uSipho?

NT
iph. 45
15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukunceda abahlobo

Ulwazi lwangaphambili

- Ukuba abantu bafuna uncendo lokuhamba, bangasebenzisa ntoni?
- Zeziphi iingxaki abazifumanayo abantu abanokukhubazeka?

Funda iphepha Jonga emifanekisweni ufunde isicatshulwa.

Xoxani ngokubanokukhubazeka Loluphi uncendo abaludingayo abantu abanokukhubazeka?

iph. 52
15 imiz

UMHLA

Ukunceda abahlobo bethu
Abantwana abanokukhubazeka ngokwasemibini badinga uncendo olongezelelweyo ukuze babone ukuhamba-hamba, ukuva kunye nokubona.

 Abantu abangaboni kakuhle baye babeneendondo zamehlo.	 Iintanga zinceda abantu ekunzima ukuba bahambe.
 Abantu abangeva kakuhle baye bafumane uncendo lokuva.	 Inja ekhokelayo iyabanceda abanye abantu abangaboniyo.

52 - IVEKI YESI-5 - MVULO



IZANDI

Isandi u-kh

Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini Funda amalungu kunye namagama.

Bhala Bhala amagama emifanekiso.

iph. 53
15 imiz

UMHLA

kh

ikhowa

 ukhozi	 ikhuba	 ikhala
ikhoba	ukhuko	ukhetshe

Khuphani ikhuba likatatomihulu.

IVEKI YESI-5 - MVULO - 53



UKUFUNDA

Amehlo amatsha kaSipho

Ukuthetha ngemifanekiso Ubona bani emfanekisweni ngamnye?

Funda ibali lonke kunye nabafundi Abafundi bakhomba egameni ngeminwe yabo.

Ukufunda nengqiqo iphepha 46-48

- Kwiphepha lama-46, khomba kwigama elisixelela ukuba uSipho wayehleli phi?
- Kwiphepha lama-47, khomba kwigama elisixelela ukuba utitshala ufuna ahlale ndawoni uSipho?
- Kwiphepha lama-48, phanda igama elisixelela ukuba amehlo kaSipho awasebenzi kakuhle.
- Waziva njani uSipho?

iph. 46-51
15 imiz

UMHLA

Amehlo amatsha kaSipho

USipho wayehleli ngasemva eklasini nomhlobo wakhe. USipho wazama ukufunda amanani asebhodini. "Andikwazi kuwabona onke amanani," ezingela.

46 - IVEKI YESI-5

**UKUBHALA****Iindaba**

Nikeza ngesihloko seendaba (iindaba ngeholide, impelaveki, iqela lemidlalo, inqubo kamabonakude)

Amaqela Sebenzisa isakheko seeNdaba Zam esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa iindaba zabo.

Abafundi babhala iindaba kwincwadi zabo zomsebenzi

- Bakhuthaze ukuba basebenzise izivakalisi ezide bachaze iinkcukacha.

15 imiz

**UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT**

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banomsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (FQNT).

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela A noB

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.


5 imiz
+
30 imiz**EZOBUGCISA OBUBONWAYO****Yenza iindondo zamehlo**

Cwangcisa ze uxoxe

- Xoxani ngendlela yokwenza iindondo zamehlo ezifana nezikaSipho. (iifreyimu, iingalo, iilensi)
- Tyhila kwiphepha lemisiko lama-175
- Xoxani gezintoni ezidingekayo ukwenza ezi ndondo zamehlo.

Yenza iindondo zamehlo

- Abafundi basika iindondo bancamathelise amacala kwisakhelo.
- Mabazilinde zome. Zigcine iindondo zamehlo zikhuselekile, kugqityezelwe ngoLwesibini.

iph. 115
30 imiz**EZEMITHAMBO****Isingeniso**

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine ekwiphepha le-5 yale veki.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula abafundi babe ngamaqela amane ngeveki.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo ze ucacise lemisebenzi emine yeveki.
- Abafundi balinganisa imisebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke

- Dlala imidlalo enjengale bamba, icekwa kunye nondize.

Kwiscwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



LWESIBINI



UKUZIPHATHA NENTLALO **Ukuqaphela kwam**

- Abafundi bahlala ngokukhululekileyo bevale amehlo.
- Baphefumlela ngaphakathi nangaphandle becotha bebala kasibhozo. Baphinda-phinda kasibhozo.
- Bavula amehlo baxeletane indlela abeva ngayo.

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO **Ukuziqhelanisa nemiqondiso**

Ulwazi lwangaphambili Wakhe wambona umntu 'ethetha' ngezandla?

Ulwazi olutsha


- Abantu abangevayo ngamanye amaxesha bayakwazi ukwenza iimpawu ngezandla zabo "bethetha nabanye". Oku sikubiza ngokuthi lulwimi lwezandla.
- Ulwimi lwezandla lulwimi olusemthethweni eMzantsi Afrika.

Babonise ulwimi lwezandla uze ubulise, ubulele, ucele, kwaye uvalise ngezandla zakho. Jonga ku-youtube ukuba kuyimfuneko.

Abafundi bayaphinda baziqhelise

- Umfundi usebenza neqabane lakhe beziqhelanisa neempawu.

15 imiz



IZANDI **Ukugqibezela izivakalisi**

Ukuziqhelanisa nokubiza unobumba ngokukhawuleza


- Khomba nokuba ngowuphi unobumba kwialfabethi.
- Abafundi babiza isandi sika nobumba.
- Phinda-phinda. Qhubeka wonyuse isantya.

Abafundi benza umsebenzi Hamba-hamba uncedise abafundi apho kudingeka khona.

Jonga okanye phawula umsebenzi

iph. 54

15 imiz



UKUFUNDA **Ukwenza isivakalisi**

Ukusika Abafundi basika bakhuphe umcwe wesivakalisi okwiphepha le-117 kwiNYY.

Fundani isivakalisi kunye

- Kutheni unobumba omkhulu osequaleni kwesivakalisi.
- Sifumana ntoni ekugqibeleni kwesivakalisi?

Babuze imibuzo ze basike igama okanye amagama empendulo

- **Ngubani?** nguSipho

- **Wenza ntoni?** Wazama ukufunda
- **Intoni?** Amanani


Abafundi basika bakhuphe amagama

Xuba amagama esivakalisi uze usakhe kwakhona.

Abafundi bancamathelisa isivakalisi kwincwadi zabo zomsebenzi.

iph. 117

15 imiz





UKUBHALA

Bhala ibali

15 imiz

Yazisa

- Abafundi babalisa ibali elithi, *Ameblo amatsha kaSipho* ngendlela yabo.
- Siza kubhala ibali elifana neli, ngomntu owayenokukhubazeka okwahlukileyo.

Bonisa isakhelo sokubhala


Xoxani ngezimvo

- Ucinga ukuba singathini isihloko?
- Liza kuba ngabani eli bali?
- Wayekhubazeke ngoluphi uhlobo, umz. akeva, akakwazi ukuhamba.

- Kwafuneka encedakele njani? umz. intonga yokuhamba, isixhobo sokuva?
- Wathini umakhulu?
- Wahambela kowuphi umntu wezonyango?
- Bazive njani bakufumana uncedo lwabo olutsha?

Ukubhala notitshala

- Bhala ibali elitsha ebhodini usebenzisa izimvo zabafundi.
- Fundani ibali nonke.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuzisa abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela C noD

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Hombisa iindondo

30 imiz

Cwangcisa Abafundi bacwangcisa indlela abahombisa ngayo isakhelo seendondo ngoMvulo.

Hombisa Abafundi bazoba kwisakhelo sabo okanye bancamathelise izitika, izimenyezeli, njalo njalo.

Umboniso Abafundi benza umboniso wefashoni benxibe iindondo zabo.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa



LWESITHATHU



UKUZIPHATHA NENTLALO

Ukunceda abanye

30 imiz

Umbuzo Ndingaliqhawe xa ndinceda abanye?

Ngababini Xoxani ngombuzo.

Yabelana Khetha abafundi babebabini babelane nabanye (Nika wonke umfundi ithuba kwikota yonke).



ULWAZI OLUSISISEKO

Umntu onokukhubazeka komzimba

iph. 55

15 imiz

Ulwazi lwangaphambili

- Buza abafundi ukuba bayamazi na uHelen Keller.
- Mabazinike umfanekiso-ngqondweni ukuba ingaba kunjani ukungeva nokungaboni.

Xoxani ngomfanekiso abafundi okubhaliweyo nixoxe ngomfanekiso.

Thethani ngombuzo

- Nizakuyifumana njani impendulo?
- Abafundi beza nempendulo ngoLwesihlanu.



IZANDI

Isandi u-khw

Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi


- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini

- Abafundi bokha amagama anemvano-sipholo efanayo.
- Abafundi bafunda onke amagama anemvano-siphelo neqabane.
- Abafundi banganika amanye amagama.

iph. 56

15 imiz



UKUFUNDA

Amehlo amatsha kaSipho


iph. 46-48

15 imiz

Fundani kunye Funda iphepha 46-48 leballi elithi, *Amehlo amatsha kaSipho* kunye neklasi.

Fundani ngamaqela Ngamaqela amathathu tshintshisanani nifunda iphepha ngalinye.

Funda wedwa Sebeza ufunda amaphepha amathathu okuqala ebali.





UKUBHALA

Ukunceda abanye

15 imiz

Umyalelo Cacisela abafundi ukuba baza kubhala izivakalisi ezine eziqala ngamagama athi: Ndinced abantu ngoku...

Xoxani ngezimvo Singabanceda njani abantu abanokukhubazeka emzimbeni?

Bhala Abafundi babhala kwincwadi zabo zokusebenzela.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela E

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

Isifundo sesibini sokufunda seQela A

- Funda kwakhona ibali ngokuvakalayo kunye nabo.
- Abafundi mabafunde ibali namaqabane wabo.
- Utitshala umamela abafundi ngelixa befunda.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA

Xoxani

- Yintoni iimvakalelo?
- Abafundi basebenzisa ubuso babo bebonisa iindlela ezahlukileyo zeemvakalelo (umz ukudana, ukuba neentloni, ukuba nesithukuthezi)

Amaqela

- Yenza ibali elifutshane ngeemvakalelo.
- Linganisa umboniso

Ibali elingeemvakalelo

Mamela uze uxoxe ngeemvakalelo

UDora wayekhathazekile. Uzonzakalise emlenzeni. Kwafuneka ahambe ngeentonga zokuhamba. Abahlobo bakhe bayokudlala ibhola yomnyazi. Bamshiya yedwa. UDora waziva enesithukuthezi. UPhiwe wahlala ecaleni kukaDora. Wathi, "Masicule kunye!" UDora waziva onwabile kakhulu. NoPhiwe naye futhi. Bacula injikalanga yonke.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala bajonge uze ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cula/
cengceleza

15 imiz

Siyafana! Siyafana! Sonke siyafana.
 Andiboni wena uyabona,
 Kodwa ke siyafana.
 Andiboni wena uyabona, *(Beka/susa izandla emehlweni)*
 ...Mna andiva, wena uyeva. *(Beka/susa izandla ezindlebeni)*
 ...Andikwazi ukuhamba, wena uyakwazi ukuhamba. *(Beka/susa izandla emilenzeni)*
 ...Andikwazi ukuthetha wena uyakwazi. *(Beka/susa izandla emilebeni)*



ULWAZI OLUSISISEKO Ukunceda abantu

iph. 57


15 imiz

Ulwazi lwangaphambili Singabanceda njani abantu abaziimfama?

Funda iphepha

- Ingaba ubona bani kulo mfanekiso?
- Kutheni le ntombazanana inceda inenekazi elinentonga neendondo?
- Ingaba inenekazi liyasiva isithuthi sikawonke-wonke sisiza? Utsho njani? Zeziphi ezinye izinto ezenza ingxolo?

Xoxani Zeziphi ezinye izinto onkuthi uzenzele abantu abanokukhubazeka?



IZANDI Ukubhala izivakalisi ngamagama

iph. 58


15 imiz

Ukuziqhelanisa ukufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Khomba oonobumba kwitshathi yealfabhethi.
- Abafundi babiza isandi sikanobumba.
- Phinda. Uzame ukukhawulezisa.

Abafundi benza umsebenzi Hamba-hamba uncede apho kuyimfuneko.

Jonga okanye phawula umsebenzi



UKUFUNDA Isigama kunye nolwimi

15 imiz

Oonotsheluzi

- Bonisa uze ufunde igama ngalinye.
- Phanda uze ukhombe kumagama akwiNYY.
- Beka oonotsheluzi kudonga lwamagama uze uwafunda kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi esikwiNYY iphepha lama-77.
- Leliphi igama elikuxelela ukuba akakwazanga ukufunda amanani lula? *(wazama)*
- Leliphi igama elisixelela ukuba yenzeka kudala? *(wa-)*
- Singathini ukuba inokwenzeka ngoku? *(zama/uzama)*





UKUBHALA Ukuphucula ukubhala kwethu

15 imiz

Xoxani ngokubhala notitshala


- Funda isivakalisi esivela kumsebenzo wokubhala notitshala wangoLwesibini.
- Bonisa indlela yokwenza izivakalisi zibe nomdla kakhulu (umzekelo, yongeza izichazi ezichazayo nezenzi ezinika umdla)

Funda Abafundi bafunda isivakalisi kumsebenzi wokubhala neqabane kwayizolo.

Jonga ze uphucule

- Jonga upelo kunye neempawu zokubhala kwisivakalisi.
- Ungakwazi ukwenza isivakalisi sibenomdla kakhulu?

Mabaphinde batshintshe amaqabane



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuzisa abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku ngexesha, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela B noC

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda nganye nganye.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA Linganisa

30 imiz

Ukuzifudumeza

- Xelela abafundi ukuba baza kumamela ngamehlo abo.
- Linganisa: yizani kum, bambanani ngezandla, yenzani isangqa, hlalani phantsi.

Ukulinganisa Xelela abafundi benze iintshukumo zokulinganisa, umzekelo, vula incwadi, coca ibhodi, galela ikopi yamanzi, sela, njalo njalo.

Ukuzipholisa Abafundi benza iintshukumo zabo bebuza abanye baqashela ukuba benza into.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Umntu onokukhubazeka

iph. 55

15 imiz

Abafundi inokuba sele bephandile ngemvumi eyayiyimfama uRay Charles okanye imbaleki enokukhubazeka uNtando Mahlangu okanye umdlali wentenyetya uKgothatso Montjane. Titshala kufuneka uzilungiselele ukwabelana nako konke okuphandileyo.

Ngababini Xelelani abanye oko nikuphandileyo ngomntu odumileyo onokukhubazeka.

Yabelana

- Biza abanye abafundi babelane noko bakuphandileyo
- Mabathethe ngendlela abayifumene ngayo ulwazi.



ULWAZI OLUSISISEKO

Umntu onokukhubazeka

15 imiz

Bhala uzobe ngoPhanda

- Bhala into ibenye oyifundileyo.
- Sebenzisa isivakalisi ubhale kakuhle.
- Zoba umfanekiso.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ngeli lixa iklasi ibhala iimpendulo kwincwadi zomsebenzi.



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

iph. 59

15 imiz

Ngababini bafunda amagama

- Titshala beka ixesha elingangomzuzu.
- Abafundi bafundela iqabane umzuzu omnye.
- Umfundi ngamnye unamathuba amathathu.

Bala amagama

- Khetha oyena uzamileyo. Susa onke amagama angachanekanga.
- Abafundi babhala awona manqaku angcono.
- Cacisa ukuba bangakwazi ukufunda amagama amaninzi xa beziqhelanisa.



UKUBHALA

Ukubhala ngobuchule

15 imiz


Intshayelelo

- Nika amagama amaqhawe owabona kumabonakude (uSuperman, Black Panther, Wonderwoman)
- Benza ntoni? (Bahlangula abantu)
- Njani? (Banamandla akhethekileyo, umz. uSuperman unamandla kwaye uyakhwazi nokubhabha.)

Khokela abafundi bayile iqhawe

- Ngubani igama leqhawe elikhulu?
- Libonakala njani eli qhawe likhulu?
- Linamandla akhetheke njani eliqhawe likhulu?
- Libanceda njani abantu eli qhawe likhulu?

Abafundi bazoba isazisi esilikhadi seqhawe labo, kwiincwadi zabo zokusebenzela.





UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela D no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

5 imiz
+
30 imiz



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Funda Ngababini, abafundi bafunda umSebenzi Owenza Wedwa komnye nomnye.

Phawula umSebenzi Owenza Wedwa

- Jongani kunye imisebenzi yencwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi bayalungisa okanye bagqibezele.

15 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ngeli lixa iklasi ibhala iimpendulo kwincwadi zomsebenzi.

30 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwujongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedooluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa

bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- Lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.



Sahlukile nangona sifana

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo

funda

bona

amehlo

ukukhanya

iindondo

Umcwe wesivakalisi


Emva kweentsuku ezimbalwa uSipho wazifumana iindondo zakhe.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- 1 Ukufunda ngababini NYY iphepha lama-69
- 2 Ukufunda ngababini 1 $n \times nx \ n \times w \ nxw$
- 3 Ukufunda ngababini 2 UNxele unenxeba elifana nonxantathu.
- 4 Ukufunda ngababini 3 Wamnxwala ngaselunxwemeni kalusizi.
- 5 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-47
- 6 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-48
- 7 DBE iZakhono zoBomi iphepha lama-24 – 25
- 8 Isichazi-magama
funda bona amehlo ukukhanya iindondo

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- Qokelela iibhotile zeplastiki zangoMvulo – cela abafundi baze nazo emakhaya
- izikere, iikoki/iikhrayoni
- Iphepha elingabhalwanga lokuzobela
- Iphepha elingabhalwanga lomfundi ngamnye



Andizifumani iindondo zam

Eli bali lisebenzisa iintsukumo zomzimba zikatitshala kunye nezinto zaseklasini ezinjengezixhobo zokulinganisa. Linganisa ibali njengoko kuchaziwe, vumela abafundi ukuba nabo bangenelele ukulinganisa. Kubalulekile ukuba wenza ngathi awubeva abafundi ngelixa bekuxelele ukuba iindondo zisentlokweni yakho ukongeza/ukwakha uburharha kwibali. Yongeza iindawo ezininzi kangangoko, amagama okuthi “beka” nezalathandawo njengoko uthanda.

Beka iindondo zamehlo okanye iindondo zelanga entloko.

Chola incwadi. Molweni bantwana! Namhlanje ndifuna ukunifundela ibali.

Bamba ubuso bakho, jongeka udidekile.

Kanene ndizibeke phi iindondo zam?

Jonga etafileni. Ungabahoyi abafundi xa bekuxelele apho zikhoyo iindondo. Ingaba ndizibeke etafileni?

Nikina intloko. Hayi azikho phezu kwetafile!

Jonga phantsi kweencwadi. Ingaba ndizishiye phantsi kweencwadi?

Nikina intloko. Hayi, azikho phantsi kweencwadi zam!

Jonga phakathi ekhabhathini. Ingaba ndizifake phakathi ekhabhathini?

Nikina intloko. Hayi, azikho **phakathi** ekhabhathini.

Jonga phakathi kwamaphepha. Ingaba ndizibeke phakathi kwamaphepha?

Nikina intloko. Hayi, azikho phakathi kwamaphepha!

Phakama ujonge emva kwisitulo. Ingaba ndizifihle emva kwisitulo sam?

Nikina intloko. Hayi, azikho emva kwisitulo!

Jonga ecaleni kwebhegi. Ingaba ndiziwise ecaleni kwebhegi yam?

Nikina intloko. Hayi, azikho ecaleni kwebhegi yam!

Mbambatha phantsi okanye idesika ephambi komfundi.

Ingaba ndizibeke **phambi ko** **. (Sebenzisa igama lomfundi lowo uhleli phambili.)

Nikina intloko. Hayi, azikho phambi ko **.

Jonga endaweni yetshokhwe. Ingaba **ndizithe ngcu** ecaleni kwebhodi?

Cela abafundi bakuxelele.

Bamba phezu kwentloko yakho. Zothuse.

Nxiba iindondo.

Ucinga ukuba bendizibeke phi?

Owu Bawo wam, Nazi! Ngendinibuzile ukuba ziphi.



ISIGAMA

phakathi – isalathandawo

phambi ko – isalathandawo

ndizithe ngcu – elinye igama elithetha ukuba phezu kwento

MVULO



UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

Andizifumani
iindondo zam

Phambi kokufunda

- **Buza:** Wakhe wanceda umakhulu wakho ukufumana into? (okanye elinye ilungu losapho)
- Yayiyintoni? Wayifumana phi?

Ukufunda Funda ibali ngokuvakalayo okanye ulibalise ngeentshukumo.

Emva kokufunda

- Ndizikhangele kweziphi iindawo iindondo zam?
- Ndibonise ukuba u-ngapahakathi uthetha ntoni. Phinda nezinye izalathandawo.

NT
iph. 57
15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Iilensi zisinceda
ukuba sibone

Ulwazi lwangaphambili

- USipho ufumene iindondoi zokumnceda ukuba abone kakuhle. Zibizwa ngokuba yinto iiglas zeendondo?
- Zeziphi ezinye iindidi zeelensi ozaziyo?

Jonga iifoto Ungakwazi ukubiza zonke izinto ezineelensi?

Funda itekisi kunye nabafundi Phinda la magama: iindondo zamehlo, itheleskopu, iglasi eyenza nkulu, imayikhroskopu

iph. 61
15 imiz

UMHLA

Iilensi ziyasinceda ukuba sibone

Xa sijonga izinto ngeelensi ziye zibonakale zinkulu okanye zininane kunendlela eziyigqo.

Iindondo zamehlo zisinceda abantu ukuba babone kakuhle. Zingasinceda ukuba sikwazi ukubona izinto ezikude okanye ekufundeni amagama asencwadini.

Itheleskopu isinceda ukuba sikwazi ukubona izinto ezikude kakhulu kuthi, izinto ezifana neenkwenkwezi. Izenza zikhangeleke zinkulu kwaye ziqaqambile.

Iglasi eyenza nkulu yona yenza izinto zikhangeleke zinkulu. Uyakwazi ukuyibamba ngesondla iglasi eyenza nkulu.

Imayikhroskopu isinceda ekubeni sikwazi ukubona ezona zinto zininane. Izenza zikhangeleke zinkulu.

IVEKI YESI-6 • MVULO • 61



IZANDI

Isandi u-nx

Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini Funda amalungu kunye namagama.

Bhala Bhala amagama emifanekiso.

iph. 62
15 imiz

UMHLA

nx

inxili

inxeba **inxanxadi** **unxantathu**

inxele **isinxonxo** **inxixa**

Uinxele unemxeba elifana nonxantathu.

62 • IVEKI YESI-6 • MVULO



UKUFUNDA

Amehlo amatsha kaSipho

Ukuthetha ngemifanekiso

Ingaba ubona bani emfanekisweni ngamnye?

Funda ibali lonke kunye nabafundi

Abafundi bakhomba emagameni ngeminwe yabo.

Ingqiqo iphepha 69-70

- Kwiphepha lama-69, cacisa zonke izinto ozibonayo kwigumbi likagqirha.

- Kwiphepha lama-70, khomba amagama asixelela into encede uSipho abone.
- Kwiphepha lama-71, lelaphi igama elisixelela ukuba utitshala wayevuya.
- Ucinga uSipho wayeziva njani? Ungaziva njani wena?

iph. 46-51
15 imiz

UMHLA

Amehlo amatsha kaSipho

8 + 2 =
3 + 2 =
4 + 2 =

USipho wayehleli ngasemva eklasini namhlobo wakhe. USipho wazama ukufunda amani asebhadini. "Andikwazi kuwbona onke amani," ezingela.

46 • IVEKI YESI-6



UKUBHALA NGESANDLA UHLOLO LOKU-1 **lindaba**

15 imiz

Nika isihloko seendaba Sebenzisa imifanekiso ukwabelana ngeendaba ngokukhawuleza.

Abafundi babhala iindaba zabo Xelela abantu ukuba olu luhlolo kwaye luza kuphawulwa.

Bakhumbuze uku:

- Jonga iimpawu zokubhala kunye nopelo lawabo.
- Bhala iingcinga ezinomdla.
- Jonga ukubhala kwabo phambi kokuba bawungenise.

Ukukorekisha:
jonga iph 111
Amanqaku: 5



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuze abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banomsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (FQNT).

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela A noB

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yenza igilasi eyenza nkulu

30 imiz

Umfuniselo Bonisa abantwana igilasi eyenza nkulu – bavumele benze umfuniselo ngokufutshane.

Yenza igilasi eyenza nkulu

Abafundi basebenza ngababini ukwenza igilasi eyenza nkulu, belandela imiyalelo yakho titshala.

Izixhobo

- ibhotile yeplastiki engenambala ezilitha ezi-2
- iikrayoni okanye iikoki
- isikere

Indlela yokwenza

1. Zoba isangqa kwigophe lebhottle.
2. Sika isangqa.
3. Galela amanzi kweligophe lebhottle. Yilensi le.
4. Beka ilensi phezu kombhalo ngobunono ukuze amagama akhangeleke emakhulu.



EZEMITHAMBO **Iisingeniso**

Amalingiselelo

- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo kule veki.
- Yenza amalungiselelo ezixhobo zale misebenzi.
- Yahlula abafundi ngokwamaqela amane kule veki.

Yazisa izitishi zomsebenzi ngamnye

- Bonisa abafundi izixhobo ze ucacise imisebenzi.
- Abafundi mabadlale indima ngale misebenzi.

Umsebenzi owenziwa ngumntu wonke Dlala umdlalo ukuleqana okanye undize.

Kwisiwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO LOKU-1

Zoba, bhala ze uxoxe

30 imiz

Zoba ze ubhale

- Nika abafundi iphepha elingabhalwanga elingu-A4.
- Mabazobe umfanekiso wesiqendu **sokuqala** sebali, *Amehlo amatsha kaSipho*, ze babhale isivakalisi.

Phulaphula uthethe

- Biza abafundi etafileni yakho ngokwamaqela (abane okanye abahlanu eqeleni) bathethe ngebali, *Amehlo amatsha kaSipho*.
- Biza ikota yeklasu ngesi sifundo. Yenze ngoLwesithathu nangoLwesine ngeveki yesi-6.

- Buza imibuzo emibini okanye emithathu. Sebenzisa imibuzo ekwizinga eliphantsi neliphezulu.

Umzekelo:

- Phinda ubalise ibali, *Amehlo amatsha kaSipho* ngokulandelelana kwalo.
- Ngubani owanceda uSipho ukuba abone ngcono? Njani?
- Ukhona umntu omaziyo onxiba iindondo zamehlo, uncedo lokuva, njalo njalo. Ungabanceda njani?

Ukukorekisha:
jonga iph 107
Amanqaku: 5



ULWAZI OLUSISISEKO/PN UHLOLO LOKU-1

Amehlo amatsha kaSipho

Funda

- Xelela abafundi ukuba luhlolo olu.
- Funda amagama asebhokisini.

Abafundi basebenzisa umfanekiso namagama ukuphendula imibuzo

- Tshatisa amagama asebhokisini nemifanekiso.
- Sebenzisa igama elifanelekileyo ukugqibezela isivakalisi.

Iimpendulo: 1. iilensi; 2. iindondo zamehlo; 3. itheleskopu; 4. iglasi eyenza nkulu; 5. imayikhroskopu

NT
iph. 116
15 imiz

Ukukorekisha:
jonga iph 112
Amanqaku: 5

IGAMA UMHLA

Iilensi esizisebenzisayo

Fakela igama elichanekileyo, khetha kula asebhokisini.

imayikhroskopu	iilensi
itheleskopu	iindondo zamehlo
iglasi eyenza nkulu	

- I _____ isinceda ekubeni sibone kakuhle.
- I _____ zineelensi ezinceda abantu babone ngcono.
- I _____ yenza izinto ezikule zibonakale ngathi zikufutshane.
- I _____ yenza izinto zibonakale zinkulu.
- Sisebenzisa ukujonga izinto ezincinci kakuhle.

116 Ivekhi 6 - Lwesibini ULWAZI OLUSISISEKO/PN UHLOLO LOKU-1



IZANDI

Fakela isandi esishiyiweyo

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Qhubekela wonyuse isantya.

Yenza umsebenzi Hamba-hamba uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

iph. 63
15 imiz

IZANDI UMHLA

Fakela isandi esishiyiweyo

1 inxe ba	5 i agu
2 i iwa	6 inxi i
3 unxa athu	7 iba
4 inxanxa i	8 i ele

117 Ivekhi 6 - Lwesibini



UKUFUNDA

Ukwakha isivakalisi

Ukusika Abafundi basika bakhuphe umcwe wesivakalisi okwiphepha le-117 kwiNYY.

Fundani isivakalisi kunye

- Kutheni lento igama likaSipho liqala ngonobumba omkhulu?
- Ngawaphi amanye amagama aqala ngonobumba omkhulu.

Babuze imibuzo, ze basike igama okanye amagama empendulo

- Nini?** Emvakwe entsuku ezimbalwa

- Ngubani?** Sipho
- Wenza ntoni?** wafumana
- Yintoni?** iindondo zamehlo

Abafundi basika bakhuphe amagama

Xuba amagama esivakalisi uze usakhe kwakhona.

Abafundi bancamathelisa isivakalisi kwincwadi zabo zomsebenzi.

iph. 117
15 imiz

IVEKI 6 IVEKI 5

Emva kweentsuku ezimbalwa uSipho wazifumana iindondo zakhe.

USipho wazama ukufunda amanani ebhodini.

117



UKUBHALA Bhala ibali

Yazisa USipho uye kugqirha wamehlo. Ngabaphi abasebenzi bezempilo abakhe bandwendwelwa ngabafundi.

Bonisa isikhokelo sokubhala

Xoxani ngezimvo

- Ngabaphi abasebenzi bezimpilo esibandwendweleyo?
- Wanceda njani umsebenzi wezempilo?
- Ngexesha bendwendwela kwenzeka ntoni?
- Waziva njani?

Ukubhala notitshala Gqibezela isakhelo sokubhala ngezimvo zabafundi.

15 imiz

Ndaye ndatyelela

_____ kuba _____.

Wajonga i/ama

_____ yam/zam. Wandinika

_____ Ndaziva ndi



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela C noD

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Sahlukile nangona sifana

30 imiz

Ukuba umsebenzi wokwenza iglasi eyenza nkulu awugqibekanga ngoLwesibini mawugqityezelwe. Okanye yenza umsebenzi olandelayo.

Kopela umfundi ngamnye iph. 177.

Yazisa


- Abantu bayafana nathi, siyafana kodwa umntu ngamnye wohlukile.
- Bonisa abafundi ebhodini ukuba xa ucinezela itshoko ngendlela ethile ikhupha umbala owahlukileyo.

Hombisa ufake imibala

- Nika umfundi ngamnye ikopi yephepha nepensile.

- Umfundi ngamnye makahombise iidonathi zakhe zingafani, esebenzisa ipensile yodwa. Mabasebenzise iipatheni ezingafaniyo, ukucinezela okungafaniyo nokufaka umbala ngendlela engafaniyo.

Kwisiwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO LOKU-1 LUYAQHUBEKA

15 imiz

Amehlo amatsha kaSipho

Zoba ze ubhale

- Nika abafundi iphepha elingabhalwanga elingu-A4.
- Mabazobe umfanekiso wesiqendu sesibini sebali, *Amehlo amatsha kaSipho*, ze babhale isivakalisi.

Phulaphula uthethe

- Biza abafundi etafileni yakho ngokwamaqela (abane okanye abahlanu eqeleni) bathethe ngebali, *Amehlo amatsha kaSipho*.
- Biza ikota yeklasu ngesi sifundi. Yenze ngoLwesithathu nangoLwesine ngeveki yesi-6.

- Buza imibuzo emibini okanye emithathu. Sebenzisa imibuzo ekwizinga eliphantsi neliphezulu.

Umzekelo:

- Phinda ubalise ibali, Amehlo amatsha kaSipho ngokulandelelana kwalo.
- Ngubani owanceda uSipho ukuba abone ngcono? Njani?
- Ukhona umntu omaziyo onxiba iindondo zamehlo, uncedo lokuva, njalo njalo. Ungabanceda njani?

Ukukorekisha:
jonga iph 107
Amanqaku: 5



ULWAZI OLUSISISEKO litheskopu

Ulwazi lwangaphambili Buza abafundi ukuba bakhe bayisebenzisa okanye bayibona itheleskopu.

Xoxani ngephepha ubanike ulwazi oluphangaleleyo
Xoxani ngomfanekiso ufundele abafundi itekisi.

Impendulo kaPhanda Abafundi benza uphando.

iph. 64
15 imiz



IZANDI Isandi u-nxw

Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini Funda amalungu kunye namagama

Bhala Bhala amagama emifanekiso.

iph. 65
15 imiz




UKUFUNDA Amehlo amatsha kaSipho

Fundani nonke Funda iphepha lama-69 ukuya kwelama-71 kunye nabafundi.

Bafunda ngamaqela kumaqela abafundi abathathu, umfundi ngamnye ufunda iphepha.

Uyazifundela umfundi ngamnye ufundela ezantsi amaphepha amathathu okuqala.

iph. 49-51
15 imiz





UKUBHALA

Isivakalisi ngelensi

15 imiz

Xoxani nifunde Khupela itheyibhuli ebhodini ufunde amagama akumqolo ngamnye.

Yenza izivakalisi

- Cacicisa indlela yokwenza isivakalisi usebenzisa amagama akumqolo ngamnye, lilensi ezikwiindondo zamehlo zenza izinto zijongeke ngokucacileyo.
- Abafundi benza izivakalisi ngokuzithetha.

Bhala Abafundi babhala izivakalisi kwincwadi zabo zomsebenzi.

Iilensi	kwiindondo zamehlo	zenza izinto zibonakale	zikufutshane
	kwiglas eyenza nkulu		zinkulu
	kwitheleskopu		zicacile
	kwi-mayikhroskopu		zincinane



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuzi abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela E

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

Isifundo sesibini sokufunda seQela A

- Funda kwakhona ibali ngokuvakalayo kunye nabo.
- Abafundi mabafunde ibali namaqabane wabo.
- Utitshala umamela abafundi ngelixa befunda.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA

Culani ingoma

30 imiz

Yazisa Xoxani ukuba umculo uyakwazi ukuba phezulu okanye ezantsi, kwaye oko kunikezela imvakalelo kumculo lowo.

Xoxani ngengoma eyaziwayo, umz. Imvula

- Bhala amazwi ebhodini.
- Yeyiphi imigca eculelwa phezulu? (*le ingendudumo*)
- Yeyiphi imigca eculelwa ezantsi? (*le ingemvula*)
- Yeyiphi intshukumo ehambelana nendawo ethile? (*qhwaba izandla, shukumisa izandla njengemvula*)

Culani le ngoma nenze neentshukumo

- Culela phezulu xa ucula ngendudumo.
- Celela ezantsi xa ucula ngemvula.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO LOKU-1 LUYAQHUBEKA

15 imiz

Zoba, bhala ze uxoxe

Zoba ze ubhale

- Nika abafundi iphepha elingabhalwanga elingange A4 ubukhulu.
- Mabazobe umfanekiso wesiqendu sesithathu sebali, *Amehlo amatsha kaSipho*, ze babhale isivakalisi.

Phulaphula uthethe

- Biza abafundi etafileni yakho ngokwamaqela (abane okanye abahlanu eqeleni) bathethe ngebali, *Amehlo amatsha kaSipho*.

- Biza ikota yeklassi ngesi sifundo. Yenze ngoLwesithathu nangoLwesine ngeveki yesi-6.
- Buza imibuzo emibini okanye emithathu. Sebenzisa imibuzo ekwizinga eliphantsi neliphezulu.

Umzekelo:

- Phinda ubalise ibali, *Amehlo amatsha kaSipho* ngokulandelelana kwalo.
- Ngubani owanceda uSipho ukuba abone ngcono? Njani?
- Ukhona umntu omaziyo onxiba iindondo zamehlo, uncedo lokuva, njalo njalo. Ungabanceda njani?

Ukukorekisha:
jonga iph 107
Amanqaku: 5



ULWAZI OLUSISISEKO Izinja ezikhokelayo

Ulwazi lwangaphambili Khumbuza abafundi ukuba abanye abantu abangaboniyo banezinja ezibakhokelayo.

Funda iphepha

- Jonga ze nixoxe ngomfanekiso wenja ekhokelayo.
- Funda izivakalisi.

Xoxani ngezinja ezikhokelayo

- Izinja ezikhokelayo zinceda abantu abazimfama ukuze bakwazi ukuzimela.
- Izinja ezikhokelayo zizinja zokusebenza, ngoko ke ukuba umntwana ufuna ibesisilo-qabane sakhe, kufuneka imvume.
- Kufuneka singazoyiki izinja ezikhokelayo.
- Kuyaxabisa kakhulu ukuqeqesha izinja ezikhokelayo.

iph. 66

15 imiz



IZANDI

Misa amagama ngendlela efanelekileyo

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo. Qhubeka wonyuse isantya.

Abafundi benza umsebenzi

- Hamba-hamba uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

iph. 67

15 imiz



UKUFUNDA

Isigama esitsha nolwimi


15 imiz

Oonotsheluzo

- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela ze walathe igama kwiNYY
- Beka oonotsheluzo edongeni lamagama, uphinde uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi okwiNYY, iphepha lama-92.
- Leliphi igama elibonakalisa ukuba le nto yayenzeke kudala? (wafumana)
- Leliphi igama ebesizaku lisebenzisa ukuba bisenziwa ngoku? (ufumana)
- Yenza esinye isivakalisi usebenzisa igama, fumana.





UKUBHALA Ukufunda ngengqiqo

Uhlaziyo Phinda ufunde ibali, *Amehlo amatsha kaSipho*.

Abafundi baphendula imibuzo Bakhuthaze ukuba babuysile ebalini bakhangele iimpendulo.

iph. 68

15 imiz

UMHLA

Ukufunda ngengqiqo

Funda ibali elithi *Amehlo amatsha kaSipho*, uze uphendule imibuzo.

- USipho ebezinga ukuba amanani asebhodini afana nantoni?
 - ☐ nenja
 - ☐ nenkomo
 - ☐ nehagu
- Faka uphawu kwimpendulo echanekeleyo.
 - ☐ Utitshala uxelele uSipho ukuba ahlale ngaphambili.
 - ☐ Utitshala uxelele uSipho ukuba aphume phandle.
- Ingaba ugqirha wamehlo uye wakhanyisa phi?
 - ☐ emehlweni kaSipho
 - ☐ ezindlebeni zikaSipho
 - ☐ emgaleni kaSipho
- Bhala Ewe okanye Hayi.

USipho wayonwabile ngexesha afumana iindondo zakhe zamehlo.

USipho wayekhathazekile ngexesha afumana iindondo zakhe zamehlo.

Ingaba utitshala kaSipho wayonwabile? _____

68 - IVEKI YESI-6 - LWESINE



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku ngexesha, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela B noC

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda nganye nganye.

5 imiz

+ 30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA Culani ingoma

Isingeniso Khumbuza abafundi ngengoma abayicule ngosuku oludlulileyo ngelizwi elikhwazayo nelisezantsi kunye neetshukumo ezahlukileyo.

Amaqela

- Chonga enye ingoma eyaziwayo ngabafundi.
- Gqibani ukuba zeziphi iindawo ezifuna ukuculelwa phezulu nezifuna ukuculelwa phantsi.
- Ziqhelaniseni phandle.

Mabacule Biza iqela libelinye ngexesha ukuba likuculele.

Vavanya Ncoma uze ukhuthaze iqela ngalinye

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

30 imiz



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iitheleskopu

Iitheleskopu zisebenzisa iilensi nezipili ukweza into ekude ibengathi ikufutshane. Iitheleskopu ziqhele ukusetyenziswa ekujongeni iinkwenkwezi.

Kwiminyaka engama-500 edlulileyo, uGalileo Galilei waseltali wenza iitheleskopu ukujonga iiplanethi. Wafumanisa ukuba iiplanethi zijikeleza ilanga.

UMzantsi Afrika unetheleskopu enkulu ebizwa SALT (South African

Large Telescope), kwidolophu ebizwa Sutherland, eMntla Koloni. Isebindini wentlango. Umoya ucocile kulula ukubona iinkwenkwezi ngetheleskopu.

Ngababini Chaza enikufumanisileyo.

Yabelana

- Cela abafundi abambalwa babelane neklasi.
- Thethani ngenikufumanisileyo

iph. 64

15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Iitheleskopu

Bhala uzobe ngokufumanisileyo

- Bhala into ibenye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso.

15 imiz



IZANDI

Ubizelo

Bizela amagama

- Biza igama ngalinye ngokucacileyo ungangxamanga.
- Phinda kwakhona kube kanye kuphela.

Bhala

- Nika ixesha abafundi babhale igama ngalinye.
- Bakhuthaze ukuba babhale ngeyona ndlela echanekileyo nebukakayo.

Jonga ze benze izilungiso Bhala amagama ebhodini ukuze abafundi bazimakishe.

15 imiz

isilo-qabane

iintyatyambo

iphondo

iindondo

itheleskopu

iinkwenkwezi

e-Afrika

amehlo



UKUBHALA UHLOLO LWESI-2

Ukutyelela kwagqirha

- Xelela abafundi ukuba oluhlolo lolwamanqaku. Bakhumbuze babhale ngoyona ndlela icocokileyo kwaye baqaphele upelo namaphawu okubhala.

Xoxani ngezimvo

- Phinda ufunde ibali langoLwesibini.
- Abafundi mabakhethe owabo umlinganiswa webali elitsha.

Bhala

- Abafundi mababhale elabo ibali besebenzisa isakhelo sokubhala.
- Bazobe umfanekiso ukubonisa ibali labo.

NT

iph. 117

15 imiz

IGAMA	UMHLA
Ukutyelela kwagqirha	
Ndiye ndatyelela ugqirha kuba	
Uye wandihlola	
Wandinika	
Ndaziva	
UHLOLO LOKUBHALA LWESI-2	

Ukukorekisha:
jonga iph 111
Amanqaku: 10

Iveki 6 - Lwesihlanu 117



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela D no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

5 imiz
+
30 imiz



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Funda

- Ngababini, abafundi mabafundelane imibhalo yabo.
- Xelela iqabane lakho ukuba uthande ntoni ngombhalo wakhe.

Makisha imisebenze abayenze bodwa

- Yenzani imisebenzi yeDBE kunye.
- Abafundi benze izilungiso okanye bagqibezele umsebenzi wabo.

15 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ngeli lixa iklasi ibhala iimpendulo kwincwadi zomsebenzi.

30 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwujongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedooluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa

bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- Lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-7

Izinto esizidingayo ukuze siphile



AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

empilweni

ukutya

ukudlamka

ukomelela

iivithamini

Umcwe wesivakalisi


Ukutya kusinceda ukuba sikhule.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- 1 Ukufunda ngababini NYY iphepha lama-85
- 2 Ukufunda ngababini 1 g c w g c w g c w
- 3 Ukufunda ngababini 2 UGcobani ugcada ugcado.
- 4 Ukufunda ngababini 3 UGcwanini ugcwalisa ibhekile yerhewu.
- 5 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-55
- 6 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-55
- 7 DBE iZakhono zoBomi iphepha lama-59
- 8 Isichazi-magama
empilweni ukutya ukudlamka ukomelela iivithamini

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- Iipleyiti zephepha okanye iikharibhodi ezisisangqa
- Isincamathelisi
- Iphepha elingu-A4
- Ipeynti, ikhrayoni okanye iikhoki
- Iphepha elingu-A3
- Iphepha okanye iglu eyenziwe ngomgubo wokuxova namanza/ ethengwayo
- Iimagazini ezindala/ iipowusta/ amaphepha entengiso evenkile zokutya



Zintoni esizidingayo ukuzigcina sisempilweni?

Zintoni esizidingayo ukuze sihlale sisempilweni?

Kufuneka sitye ukutya okusempilweni, sisele amanzi acocekileyo, siphefumle umoya ococekileyo sizilolonge elangeni.

Ukutya okusempilweni kusinceda sikhule.

Ukutya kuyasidlamkisa kusikhusele ekuguleni.

Kufuneka sitye **ukutya okunesondlo** rhoqo.

Kukho iintlobo zokutya. Oku kutya sikubiza ngokuba ngamaqela okutya.

liprotheyini ezinjengenyama, intlanzi, inkukhu, amaqanda kunye neemveliso zobisi zincipha ekukhuliseni amathambo nezihlunu zethu.

Isitatshi esinjengepapa, irayisi, isonka siyasidlamkisa sikwazi ukubaleka.

Amanzi abalulekile ukusigcina sisempilweni. Kufuneka sisele amanzi amaninzi rhoqo. Isiqingatha semizimba yethu senziwa ngamanzi.

Kufuneka sisele ilitha yamanzi rhoqo. Amanzi ayasipholisa. Ancedisa ekucoleni ukutya esikutyayo.

Kufuneka usele amanzi acocekileyo kuphela kungenjalo uyakugula.

Amanzi empompo nawetanki alungile ukuba aselwe.

Kufuneka acocwe amanzi asuka emilanjani okanye amadamini phambi kokuba aselwe.

Kukho iindlela ezininzi zokucoca amanzi. Ungawabilisa okanye usebenzise isihluzo samanzi. Abantu abadala bangafaka emanzini intwana yeyikhi.

Kufuneka sibenalo ixesha esilichitha phandle. Imizimba yethu ifuna ilanga. Ilanga lincipha imizimba yethu ekwenzeni iivithamini ukuze imizimba yethu yomelele.

Kufuneka siphefumle umoya ococekileyo, silolonge imizimba yethu.

Akufunekanga sisoloko sisendlini sibukele umabonakude.



ISIGAMA

iprotheyini – kukutya okufana nenyama kunye neembotyi.

istatshi – kukutya okufana nombona, ingqolowa nerayisi.

ukutya okunesondlo – ukutya iintlobo-ntlobo zokutya ukugcina imizimba yethu isempilweni

MVULO



UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

Zintoni esizidingayo ukuzigcina sisempilweni?

NT
iph. 71
15 imiz



Phambi kokufunda Cacisa itekisi enobunyani ngezinto ekufuneka sizenze ukuzigcina sisempilweni.

Ukufunda

- Funda itekisi ngokuvakalayo. Buza imibuzo uhlwayele ingxoxo njengokuba uqhuba.
- Abafundi babuka imifanekiso.

Emva kokufunda

- Zeziphi iindawo ezine kwitekisi ezisixelela ngokuba kufuneka sihlale sisempilweni?



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukutya esikutyayo

iph. 77
15 imiz

Ulwazi lwangaphambili Kokuphi okona kutya uthanda ukutya? Ingaba kukutya okusempilweni?

Ulwazi olutsha

- Okunye ukutya kusinceda sihlale sisempilweni – oku kukutya ekufuneka sikutye rhoqo.
- Kukho okunye ukutya esikuthandayo noxa kungasenzi somelele. Oku kukutya ekufanele ukuba sikutye ngamanye amaxesha.

Funda amaphepha Fundela abafundi itekisi nibuye nifunde nonke. Bukani imifanekiso.



IZANDI

Isandi u-gc

iph. 78
15 imiz

Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi

Chonga amagama anesi sandi Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo

Ngababini Funda amalungu kunye namagama

Bhala Bhala amagama emifanekiso



UKUFUNDA

Zintoni esizidingayo ukuhlala sisempilweni?

iph. 71-76
15 imiz

Ukubuka imifanekiso Sibona bani kumfanekiso ngamnye?

Fundela abafundi abali lonke nabo bangenelele Abafundi bakhomba amagama.

Ingqiqo

- Kwiphepha lama-104, khomba isivakalisi sokugqibela. Bala izinto ekufanele ukuba sizene ukuze sihlale sisempilweni.
- Kwiphepha lama-105, kukho izinto ezintathu ezenziwa kukutya okusempilweni. Khomba ezo zinto (*ukusikhulisa, ukusidlamkisa, ukusigcina sisempilweni*)
- Kwiphepha lama-106 khomba amagama amathathu eqela lokutya okusempilweni (*iprotheyni, isitatshi, iziqhamo nemifuno*)
- Leliphi iqela lokutya olithanda kakhulu?





UKUBHALA NGESANDLA UHLOLO LOKU-1

Iindaba

15 imiz

Nikeza isihloko seendaba

Ngababini basebenzisa imifanekiso yesikhokelo ukuthetha ngeendaba zabo ngokukhawuleza.

Eyedwa

- Abafundi babhala iindaba zabo.
- Bayalele ukuba babhale ngeyona ndlela ingaywayo njengoko beza kuhlolwa.

Bakhumbuze uku:

- Sebenzisa oonobumba abakhulu neziphumlisi.
- Shiya isithuba ngendlela efanelekileyo phakathi koonobumba kamagama
- Bhala emgceni

Ukukorekisha:
jonga iph 112
Amanqaku: 5



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banomsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (FQNT).

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela A noB

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Hombisa ipleyiti yephepha

30 imiz

Ukuceba

- Abafundi bakhetha amaphepha anemibala eqaqambileyo kwiimagazini ze bawakrazule abeyimicwe engange sentimitha ezi-2 ububanzi.
- Hlela amaphepha ngokwemibala eniza kuyisebenzisa

Hombisa iipleyiti

- Abafundi bancamathelisa imicwe yamaphepha emagazini kwiipleyiti zabo zigqume icala elinye.
- Imicwe mabayihlele ngokwendlela abafuna ngayo
- Mabalinde iipleyiti zome

Bonisani



EZEMITHAMBO

Intshayelelo

30 imiz

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukileyo kwiphepha 19 Eyenzelwe le veki.
- Lungisa izixhobo
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane ale veki.

Yazisa umsebenzi wesitishi ngasinye

- Bonisa abafundi izixhobo ze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balingisa imisebenzi

Umsebenzi weklasi yonke

- Dlala umdlalo wokuleqa-leqana, icekwa nondize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



LWESIBINI



UKUZIPHATHA NENTLALO

Ndiyazikhathalela

- Khumbuza abafundi ngokuba ukuhleka yeyona ndlela yokusigcina sikhululekile nokugcina iingqondo zethu zisempilweni.
- Ngababini, abafundi baxevelana ngento ehlekisayo ethe yabahlala.
- Cela umfundi abemnye okanye ababini baxebelele ikhosi ngamabali abo ahlekisayo.

15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO UHLOLO LOKU-1

Ukutya esikutya rhoqo nesikutya ngamanye amaxesha

Eyedwa

- Cacisela abafundi ukuba olu luhlolo kwaye luza kukorekiswa.
- Abafundi bayazisebenzela bengathethi nabanye.

Imifanekiso Abafundi bajonga imifanekiso bafunde amagama kwizangqa

Ukuzoba Bazoba imigca kwimifanekiso kwisangqa ngasinye esichanekileyo.

Ukukorekisha:
jonga iph 112
Amanqaku: 10

NT
iph. 118
15 imiz



IZANDI

Khetha igama elichanekileyo


Ukuziqhelanisa ukufunda oonobumba

- Khomba nokuba ngowuphi unobumba kwi-alfabhethi.
- Abafundi mababize isandi sikanobumba
- Qhubeka wonyuse isantya.

Yenza umsebenzi Hamba-hamba uncedise abafundi apho kudingeka khona.

Jonga okanye phawula umsebenzi

iph. 79
15 imiz



UKUFUNDA

Ukwakha isivakalisi

Ukusika Abafundi basika bakhuphe umcwe wesivakalisi okwiphepha le-119 kwiNYY.

Fundani isivakalisi kunye Zeziphi iziphumlisi ezikwesi sivakalisi?

Buza imibuzo niseke amagama okanye amagama azalanayo

- **Yintoni?** ukutya okusempilweni

- **Kwenza ntoni?** Kuya sinceda
- **Kunceda oobani?** thina
- **Kwenza ntoni?** ukuba sikhule

Abafundi basika bakhuphe amagama

Xuba amagama esivakalisi uze usakhe kwakhona.

Abafundi bancamathelisa isivakalisi kwincwadi zabo zomsebenzi.

iph. 119
15 imiz





UKUBHALA Bhala uluhlu

Xoxani

- Kokuphi okona kutya sikuthandayo?
- Kokuphi esikutya rhoqo?
- Kokuphi esikutya ngamanye amaxesha?

Ukubhala uluhlu kwisakhelo somhlathi

- Sebenzisa ikhoma phakathi kwamagama akuluhlu,
- Sebenzisa igama elithi **kunye** ne phakathi kwamagama amabini

okugqibela kuluhlu. Umz. Isonka, ipitsa kunye nepapa.

Ukubhala notishala

- Bhalani umhlathi omfutshane ebhodini nisebenzisa isakhelo njengomzekelo.
- Sebenzisa iziphumlisi ngokuchanekileyo

15 imiz

Okona kutya sikuthandayo

Ukutya esikutya rhoqo koku

Ukutya esikutya ngamanye

amaxesha koku

Okona kutya sikuthandayo



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela C noD

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO UHLOLO LOKU-1

Umfanekiso wokona kutya sikuthandayo

Amalungiselelo

- Nika abafundi amaphepha angange-A4, iipeyinti, ikhrayoni neekoki
- Yazisa abafundi ukuba olu luhlolo
- Bhala amagama abo ephepheni

Zoba umfanekiso Abafundi bapeyinta bazobe umfanekiso wokutya abakuthandayo, begcwalisa lonke iphepha.

30 imiz



Ukukorekisha:
jonga iph 115
Amanqaku: 5



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Iqela ngalinye maliye kwisitishi semidlalo
- Mabenzi imidlalo.
- Titshala bajonge ukuba benza njani ze ubacebise.

Ukuzipholisa

30 imiz



LWESITHATHU


UKUZIPHATHA NENTLALO **Ndicinga, Ndiziva...**

Umbuzo Kutheni uthanda ukuziva usempilweni?

Ngababini Baxoxa ngombuzo.

Yabelana Khetha abafundi ababini abaza kuxelela ikhosi ngeempendulo zabo (nika wonke umntu ithuba njengokuba ikota iqhubeka).

30 imiz


ULWAZI OLUSISISEKO **Ilanga**

Ulwazi lwangaphambili Buza abafundi ngoko bakubonayo esibhakabhakeni emini? Ukanti ebusuku?

Xoxani ngephepha kunikezelwe ngolwazi oluphangaleleyo
Xoxani ngomfanekiso ze ufunde itekisi nabafundi.

Thethani ngombuzo

- Niza kuyifumana njani impendulo?
- Abafundi beza nempendulo ngoLwesihlanu.

iph. 80

15 imiz


IZANDI **Isandi u-gcw**

Yazisa isandi

- Phulaphula uze ubize isandi
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi

Chonga amagama anesi sandi Abafundi bangaza namanye amagama abawaziyo

Ngababini Funda amalungu kunye namagama

Bhala Bhala amagama emifanekiso

iph. 81

15 imiz


UKUFUNDA **Zintoni esizidingayo ukuzigcina sisempilweni?**

Ukufunda kunye Fundani iphepha lama-71-73 malunga nezinto esizidingayo ukuze sikhale sisempilweni.

Ukufunda ngokwamaqela Kwiqela elinabafundi abathathu, umntu ngamnye makafunde iphepha elinye ninikana amathuba.

Ukufunda eyedwa Funda ngokusebeza amaphepha amathathu okuqala ebali.

iph. 71-73

15 imiz





UKUBHALA

Ukutya kwam kwemihla ngemihla

15 imiz

Jongisisa indlela yokubhala uluhlu

- Sebenzisa iziphumlisi phakathi kwamagama.
- Sebenzisa igama u-ne phakathu kwamagama amabini okugqibela.

Xoxa ngesigama Kokuphi ukutya okutyiwa kakhulu kusasa, emini, ngokuhlwa?

Bhala ze uzobe

- Gqibezela isakhelo sokubhala.
- Babonisa uluhlu lwabo ngomfanekiso wokutya ngelo xesha lokutya.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela E

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

Isifundo sesibini sokufunda seQela A

- Funda kwakhona ibali ngokuvakalayo kunye nabo.
- Abafundi mabafunde ibali namaqabane wabo.
- Utitshala umamela abafundi ngelixa befunda.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukucula ngokukhawuleza nangokucutha

30 imiz

Intshayelelo

- Cela abafundi bacinge ngengoma ecuthayo abayaziyo
- Bacinge ngengoma ekhawuleyazo

Lungisa ingoma

- Khetha ingoma eyaziwa kakhulu.
- Cinga ukuba yeyiphi ivesi enizakuyicula ngokukhawuleza iyeyiphi enizakuyicula ngokucutha.

Culani Culani ingoma nonke.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Yalela amaqela aye kwizitishi zawo zemisebenzi.
- Mabenze umsebenzi.
- Titshala qwalasela unike iingcebiso.

Ukuzipholisa

Kwiscwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



LWESINE

**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA** Cula/cengceleza

15 imiz

Le ngoma ingacwangciselwa ukuculwa ngetshanti eyaziwayo.

Usiba lwewotshi luyajikeleza – jikeleza – jikeleza,
 Ukusixelel' ixesha.
 Iwotshi ithi makuvukwe – makuvukwe – makuvukwe,
 Ngentsimbi yesithandathu.
 Iwotshi ithi kuyiw' esikolweni – sikolweni – sikolweni,
 Ngentsimbi yesibhozo.
 Iwotshi ithi lixesha lokutya – lokutya – lokutya,
 Ngentsimbi yeshumi elinambini.
 Yongeza iintshukumo nezinye iivesi ngendlela ofuna ngayo.

**ULWAZI OLUSISISEKO** Ukudlala phandle

Ulwazi lwangaphambili Khumbuza abafundi ukuba sidinga ilanga khona ukuze sihlale sisempilweni, kodwa masilumkele ukutshisa ulusu lwethu ngelanga.

Funda iphepha

- Sibona ntoni kulo mfanekiso
- Benza ntoni abantwana?
- Banxibe ntoni?

Xoxani ngomfanekiso nezivakalisi

- Khangela indawo kulo mfanekiso ehambelana nesivakalisi

iph. 82

15 imiz

**IZANDI** Bhala izivakalisi ngamagama**Ukuziqhelanisa nokubiza unobumba ngokukhawuleza**

- Khomba nokuba ngowuphi unobumba kwi-alfabhethi.
- Abafundi mababize isandi sikanobumba
- Qhubeka wonyuse isantya.


Abafundi benza umsebenzi

- Hamba-hamba uncedise abafundi apho kudingeka khona.

Jonga okanye phawula umsebenzi

iph. 83

15 imiz

**UKUFUNDA** Isigama nolwimi**Oonotsheluzi**

- Veza ubonise igama ngalinye.
- Khangela igama kwiNYY ze ulikhombe.
- Ncamathelisa oonotsheluzi eludongeni ze nibuye niwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi kwiNYY.
- Yaphula igama elithi, "empilweni" libengamalungu (e-mpi-lwe-ni). Qhwaba amalungu eli gama.
- Biza amanye amagama aphela ngo-eni.

15 imiz





UKUBHALA Ukuphucula imibhalo yethu

15 imiz

Xoxa ngombhalo obhalwe notitshala


- Fundela abafundi isivakalisi somsebenzi wokubhala notitshala wangoLwesibini.
- Bonisa indlela yokwenza isivakalisi sibe nomdla ngakumbi (*umzekelo, yongeza izichazi okanye iinkcazelo; sebenzisa izenzi ezinomdla*).

Funda Abafundi bafundela iqabane isivakalisi ababesibhale ngezolo.

Jonga kwaye uphucule

- Qaphela upelo neziphumlisi zezivakalisi.
- Ungasenza isivakalisi sakho sibe nomdla ngakumbi?

Tshintsha kwaye uphinde kwiqabane ngalinye



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku ngexesha, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela B noC

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda nganye nganye.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA UHLOLO LOKU-1

Ziqhelanise ukuculela phezulu naphantsi

Intshayelelo Khumbuza abafundi ngengoma ababeyicule ngezolo.

Amaqela

- Babebane okanye bahlanu kwiqela ngalinye, abafundi mabakhethe ingoma eyahlukileyo abayazi kakuhle.
- Abacinge yeyiphi indawo abafuna ukuyiculela phezulu iyeyiphi abazakuyiculela phantsi.
- Kupha amaqela phandle ukuze baziqhelanise.

Tshintshanani niphinde neqabane

15 imiz

Ukukorekisha:
jonga iph 114
Amanqaku: 5



EZEMITHAMBO UHLOLO LOKU-1

Ukusebenzisa izixhobo

30 imiz

Cacisa umdlalo

- Xelela abafundi baza kusebenza ngababini. Mabame bejongene umgama ongange 1.5 m phakathi kwabo.
- Isibini ngasinye sibene bhola. Iqabane liza kuphosa ibhola, omnye uza kuyibetha ngesandla, ngekhadibhodi okanye ngephini.
- Mabaphoselane ezantsi kwegxalaba bayibethe

ngobunono, besebenzisa esona sandla sabo someleleyo.

- Mabanikane amathuba ekuphoseni nasekubetheni.

Bonisa lo mdlalo nomnye umfundi

Yenzani lo mdlalo

- Abafundi mabaziqhelanise ukuphosa nokubetha.
- Hamba-hamba uqwalasele isibini ngasinye.

Ukukorekisha:
jonga iph 115
Amanqaku: 10



LWESIHLANU


UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **Ilanga**

Isixokelelwano sesijikelezi-linga ligama elinikwe ilanga neplanethi ezilijikelezayo. Ilanga lisembindini wesixokelelwano sesijikelezi-linga. Liyinkwenkwezi. Eyethu iplanethi ibizwa ngokuba nguMhlaba. Umhlaba uthatha iintsuku ezingama-365 ukujikeleza ilanga. Ilanga linika udlamko kwinto yonke esemhlabeni.

Ngababini Xela okufumanisileyo.

Yabelana

- Cela abafundi abambalwa babelane neklasi ngoko bakufumanisileyo.
- Thethani ngokufumanisileyo.


ULWAZI OLUSISISEKO **Ilanga**
Bhala ze uzobe ngophando

- Bhala into ibenye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso.


15 imiz

IZANDI
Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo
Izibini zifunda amagama

- Umfundi ufundela iqabane umzuzu omnye.
- Yenza isangqa kwigama lokugqibela elifundiweyo, lize iqabane libale amagama angafundwanga kakuhle.
- Umfundi ngamnye unamathuba amathathu.

Bala amagama


- Khetha elona linge aqhube kakuhle kulo. Thatha nawaphi na amagama angafundwanga kakuhle.
- Abafundi babhala amanqaku abo angcono emgceni.
- Bonisa indlela ofunda ngayo amagama amaninzi ngokuziqhelanisa ngakumbi.


UKUBHALA NGESANDLA UHLOLO LWESI-3
Okona kutya ndikuthandayo
Hlaziya

- Phinda nifunde ibali langoLwesibini lwesifundo sokubhala.
- Khumbuza abafundi ngokutya kwangemihla ngemihla nokweemini ezithile.
- Khumbuza abafundi basebenzise iziphumlisi xa bebhala uluhlu.

Bhala

- Xelela abafundi ukuba luhlolo olu.
- Babhala eyabo imihlathi emifutshane.

NT
iph. 119
15 imiz
Ukukorekisha:
 jonga iph 111
Amanqaku: 10




UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela D no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

5 imiz
+
30 imiz



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Ukufunda Bengababini, abafundi bafundelana iimenyu zabo.

Korekisha umSebenzi Owenza Wedwa

- Jongani imisebenzi yeDBE nonke.
- Abafundi balungise okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

15 imiz



EZEMITHAMBO UHLOLO LWESI-2

Intshukumo

Cacisa umsebenzi

- Yahlula abafundi babengamaqela amathandathu. Baxebele ukuba uza kubiza iqela elinye ngexesha ngenjongo yokuhlola.
- Khetha umsebenzi okwiphepha xx yenziwe ngamaqela.

Imiyalelo

Nika iqela ngalinye imiyalelo. Makubekho

umtyhi oyimizuzwana engama-30 kwintshukumo nganye (Imiz emi-5 kwiqela ngalinye).

- Yima uvule iingalo. Yenza oko ndikuxelela ukuba ukwenze.
- Xhuma-xhuma, udibanise imilenze.
- Ngcileza ngomlenze omnye; ngcileza nangomnye umlenze.
- Yima nkqo ngomlenze omnye; Phinda ume nkqo ngomlenze omnye welinye icala.
- Tsiba endaweni enye.
- Xhuma-xhuma, uvule uvale imilenze.

30 imiz



Ukukorekisha:
jonga iph 115
Amanqaku: 10

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwujongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedooluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa

bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.


Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- Lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-8

Izinto esizidingayo ukuze siphile



AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

amanzi

ukuzipholisa

coca

imitha yelanga

phefumla

Umcwe wesivakalisi


Imizimba yethu ifuna imitha yelanga ukuze yomelele.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- 1 Ukufunda ngababini NYY iphepha lama-92
- 2 Ukufunda ngababini 1 h l w h l w h l w
- 3 Ukufunda ngababini 2 Izihlangu zikaHlumelo zimhlophe.
- 4 Ukufunda ngababini 3 Umhlwayeli usela isiselo esihlwahlwazayo.
- 5 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-53
- 6 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-65
- 7 DBE iZakhono zoBomi iphepha le-12 kunye nele-13 abantu abasingqongileyo
- 8 Isichazi-magama
amanzi ukuzipholisa coca imitha yelanga phefumla

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- Ilaphu elithambileyo, umz. ilaphu lesikipa
- Irekeni okanye iribhoni
- Iglu yamalaphu
- Amaso, ileysi, iribhoni okanye ezinye izinto zokuhombisa
- izikere
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yeemiThambo





MVULO



UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

Usuku lukaDora lokubasempilweni

NT
iph. 81
15 imiz

Phambi kokufunda Buza abafundi benza ntoni kusasa, emini nasebusuku?

Ukufunda

- Funda ibali ngokuvakalayo ze ubuze imibuzo.
- Abafundi bakhomba umfanekiso ngamnye kwiNYY kwiphepha lama-91 ngeli lixa ufunda.

Emva kokufunda

- Bangaphi abantwana kusapho lukaDora? Ngowuphi oyena umdala?
- Zeziphi izinto azenzayo uDora phambi kokuba aye esikolweni kusasa? Ebusuku?
- Kutheni uDora noThami behamba ngeenyawo xa besiya esikolweni?
- Kutheni uAyanda exelela uDora ukuba angambukeli umabonakude?



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuhlala sisempilweni

iph. 86
15 imiz

Ulwazi lwangaphambili Yintoni imikhwa?

Funda iphepha

- Funda amagama aphakathi kwinkwenkwezi.
- Jonga imifanekiso.

Xoxani

- Zeziphi izinto enizibonayo ezisigcina sisempilweni?
- Ingasigcina njani sisempilweni le mikhwa?
- Yeyiphi imikhwa engek hosempilweni? (*ukutya iilekese qho ngemini, ukulala ebusuku kakhulu, ukubukela kakhulu umabonakude, njl*)



IZANDI

Isandi u-hl

iph. 87
15 imiz

Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini Funda amalungu kunye namagama.

Bhala Bhala amagama emifanekiso.



UKUFUNDA

Zintoni esizidingayo ukuhlala sisempilweni?

iph. 71-76
15 imiz

Ukubuka imifanekiso Sibona ntoni kumfanekiso ngamnye?

Fundela abafundi abali lonke nabo bangenelele

Abafundi bakhomba amagama.

Ingqiqo iphepha lama-74-76

- Kwiphepha lama-74, fumanani amagama amabini asichazela ngendlela asinceda ngawo amanzi.
- Kwiphepha lama-75, fumanani

igama elisichazela ukuba ngawaphi amanzi akhuselekileyo.

(*empompeni, etankini*)

Fumanani igama elisichazela ukuba ngawaphi amanzi angakhuselekanga. (*edamini, emlanjeni*)

- Kwiphepha lama-76, Leliphi igama elisichazela ukuba sifanele ukudlala phandle? (*elangen*)
- Uyathanda ukudlala elangeni? Kutheni?





UKUBHALA Iindaba

Nikeza ngesihloko seendaba (iindaba ngeholide, impelaveki, iqela lemidlalo, inqubo kamabonakude)

Amaqela Sebenzisa isakheko seeNdaba Zam esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa iindaba zabo.

Abafundi babhala iindaba kwincwadi zabo zomsebenzi

- Bakhuthaze ukuba basebenzise izivakalisi ezide bachaze iinkcukacha.

15 imiz



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla nomsebenzi owenza wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Biza iqela libe linye lokuFQNT ngohlolo lokufunda nengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz



Ukukorekisha:
jonga iph 109
Amanqaku: 10



UKUFUNDA NENGQIQO UHLOLO LOKU-1 IQela A

- Abafundi bafunda ngabanye ibali ngamazwi asezantsi.
- Biza abe mnye ngexesha, umamele xa efunda.
- Mamela umfundi ngamnye umzuzu ukuya kwemibini.
- Jonga ingqiqo ngokubuzisa imibuzo.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Yenza isifonyo

Ceba


- Tyhila kwiphepha lemisiko kwiphepha le-121.
- Ceba indlela oza kusenza ngayo isifonyo sakho.

Yenza

- Sika isifonyo ngokwemilo yaso. Ukuba ninalo ilaphu titshala ungasebenzisa le patheni yephepha lomsiko usike ngayo.

- Hombisa isifonyo ngamaso, ileyisi neribhoni okanye uyizobe ngekhoki yamalaphu.
- Sika irekeni okanye iribhoni ukuze isifonyo sibenendawo yokubambelela, okanye sika imicwe yamaphepha ukwenza iindawana zeendlebe. Ncamathelisa/ bopha/thungela.

iph. 121
30 imiz



EZEMITHAMBO Intshayelelo

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukileyo kwiphepha le-18 ukuya kwele-19 eyenzelwe le le veki.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane ale veki.

Yazisa isitishi somsebenzi ngasinye

- Bonisa abafundi izixhobo ze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balingisa imisebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke Dlala umdlalo wokuleqa-leqana, icekwa nondize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



LWESIBINI



UKUZIPHATHA NENTLALO

Ukuqaphela kwam

15 imiz

- Abafundi mabahlale isangqa. Mabancumele umfundi osekunene kuye.
- Bamncumela ngokumjonga bancume.
- Abafundi bancumela bonke abanfundi abakwisangqa.
- Bangafinga neentshiya, batyobe iliso, banqwale intloko, okanye neyiphina intetho ngobuso.
- Thethani ngemizwa nezinto ezenziwa bubuso xa siziva ngeendlela ezahlukileyo.
- Lo mdlalo uphuhlisa ukuqhagamshelana ngamehlo, ukunikana amathuba nokuthetha ngeendlela esiziva ngayo.



ULWAZI OLUSISISEKO NOPN UHLOLO LWESI-3

Kusempilweni okanye akukho sempilweni?

Ngamnye

- Cacisa ukuba olu luhlolo kwaye luzakumakishwa.
- Abafundi bayazisebenzele ngamnye, bangathethi.

Imiyalelo

- Abafundi bayamamelisela ngelixa utitshala efunda isivakalisi ngasinye.
- Isempilweni okanye ayikho sempilweni? Faka umbala oluhlaza kwimikhwa

esempilweni. Faka umbala obomvu kwimikhwa engekho sempilweni.

Funda ngelixa abafundi bemamele

- Funda isivakalisi ngasinye ngokucotha. Phinda ukuba kunyanzelekile. Qinisekisa ukuba unikezela ngeebhloko ezaneleyo ukuncedisana nengqiqo.
- Abafundi bafaka umbala obomvu okanye oluhlaza kwiibhloko.

NT
iph. 120
15 imiz



Ukukorekisha:
jonga iph 120
Amanqaku: 5

UMSEBENZI WESI-2
WOHLOLO LWEZANDI

Fakela izandi

Bhala izandi (iibhloko 1-5)

- Xelela ubafundi ukuba luhlolo olu.
- Bizela ezi zandi, sibesinye ngexesha.
- Abafundi mababhale izandi kwiibhloko.

Gqibezela amagama Abafundi mabagqibezele amagama ngokuthi babhale izandi ezishiyiweyo..

NT
iph. 121
15 imiz



Ukukorekisha:
jonga iph 110
Amanqaku: 10



UKUFUNDA NENGQIQO UHLOLO LWESI-2

Ukwakha isivakalisi

Sika Abafundi mabasike umcwe wesivakalisi.

Fundani kunye


- **Intoni?** Imizimba yethu
- **Itheni?** udinga
- **Intoni?** imitha yelanga
- **ntoni?** ukuyenza yomelele
- **Igama elimele imizimba yethu.** yona
- **Intoni?** yomelele

Abafundi basika bakhuphe amagama

Xuba amagama esivakalisi uze usakhe kwakhona.

Abafundi bancamathelisa isivakalisi kwincwadi zabo zomsebenzi.

iph. 119
15 imiz



Ukukorekisha:
jonga iph 109
Amanqaku: 5



UKUBHALA Bhala ngokubasempilweni

15 imiz

Intshayelelo Thethani ngemikhwa yokuhlala usempilweni.

Bonisa isiqalo sesivakalisi Siza kubhala izivakalisi eziqala ngala magama.

Xoxani ngeembono zokubasempilweni

Ukubhala notitshala

- Bhala ebhodini okanye kwipowusta

- Sebenzisa isiqalo sesivakalisi ukubhala izivakalisi zeembono zabafundi, umz.
- Ndingabasempilweni ngokutya iziqhamo nemifuno rhoqo ngemini.
- Ndingabasempilweni ngokungalali ebusuku kakhulu.

Ndingabasempilweni ngoku...



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla nomsebenzi owenza wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Biza iqela libelinye lokuFQNT ngohlolo lokufunda nengqiqo.

5 imiz + 30 imiz



UKUFUNDA NENGQIQO UHLOLO LOKU-1 IQela B

- Abafundi bafunda ngabanye ibali ngamazwi asezantsi.
- Biza abemnye ngexesha, umamele xa efunda.
- Mamela umfundi ngamnye umzuzu ukuya kwemibini.
- Jonga ingqiqo ngokubuza imibuzo.

Ukukorekisha:
jonga iph 109
Amanqaku: 10



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Yenza isifonyo


30 imiz

Yenza Abafundi bagqibezela izifonyo zabo abaziqale ngoMvulo.

Bonisa

- Bonisa isifonyo okanye nihamba-hambe nijonga imizobo yabafundi.
- Hlomla ngomsebenzi womfundi ngamnye.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklassi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Iqela ngalinye maliye kwisitishi somsebenzi. Mabenzi imisebenzi.
- Titshala uya bajonga ukuba benza njani ze ubacebise.

Ukuzipholisa



LWESITHATHU



UKUZIPHATHA NENTLALO

Ndicinga , Ndiziva ...

15 imiz

Isihloko

Elona xesha losuku endilithandayo _____ kuba _____.

Ngababini Phendula inkcazelo.

Yabelana Khetha abafundi ababini babelane neklasi (nika wonke umfundi ithuba apha kwikota).



ULWAZI OLUSISISEKO

Ungcoliseko

iph. 88

15 imiz

Ulwazi lwangaphambili Buza abafundi ukuba kwenzeka ntoni kwinkunkuma yasemakhayeni abo.

Xoxani ngephepha kunikezelwe ngolwazi oluphangaleleyo

Xoxani ngomfanekiso ze ufunde abafundi itekisi.

Imibuzo yokuphanda

- Niza kuyifumana njani impendulo?
- Abafundi beza nempendulo ngoLwesihlanu.



IZANDI

Isandi u-hlw

iph. 89

15 imiz


Yazisa

- Phulaphula uze ubize isandi.
- Funda igama elingumzekelo.

Yakha amagama Yakha amagama anesandi uze uwabize.

Uwedwa nangababini

- Abafundi bakha amanye amagama anemvano-siphelo.
- Abafundi babiza onke amagama anemvano-siphelo kumaqabane abo.
- Abafundi banokuza namagama amaninzi.



UKUFUNDA

Zintoni esizidingayo ukuzigcina sisempilweni?

iph. 71-73

15 imiz

Ukufunda kunye Fundani amaphepha 71-73 malunga nezinto esizidingayo ukuze sikhale sisempilweni.

Ukufunda ngokwamaqela Kwiqela elinabafundi abathathu, umntu ngamnye makafunde iphepha elinye ninikana amathuba.

Ukufunda eyedwa Fundela ngaphathu amaphepha amathathu okuqala ebali.





UKUBHALA Ukuzigcina usempilweni

15 imiz

Funda

- Funda isiqalo sesivakalisi nabafundi.
- Phinda nifunde isifundo sokubhala notitshala sangoLwesibini.

Funda

- Funda isiqalo sesivakalisi nabafundi bakho.
- Funda kwakhona kukuFunda ngokwabelana ngoLwesibini.

Bhala Ngokunokwabo, abafundi babhala izivakalisi ezithathu besebenzisa isiqalo sesivakalisi.

Ndingabasem-
pilweni ngoku...



5 imiz
+
30 imiz

UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla nomsebenzi owenza wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veiki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Biza iqela libe linye lokuFQNT ngohlolo lokufunda nengqiqo.



UKUFUNDA NENGQIQO UHLOLO LOKU-1

IQela C

- Abafundi bafunda ngabanye ibali ngamazwi asezantsi.
- Biza abe mnye ngexesha, umamele xa efunda.
- Mamela umfundi ngamnye umzuzu ukuya kwemibini.
- Jonga ingqiqo ngokubuza imibuzo.

Ukukorekisha:
jonga iph 109
Amanqaku: 10



EZBUGCISA BEQONGA

Ukuzifudumeza – phefumla umoya ococekileyo

- Ziqhelanise ukuphefumla usebenzisa izihlunu zesisu ukulawula umphefumlo wakho.
- Wubambe imizuzwana eli-10 ze uwukhuphe. Phinda.

Iqela elinabafundi aba-6-8

- Qala ibali, umz. *Ndiye evenkileni ndathenga ibhanana.*

Ibali lamaqela

- Umfundi olandelayo uphinda into ethethwe ngumfundi wokuqala, aze ongeze eyakhe into. Umz. Ndiye evenkileni ndathenga ibhanana nenkukhu.
- Phindani nisongeza izinto neentshukumo.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Izitishi zemisebenzi

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cula/cengceleza

15 imiz

Le ngoma ingaculwa ngetyhuni kaMtakwethu ulele na. Yongeza iintshukumo nezinye iivesi malunga nemikhwa esempilweni ngokohlobo oguna ngalo.

Ndisempilweni, empilweni,
Ewe nawe, ewe nawe!
Ndiity' ukuty' okusempilweni.
Ewe nawe, ewe nawe.

Ewe nawe, ewe nawe.

Ndisempilweni, empilweni,
Ewe nawe, ewe nawe!
Ndizikhusel' elangeni, ewe
elangeni,
Ewe nawe, ewe nawe.

Ndisempilweni, empilweni,
Ewe nawe, ewe nawe!
Ndilala ngethuba, ewe ngethuba,



ULWAZI OLUSISISEKO

Usuku lukaDora lokubasempilweni

Ulwazi lwangaphambili Zintoni ozenza rhoqo esikolweni?

Funda amaphepha Bukani imifanekiso ze nixoxe ngayo.

Ncokolani ngexesha

- Buza abafundi ukuba bacinga uDora into nganye uyenza ngabani ixesha kumfanekiso onikiweyo: ukulungiselela isikolo; ukuqalisa kwesikolo; ikhefu lokutya; ukudlala imidlalo; ukwenza umsebenzi wasekhaya; ukuya kulala.
- Babuze ukuba bona bazenza xesha liphi ezi zinto.

iph. 90

15 imiz



IZANDI

Misa igama ngendlela efanelekileyo

Ukuziqhelanisa ukufunda oonobumba

- Khomba nokuba ngowuphi unobumba kwialfabhethi.
- Abafundi mababize isandi sikanobumba.
- Qhubeka wonyuse isantya.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba uncedise abafundi apho kudingeka khona.

Jonga okanye phawula umsebenzi

iph. 91

15 imiz



UKUFUNDA

Isigama nolwimi

15 imiz

Oonotsheluzi

- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela ze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluzi edongeni lamagama, uphinde uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Jonga igama umabonakude. Uyawabona amagama amancinci egameni elikhulu?
- Biza zombini inxalenye zegama. umabona no kude. Zidibanise zombini wenze igama elinye.
- Cinga ngamanye amagama owaziyo aneenxalenye ezimbini. (umz. ibhola ekhatywayo, iphepha-ndaba, inqwelo-moya, njl njl.)





UKUFUNDA NENGQIQO UHLOLO LWESI-3

Ingqiqo

NT

iph. 122

15 imiz

Intshayelelo Yazisa abafundi ngolu hlolo.

Uhlaziyo Funda kwakhona ibali elithi, *Zintoni esizidingayo ukuzigcina sisempilweni?*

Phendula imibuzo

- Abafundi basebenza bodwa ukuphendula imibuzo yengqiqo ejoliswe kwitekisi.

Ukukorekisha:
jonga iph 109
Amanqaku: 10

IGAMA _____ UMHLA _____

Ingqiqo

Fundani Sidinga ntoni ukuze sibesempilweni? Faka olu phawu ✓ kwimpendulo echanekeleyo.

1 Sidinga ntoni ukuhlala sisempilweni?
☐ izibiliboco ezingekho sempilweni ☐ ukuzilolonga
☐ amanzi acocekileyo ☐ ukutya okusempilweni
☐ imitha yelanga ☐ umoya ococekileyo

2 Kutheni kufuneka sitye iziqhamo nemifuno?
☐ ziqinisa zikhulise amathambo nezihlunu zethu.
☐ zinika imizimba yethu iivithamini.
☐ ziyasidamkisa.

3 Siwafumana phi amanzi acocekileyo?
☐ emadaminini ☐ ezimpompeni ☐ emilanjini

4 Ibaluleke ngantoni imitha yelanga?
☐ Yenza sinxanawo.
☐ Yenza silambe.
☐ Yomeleza imizimba yethu.

5 Usemphilweni?

122 Ivekeli 8 • Lwesine UKUFUNDA NENGQIQO UHLOLO LWESI-3



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla nomsebenzi owenza wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Biza iqela libe linye lokuFQNT ngohlolo lokufunda nengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz



UKUFUNDA NENGQIQO UHLOLO LOKU-1

IQela D

- Abafundi bafunda ngabanye ibali ngamazwi asezantsi.
- Biza abe mnye ngexesha, umamele xa efunda.
- Mamela umfundi ngamnye umzuzu ukuya kwemibini
- Jonga ingqiqo ngokubusa imibuzo.

Ukukorekisha:
jonga iph 109
Amanqaku: 10



EZOBUGCISA BEQONGA

Ixesha lokudanisa

Ukuzifudumeza

- Abafundi bahlala isangqa banabe.
- Jikelezisa amaqatha ngaphandle, nangaphakathi. Yolula iinyawo namadolo.

Ukudanisa

- Khetha ingoma eyaziwayo enokudaniselwa neqabane.
- Abafundi benza izangqa ezimbini badanise namaqabane ahlukeneyo ngelixa becula.

Ukukhululeka

Abafundi baphefumla ngokuchotha, phakathi naphandle bacinge ngomoya ocecekileyo ongena emzimbeni wabo ukuze bomelele.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izithishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izithishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwizithishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

30 imiz



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ungcoliseko

iph. 88

15 imiz

Ungcoliseko lwenzeka xa umoya, inkunkuma, iiplasitiki, umsi kunye neekhemikhali ziqala ukubayingozi kwizilwanyana, izityalo kunye nabantu.

Kukho iindidi ezahlukeyileyo zongcoliseko.

Ungcoliseko lomhlaba lwenzeka xa inkunkuma ilahlwe yamasazwa nje kwindawo yonke. Enye inkunkuma isiphathela iintsholongwane. Ngamanye amaxesha iikhemikhali ezivuzela emanzini esivaselayo zisigulise.

Ungcoliseko lwamanzi lwenzeka xa kubayingozi ukusela amanzi ngexa yeentsholongwane kunye neekhemikhali ezithi zingene kuwo.

Ungcoliseko lomoya lwenzeka xa iirhasi eziphuma kwiimoto, iiteksi, iibhasi nakwimizi-mveliso zisenza umoya esiwuphefumlayo ube yityhefu.

Ngababini Chaza enikufumanisileyo.

Yabelana

- Cela abafundi abambalwa babelane neklasi.
- Thethani ngenikufumanisileyo.



ULWAZI OLUSISISEKO

Ungcoliseko

15 imiz

Bhala uzobe ngoPhanda

- Bhala into ibenye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso.



UMSEBENZI WESI-2 WOHLLOLO LWEZANDI

Ubizelo

15 imiz

Bizela amagama

- Chazela abafundi ukuba olu luhlolo.
- Biza igama ngalinye ngokuvakalayo nangokucacileyo.
- Liphinde kubekanye kuphela.

Bhala kwiincwadi zokusebenzela

- Nika abafundi ithuba lokubhala igama ngalinye.
- Mabhele kakuhle nangocoselelo.

Ukukorekisha:

jonga iph 108

Amanqaku: 5

ihlwili

isihluzo

ugcado

ihlahla

iingcwangu



UKUBHALA

Usuku lwam lokubasempelweni


15 imiz

Xoxani ngezinto abazenzayo abafundi ngamaxesha ohlukileyo.

Jongani iwotshi ezikwisakhelo sokubhala. Ngubani ixesha elichazwe kwiwotshi nganye?

Bhala uzobe

- Abafundi basebenzisa isigama esiqulathwe kule veki neso sikwizichazi-magama zabo ukugqibezela isakhelo sokubhala.
- Bazoba umfanekiso ukuba ixesha liyavuma.





UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla nomsebenzi owenza wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Biza iqela libe linye lokuFQNT ngovavanyo lokufunda nengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz



UKUFUNDA NENGQIQO UHLOLO LOKU-1

IQela D

- Abafundi bafunda ngabanye ibali ngamazwi asezantsi.
- Biza abe mnye ngexesha, umamele xa efunda.
- Mamela umfundi ngamnye umzuzu ukuya kwemibini.
- Jonga ingqiqo ngokubuzwa imibuzo.

Ukukorekisha:
jonga iph 109
Amanqaku: 10



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Ukufunda Bengababini, bafundelana iindaba zabo. Baxeelana ngeendawo abazithandileyo kwiindaba zomnye.

Korekisha umSebenzi Owenza Wedwa

- Jongani imisebenzi yeDBE kunye.
- Abafundi balungise okanye bagqibezele imisebenzi yab

15 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza imisebenzi.
- Titshala jonga ukuba benza njani ze ubacebise indlela abanokwenza ngayo.

Ukuzipholisa

Kwisiwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwujongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedooluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa


bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisa ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa ikhosi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

Iintsuku ezikhethekileyo



AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo

itheko

ikonsathi

isikolo

imbiza

isityu

Umcwe wesivakalisi


Benza isityu esininzi ngembiza enkulu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- 1 Ukufunda ngababini NYY iphepha le-110
- 2 Ukufunda ngababini 1 m b t y m b t y
- 3 Ukufunda ngababini 2 UMbali utyale imbewu yeemb
- 4 Ukufunda ngababini 3 Izityalo zityalwe esityeni esi
- 5 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-60
- 6 DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha lama-61
- 7 DBE iZakhono zoBomi iphepha lama-30–31
- 8 Isichazi-magama
itheko ikonsathi isikolo imbiza isityu

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- ipeyinti
- izifunxi zesiselo (izitro)/iingxowa zeepensile
- iikoki/izitikha
- iphepha ekuza kupeyintelwa phezu kwalo



Itheko esikolweni

Yayilusuku olukhulu kwisikolo sikaSipho noAmosi. Isikolo sasinetheko lokugqiba iminyaka elikhulu sikhona.

Ootitshala **baceba** ukuba nekonsathi. Amakhwenkwe namantombazana aziqhelanisa nezinto abaza kuzenza ekonsathini.

Ootitshala kwakunye nabazali beza nenyama eninzi nembiza enkulu. Kwangentseni ngosuku lwetheko bapheka isityu ngembiza nepapa ngenye imbiza enkulu.

Yayilusuku olwalushushu kakhulu. Abazali noomakhulu babantwana beza esikolweni. Abantwana banxiba izinto zabo zekonsathi.

UDora noAyanda benza umdlalo owawumalunga nosana olwalulahlekile kodwa lwafunyanwa. Beza neempahla zoomama babo esikolweni ukwenzela ukuba baze bafane namanenekazi asele ekhulile. Beza nonodoli owawuzakuba lusana. UAmosi, uSipho, uThami noSamsoni baye benza owabo umdlalo omalunga nebali eliseBhayibhileni. Inqununu, ilungu lebhodi yesikolo kwakunye nenenekazi elalisele likhulile, elalikhe lafundisa kwesi sikolo kudala benza intetho

Umntu owayemele isebe lezemfundo, naye wenza intetho. Emva koko, wonke umntu waphuma phandle wayokutya. Kwakukuninzi ukutya konela wonke umntu. Emva koko abantwana badlala imidlalo.

UAYanda wakhala ngesisu esibuhlungu. UThami naye waye wagula, baze abanye abantwana baya kuchazele utitshala wabo. Bathi xa bebuya abamfumana uThami, kanti uye wagoduka akuziva ukuba uyagula.

Laye likhula inani labantwana abagulayo. Babenezisu ezihambisayo bekhupha ngasentla bekhala.


Kwagula nomntu owayesuka kwisebe lezemfundo. Inqununu yakhathazeka kakhulu. Yafowunela **uncedo olungxamisekileyo**. Kwafika **iinqwelo zezigulana** ezimbini esikolweni.

Abantu boncedo lokuqala baye bachaza ukuba kokwakutya bebekutye ethekweni oku kubagulusayo.

Abantwana, oomama abaphekayo nootitshala babekhathazekile kukumoshakala kwetheko.

Ngosuku olulandelayo iivenkile zapha isikolo ukutya. Enye ivenkile yazisa inyama yenkukhu, enye yazisa iintlanzi ezinkonkxiweyo. ikhona neyezisa isoseji. Enye yazisa iipakethi zamashwamshwam ze enye yazisa amaqebengwana.

Kojiwa inyama nesoseji esikolweni. Abantu bonwaba batya inyama eyojiweyo namaqebengwana ngoko nangoko. Yaba litheko lesibini elimnandi kakhulu elo.



ISIGAMA

baceba – ukuceba kukwenza amalungiselelo phambi kokuba kwenzeke into

uncedo olungxamisekileyo – yinto enobungozi ekufuneka inqandwe ngoko nangoko

inqwelo yezigulana – yimoto ethatha abantu abagulayo ibase esibhedlele

MVULO


UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO *Itheko esikolweni*

Phambi kokufunda Thethani ngeziganeko ezenzekayo esikolweni, umz. Ikonsathi, imini yezemidlalo, itheko, iimini zokunikezela iimbasa

Ukufunda Funda ibali ngokuvakalayo uze ubuze imibuzo..

Emva kokufunda

- Laliphi itheko?
- Yayinjani imozulu?
- Kwenzeka ntoni kwabanye abantu emva kokuba betye ukutya?
- Ngubani owafikayo esikolweni eze kunceda?
- Kwenzeka ntoni ngosuku olulandelayo

NT
iph. 93
15 imiz


ULWAZI OLUSISISEKO
Ukugcina ukutya namanzi kukhuselekile kwaye kucocokile


Ulwazi lwangaphambili Wakhe waphathwa sisisu esibuhlungu kakhulu?

Ulwazi olutsha

- Ukutya namanzi angcolisekileyo/anetyhefu angabenza abantu bagule.
- Kufuneka sigcine ukutya namanzi ecocokile kwaye esempilweni.

Funda iphepha Jonga umfanekiso ze ufunde itekisi.

iph. 100
15 imiz


IZANDI
Isandi u-mb
Yazisa isandi


- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo xa ubiza isandi.

Chonga amagama enesandi Abafundi bangabiza amanye amagama abawaziyo.

Ngababini Fundani amagama nibize namanye eniwaziyo.

Bhala Bhala amagama nizobe nemifanekiso.

iph. 101
15 imiz


UKUFUNDA
Itheko esikolweni

Ukuthetha ngemifanekiso Ubona bani emfanekisweni? Kwenzeka ntoni?

Funda ibali lonke kunye nabafundi


Abafundi mabakhombe amagama ngeminwe.

Inggqiqo iph. lama-142-147

- Kwiphepha lama-142, khomba igama elikuxelela ukuba yayiminyaka yesikolo.
- Ucinga ukuba kutheni ootitshala babefuna ukwenza itheko nje?

- Kwiphepha lama-143, khomba amagama akuxelela ukuba ngoobani abeza esikolweni.
- Wazi njani ukuba yayiyimini eshushu kakhulu?
- Kwiphepha lama-144, ngawaphi amagama asichazela ukuba abantu bagula?
- Ucinga ukuba ootitshala baziva njani bakubona ukuba wonke umntu wayegula?

iph. 94-99
15 imiz





UKUBHALA **Iindaba**

Nikeza ngesihloko seendaba (iindaba ngeholide, impelaveki, iqela lemidlalo, inkqubo kamabonakude)

Amaqela Sebenzisa isakheko seeNdaba Zam esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa iindaba zabo.

Abafundi babhala iindaba kwincwadi zabo zomsebenzi

- Bakhuthaze ukuba basebenzise izivakalisi ezide bachaze iinkcukacha.

15 imiz



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Nika intshayelelo yemisebenzi oyenza wedwa yale veki ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banomsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (FQNT).

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela A noB

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yenza umfanekiso weentsholongwane

30 imiz

Xoxani

- Khumbuzanani malunga nolwazi lweentsholongwane.
- Ucinga ukuba injani inkangeleko yeentsholongwane?
- Ziyabonakala? Okanye kungafuneka sisebenzise imayikhroskopu?

Yenza imifanekiso

- Abafundi mababeke ichaphaza lepeyinti ephepheni elingange A4.
- Basebenzisa isitro/ingxowa yepensile yokuphekuza ipeyinti ibenemilo yentsholongwane.
- Yiyeke ipeyinti ubusuku bonke ukwenzela ukuba yome.



EZEMITHAMBO **Intshayelelo**

Amalungiselelo

- Khetha imisebenzi yeveki emine, eyehlukileyo kwiphepha 19.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula abafundi babengamaqela amane ngeveki.

Babonise iindawo zemisebenzi

- Babonise izixhobo ze ucacise imisebenzi yeveki.
- Abafundi baza kuba ngabalinganiswa kule misebenzi.

Umsebenzi owenziwa yiklasi yonke Dlalani imidlalo efana nokuganga nondize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz




LWESIBINI



UKUZIPHATHA NENTLALO Ukuqaphela kwam

- Abafundi mababeke incam yolwimi nje ngokukhululekileyo phakathi kwamazinyo, imilebe ivulekile.
- Incam yolwimi mayivele kancinci. Mabaphefumle batsale umoya entla kolwimi.
- Baphefumlele ngaphandle bakhuphe umoya ngempumlo ngokucotha. Phinda.
- Buza abafundi ukuba ingaba bayiva ipholile kwaye ikhululekile imiqala yabo.

15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukugcina ukutya namanzi kukhuselekile kwaye kucocokile

Ukuzikhumbuza Khumbuza abafundi ngendlela esinokugcina ngayo ukutya namanzi ecocekile kwaye ekhuselekile.

Ukufunda Funda iziqingatha zezivakalisi ezimbini kunye nabafundi.

Tshatisa

- Tshatisa iziqingatha ezimbini – bonisa ebhodini.
- Faka imibala emfanekisweni.

iph. 102

15 imiz



IZANDI

Ukugqibezela izivakalisi

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo, ukhombisa nokuba ngowuphi unobumba ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize isandi sikanobumba.
- Qhubeka wonyuse isantya.

Yenza umsebenzi Abafundi mabenze umsebenzi, hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

iph. 103

15 imiz



UKUFUNDA

Ukwakha izivakalisi

Ukusika Abafundi basika bakhuphe umcwe wesivakalisi okwiphepha le-123 kwiNYY.

Fundani isivakalisi kunye

Ingaba esisenzo senzeka ngoku okanye kwixesha elidlulileyo? (bapheka)

Buza imibuzo ze usike amagama/amaqela amagama

- **Ubani?** Bona
- **Benza ntoni?** bapheka

- **Intoni?** isityu
- **Phi?** kwimbiza
- **Engakanani?** enkulu


Abafundi basika bakhuphe amagama

Xuba amagama esivakalisi uze usakhe kwakhona.

Abafundi bancamathelisa isivakalisi kwincwadi zabo zomsebenzi.

iph. 123

15 imiz





UKUBHALA Bhala ibali

Intshayelelo: Kwenzeka ntoni kwibali ebesilifunda?

Xoxa

- Ingaba litheko lantoni esinokuba nalo esikolweni?
- Zintoni ezinokuthi zenzeke kwitheko?

Ukubhala notitshala

- Sebenzisa isakhelo sokubhala usebenzise neengcinga zabafundi.
- Fundani ibali elitsha kunye.

15 imiz

Itheko esikolweni
Besinetheko loku

Oo _____ bapheka
i _____ kunye ne _____
Imozulu yayi _____

kakhulu.
Abantwana babene
ko _____
Emva kwesidlo abanye
abantu ba _____



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela C noD

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Yenza umfanekiso weentsholongwane

Qqibezela imifanekiso Abafundi basebenzisa iikoki okanye izitikha ukwenza amehlo neempondwana kwimifanekiso yabo ebebeyiqale ngoMvulo.

Bonisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi

- Yalela amaqela aye kwizitishi zawo zomsebenzi.
- Mabenze umsebenzi
- Titshala qwalasela unike iingcebiso.

Ukuzipholisa

30 imiz



LWESITHATHU



UKUZIPHATHA NENTLALO Ndicinga, ndiziva ...

15 imiz

Umbuzo Sikugcina njani ukutya kwethu kusempilweni emakhaya?

Ngababini Xoxani ngombuzo.

Yabalelani Khetha abafundi ababini babelane ngabakuxoxileyo (nika wonke umntu ithuba kule kota).



ULWAZI OLUSISISEKO Usuku lwamalungelo oluntu

iph. 104

15 imiz


Ulwazi lwangaphambili

- Zeziphi iintsuku zeholide abazaziyo abafundi?
- Usuku lwama-21 kuMatshi lumele eyiphi iholide?

Xoxani ngephepha nize nolwazi olongezelelweyo
Xoxani ngomfanekiso, uze ufunde abafundi itekisi.

Ngababini Fundani amalungu nanagama.

Bhala Bhala amagama emifanekiso.



IZANDI Isandi u-ty

iph. 105

15 imiz

Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo xa ubiza isandi.

Chonga amagama enesandi Abafundi bangabiza amanye amagama abawaziyo.

Ngababini Fundani amagama nibize namanye eniwaziyo..

Bhala Bhala amagama emifanekiso.



UKUFUNDA Itheke esikolweni

iph. 94-96

15 imiz

Fundani kunye Fundela abafundi amaphepha lama-94-96 ebali, *Itheke esikolweni*, uze ufunde nabafundi.

Fundani ningamaqela Fundani ngamaqela azizithathu, tshintshiselanani ukufunda iphepha ngalinye.

Ukufunda wedwa Fundela ngaphakathi amaphepha amathathu okuqala ebalini.





UKUBHALA

Isimemo

Thethani ngesimemo

- Abantu baye bazi njani ukuba kuza kubakho itheko? (siyabacela, sibathumela umyalezo, sibabhalele isimemo)
- Wakhe wafumana isimemo setheko esibhaliweyo?

Xoxa ngezimvo

- Igama lesikolo
- Iminyaka yesikolo
- Izinto ezonwabisa
- Umntu ekuza kuphendulwa kuye. (Kutheni kufuneka kuphendulwe?)

Bhala Bhalani isimemo nikunye, nisebenzisa iimbono zabafundi.

15 imiz

.... othandekayo
Uyamenywa kwitheko
lomhla wokuzazalwa
kuka-Azola.
Umhla: 3 kweyoMnga
2024
Indawo: Kowabo
Ixesha: 14:00

Sovuyiswa bubukho
bakho.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuzi abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgqeni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela E

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

Isifundo sesibini sokufunda seQela A

- Funda kwakhona ibali ngokuvakalayo kunye nabo.
- Abafundi mabafunde ibali namaqabane wabo.
- Utitshala umamela abafundi ngelixa befunda.

5 imiz
+
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA

lingcinga kunye neemvakalelo

Khumbuzanani ngebali Thethani ngeziqendu zebali zibentathu: itheko, wagula wonke umntu, itheko elingumangaliselo losuku olulandelayo.

Amaqela (yabela iqela ngalinye isiqendu sebali)

- Ngoobani abadlali kwesenu isiqendu sebali?
- Umdlali ngamnye ucinga ntoni?
- Umdlali ngamnye uziva njani?
- Khetha indawo oza kuyidlala.

Lungiselela umdlalo Iqela ngalinye liziqhelanisa nomdlalwana omfutshane ngesiqendu abaza kusidlala ebalini.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Yalela amaqela aye kwizitishi zawo zomsebenzi.
- Mabenze umsebenzi.
- Titshala qwalasela ubanike iingcebiso.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Cula/cengceleza

15 imiz

Cengceleza ngesingqi ngesingqi sesicengcelezo esithi, *Katana, katana.*

Khuhla, khuhla, khuhla izandla zakho,
Isepha iza kuzenza zicoceke. (*Phakamisa izandla, uveze
intende yaso.*)
Khuhla ngezantsi, (*Hlamba intende zezandla.*)
Hlamba ngentla, (*Hlamba imiva yezandla zakho.*)
Zihlambe ngaphakathi. (*Hlamba phakathi kweminwe.*)
Pula, pula, pul' izandla zakho, (*linganisa xa kuvulwa itepu*)
Amanzi azenza zicoceke, (*phakamisa izandla zakho*)
Akhuph' iintsholongwane,
Zihambe embhobheni, (*Khomba phantsi ngomnwe omnye.*)
Ngoku zicocekile, zicocekile, zicocekile. (*Vuthulula izandla.*)



ULWAZI OLUSISISEKO Ukugcina imilambo yethu icocekile

iph. 106

15 imiz

Ulwazi lwangaphambili Kungenzeka ntoni xa sinokusela amanzi angacocekanga?

Xoxani ngomfanekiso

- Lo mlambo usemfanekisweni ingaba ucocekile?
- Bawangcolisa njani amanzi abantu?
- Singawasela amanzi omlambo ongcolileyo?

Faka imibala



IZANDI Ukubhala izivakalisi ngamagama

iph. 107

15 imiz


Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amkhadi ezandi ezifundisiweyo ukhombela nokuba ngowiphi unobumba ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize isandi sikanobumba.
- Qhubeka wonyuse isantya.

Yenza umsebenzi

- Abafundi mabenze umsebenzi, hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi, uze unike amaqaku



UKUFUNDA Isigama nolwimi

15 imiz

Oonotsheluzi

- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluzi edongeni lamagama, uze uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi okwiNYY, iphepha lama-153.
- Leliphi igama elibonakalisa ukuba le nto yayenzekekudala? (*bapheka*)
- Leliphi igama elisixelela ukuba imbiza yayinjani? (*enkulu*)
- Ngawaphi amanye amagama esinokuwasebenzisa xa sichaza imbiza?





UKUBHALA Ukufunda ngengqiqo

Uhlaziyo Phinda ufunde ibali, *ltheke esikolweni*.

Phendula imibuzo

Jonga iimpendulo

1. ootitshala
2. Benza ikonsathi
3. amashwam-shwam, inyama yenkukhu, ibhansi

iph. 108

15 imiz



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku ngexesha, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela B noC

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda nganye nganye.

5 imiz

+ 30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA

Dlalani owenu umdlalo

Ziqhelanise Nika abafundi imizuzu eli-10 baziqhelanise neendawo abazakuzidlala ebalini.

Yenzelani iklasi umdlalo

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Yalela amaqela aye kwizitishi zawo zomsebenzi.
- Mabenze umsebenzi.
- Titshala qwalasele ubanike iingcebiso.

Ukuzipholisa

30 imiz



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Wonke umntu ukufanele ukuba namalungelo anjenge nkululeko, uxolo, indawo yokuhlala, amanzi nokutya okucocekileyo kunye nemfundo.

Amalungelo oluntu yinxalenye yomgaqo-siseko waseMzantsi Afrika. Umgaqo-siseko uthi, sinamalungelo kodwa sikwanalo noxanduva.

Maxawambi abantu ekuhlaleni bayawaxhaphaza amalungelo abanye abantu. Maxawambi noRhulumente akawakhathaleli

Usuku lwamalungelo oluntu

amalungelo abantu ngokuthi aphaathe abemi kakubi.

Usuku lwamalungelo oluntu lusikhumbuza ukuba sikhumbule ukuba sonke sinamalungelo afanayo.

Ngababini Chaza ukuba ufumanise ntoni.

Yabelanani

- Yalela abafundi abambalwa ukuba babelane neklasi.
- Thetha ngento oyifumanisileyo.

iph. 104

15 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Usuku lwamalungelo oluntu

15 imiz

Bhala uze uzobe ngoPhanda

- Bhala into ibenye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso.



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

Izibini zifunda amagama

- Umfundi ufundela iqabane umzuzu omnye.
- Yenza isangqa kwigama lokugqibela elifundiweyo, lize iqabane libale amagama angafundwanga kakuhle.
- Umfundi ngamnye unamathuba amathathu.

Bala amagama

- Khetha elona linge aqhube kakuhle kulo.
- Thatha nawaphi na amagama angafundwanga kakuhle.
- Abafundi babhala amanqaku abo angcono emgceni.
- Bonisa indlela ofunda ngayo amagama amaninzi ngokuziqhelanisa ngakumbi.

iph. 109

15 imiz



UKUBHALA

Itheko esikolweni

Xoxa ngezimvo

- Phinda ufunde ibali ebenilibhale niyiklasi ngoLwesibini.
- Abafundi mabakhethe abadlali bebalu elitsha.

Bhala Abafundi mabagqibezele isakhelo sokubhala ngawabo amabali.

15 imiz





UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOFQNT

Ukubhala ngesandla

- Jonga iincwadi zokubhala ngesandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe oyena bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa iklasi yenze umSebenzi Owenza Wedwa obhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela D no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda nganye nganye ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

5 imiz
+
30 imiz



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Funda

- Ngababini, abafundi bafundelana ibali labo elimalunga ne *Itheko esikolweni*.

Makisha umSebenzi Owenza Wedwa

- Jonga yonke incwadi yeDBE yemisebenzi.
- Abafundi benze izilungiso okanye bagqibezele umsebenzi wabo.

15 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Yalela amaqela aye kwizitishi zawo zomsebenzi.
- Mabenze umsebenzi.
- Titshala qwalasela unike iingcebiso.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwujongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedooluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa

bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- Lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO

Ukudityaniswa kunye nohlaziyo

Le yiveki yohlaziyo ngoko ke asikho isicwangciso sosuku esibekiweyo. Uyakufumana nje iingcebiso zemisebenzi yohlaziyo eyenziwa nani na evekini.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

- Abafundi mabakhethe ibali abanqwenela ukuphinda balifunde.
- Emva koko cele umfundi okanye abafundi ababini babalise elinye ibali.
- Ngababini: Babaliselana ngawona mabali bawathandayo.
- Ukucengceleza isicengcelezo okanye umbongo ngabanye okanye ngamaqelana amancinci.




UKUFUNDA

- Phinda ufunde kwiNYY elona bali abafundi baye balonwabela kakhulu kule kota.
- Tshintsha iindawo nabafundi abanokuba zititshala kumabali awohlukileyo.
- **Ngababini:** Mabafunde itekisi yokufundwa ngababini ngeveki nganye.
- **Ukufunda eyedwa:** Funda iincwadi ezikwikona yekufundela/Ithala leencwadi.



IZANDI


- Ngababini: Bafunda amagama akumaphepha ezandi.
- Ukuphiswano lwamaqela lokufunda oonotsheluzi.
- Phinda amagama abekelwe ixesha kunye nemisebenzi yobizelo, ze bazame ukuphucula amanqaku abo.
- Qinisekisa ukuba onke amaphepha eNYY omSebenzi Owenza Wedwa agqityiwe kwaye enziwe ngendlela echanekile.
- Imisebenzi ekwincwadi yeDBE.



UKUBHALA

- Nika abafundi amaphepha anemigca babhale ibali elilelabo.
- Bayalele mabazame ukubiza ngokuvakalayo amagama abangawaqondiyo okanye basebenzise amagama asedongeni.





ULWAZI OLUSISISEKO

Abafundi bangagqibezela yonke imisebenzi engagqitywanga kumaphepha eDBE yeZakhono zoBomi. Eminye imisebenzi ibandakanya imizobo, imilinganisano kunye neengxoxo



EZOBUGCISA BEQONGA

- Nika abafundi izixhobo zezobugcisa ezinjenge khayoni, iikoki, amaphepha ayimibala nemilinganiselo eyahlukileyo.
- Yalele abafundi babonise iklasi okanye iqela imisebenzi yabo bacacise ukuba yintoni abakhetho ukuyizoba.
- Vumela abafundi babonise umsebenzi wabo kwiqela okanye eklasini baze bachaze oko bakhetho ukukuzoba.



EZEMITHAMBO

- Dlala imidlalo yesintu.
- Yibani nosuku lwemidlalo, apho amaqela aza kukhuphisana. Yenzani imisebenzi ebeniyenze kule kota.



UHLULO

ISICWANGCISO SOHLOLO LWEKOTA YOKU-1

- Uhlolo lokufundwayo luqhubeka kwikota yonke.
- Kucetyiswe uhlolo olusesikweni olubhalwayo kwiNcwadi Yomfundi Yomsebenzi, kwiveki yesi-6 ukuya kweyesi-8.
- Uhlolo olusesikweni lweorali lufumaneka kwiNcwadi kaTitshala, kwiveki yesi-6 ukuya kwesi-8.
- Uhlolo olungekho sesikweni lwenzeka kwikota yonke.
- Amanqaku ohlolo olusesikweni nolungekho sesikweni athathelwa ingqalelo kwikota yonke.
- Inkqubo yohlolo, ikhrayitheriya yokumakisha, iphepha lamankqaku ohlolo olusesikweni asemva kule Ncwadi kaTitshala.
- Iitsheklisi zohlolo oluqhubekayo nolusesikweni zeveki nganye zingasemva kule Ncwadi kaTitshala.
- Iikholam zifakwe inani ukubonisa iveki ekufundwe ngayo injongo leyo.

Imisebenzi yohlolo olusesikweni, iKota yoku-1				
Iveki 6	Mvulo	Uhlolo lokubhala 1: Ukubhala iindaba zakhe – lindaba		NYI iph. 58
	Lwesibini–Lwesine	Uhlolo lokuphulaphula nokuthetha 1: Ukulandelelanisa ibali nengqiqo		NYI iph. 60, 62, 64
	Lwesibini	IZakhono zoBomi – ULwazi olusiSiseko – Inzululwazi yezeNtlalo: Uhlolo 1	NYI iph. 116	NYI iph. 60
	Lwesihlanu	Uhlolo lokubhala 2: Ukubhala wedwa	NYI iph. 117	NYI iph. 66
Iveki 7	Mvulo	Uhlolo lokubhala ngesandla 1		NYI iph. 71
	Lwesibini	IZakhono zoBomi – Uhlolo lwezobuGcisa 1: EzobuGcisa obubonwayo – 2D	NYI iph. 118	NYI iph. 72
	Lwesibini	1: IZakhono zoBomi – Uhlolo lwezemithambo Ukuqonda intshukumo nokusebenzisana kwamalungu		NYI iph. 73
	Lwesine	IZakhono zoBomi – Uhlolo lwezobuGcisa 2: EzobuGcisa beqonga – Ukucula		NYI iph. 77
	Lwesine	IZakhono zoBomi – Uhlolo lwezemithambo 2: Iintshukumo zamalungu omzimba nokuxhathisa		NYI iph. 77
	Lwesihlanu	Uhlolo lokubhala 3: Ukubhala wedwa	NYI iph. 119	NYI iph. 78
	Lwesihlanu	Ukufunda nohlolo lwengqiqo 1: Ukufunda ngokuvakalayo nokuphendula imibuzo		NYI iph. 79
Iveki 8	Mvulo–Lwesihlanu	Ukufunda nohlolo lwengqiqo 2: Ukwakha isivakalisi		NYI iph. 83, 85, 87, 89, 91
	Lwesibini	Ukufunda nohlolo lwengqiqo 3: Ukuphendula imibuzo	NYI iph. 120	NYI iph. 84
	Lwesibini	Uhlolo lwezandi 1: Ukubhala izandi	NYI iph. 121	NYI iph. 84
	Lwesibini	Uhlolo lwezandi 2: Ubizelo		NYI iph. 84
	Lwesine	Ukufunda nengqiqo Uhlolo lwesi-3: Umsebezi wokubhala wengqiqo	NYI iph. 122	NYI iph. 89
	Lwesihlanu	Uhlolo lweZandi lwesi-2: Ubizelo		NYI iph. 90

UXWEBHU LOKUMAKISHA IKOTA YOKU-1

Sebenzisa eziQR codes ukuze ukhuphele amaphepha okumakisha imisebenzi yohlolo.



Uwebhu lokumakisha lwakwaFunda Wande

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA: Irubhrikhi netsheklisti yohlolo

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Umsebenzi woku-1 wohlolo olusesikweni Ulandelelwano lwebali nokufunda ngengqiqo (Iveki yesi-6 Lwesibini/Lwesithatha/Lwesine) NT iph. 84, 86, 88					5 amanqaku
Umfundi:	1	2	3	4	5
- Phinda ubalise ibali, Amehlo amatsha kaSipho ngokulandelelana, kubekho isiqalo, isiqu nesiphelo. - Phendula imibuzo ekwizinga elisezantsi ngokuchanekileyo. - Phendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngokunika izingathu.	Uyasokola ukubalisa ibali ngokulandelelana kwalo kwaye uyasokola ukuphendula imibuzo ngokuchanekileyo.	Ubalisa isiqalo sebali aphendule umbuzo omnye okanye emibini.	Ubalisa isiqalo nesiqu sebali aphendule yonke imibuzo ekwizinga elisezantsi.	Ubalisa isiqalo, isiqu nesiphelo sebali kwaye uphendule yonke imibuzo yezinga elisezantsi neminye yezinga eliphezulu.	Ubalise lonke ibali ngokulandelelana, isiqalo, isiqu nesiphelo, waphendula imibuzo yezinga elisezantsi neliphezulu ngokuzithemba.
UKUQWALASELA IKLASI (ngeveki 1-9)					15 amanqaku
Umfundi:	1	2	3	4	5
- Umamela ibali ngokulonwabela. - Ubalisa ibali elifundiweyo okanye elibalisiweyo. - Ubalisa elakhe ibali ngokuzithemba nangokulandelelana. - Unegalelo kwizifundo zamabali. - Uphendula imibuzo ngebalu elifundiweyo okanye elibalisiweyo.	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1 okanye 0	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhayitneriya ezi-5
- Uthatha inxaxheba kwiingxoxo zeklasi. - Uphendula imibuzo malunga nebalu okanye umxholo. - Banikana amathuba. - Uyahlomla ngezimvo zabanye. - Usebenzisa isigama esifanelekileyo.	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1 okanye 0 ikhrayitheriya e-1 okanye 0 ikhrayitheriya e-1 okanye 0	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-4	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-5
- Umamelisisa okuqulathe imiyalelo emininzi. - Ucela ukucaciselwa xa engaqondi. - Ujonga ukuba unawo onke amaphepha/ izixhobo ezifunekayo. - Ulandela imiyalelo ngokuchanekileyo. - Wenza umsebenzi eyedwa/ngokuzimela awugqibe.	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1 okanye 0	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhayitheriya ezi-5
Ewonke					20 amanqaku

IZANDI: Iirubhriki neetsheklisti zohlolo

IZANDI: Umsebenzi woku-1 wohlo olusesikweni: Bhala isandi (Iveki yesi-8 Lwesibini) NYY iph. 112, iphepha elifotokotshwayo NYY iph. 121					10 amanqaku
Inqaku elinye kwimpendulo nganye echanekileyo Izandi: ng hl th mb z 1. izihlangu 2. umhlaba 3. ehlathini 4. isihluzo 5. umhlathi 6. isihlahla 7. umhlaba 8. ukuhlamba 9. ihlosi 10. hlaba					
IZANDI Umsebenzi wesi-2 wohlo olusesikweni: Ubizelo (Iveki yesi-8 Lwesihlanu) NYY iph. 118					5 amanqaku
Inqaku elinye kwimpendulo nganye echanekileyo 1. ihlwempu 2. unxweme 3. gcwalisa 4. intwasahlobo 5. isihlwitha					
UKUQWALASELA IKLASI (Iveki 1-9)					5 amanqaku
Umfundi:	1	2	3	4	5
1. Wakha amagama esebenzisa izandi ezifundisiweyo (imisebenzi yeNYY). 2. Ufunda amagama esebenzisa izandi ezifundisiweyo. 3. Usebenzisa upelo oluqwetyiweyo xa ebhala. 4. Upela amagama ngokuchanekileyo kubizelo. 5. Ubonakalisa utyibiliko (isantya nokuchaneka) xa efunda ngexesha elibekiweyo.	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1 okanye 0	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhayitheriya ezi-5
Ewonke					20 amanqaku

UKUFUNDA NENGQIQO: irubhriki netsheklisti yohlolo

UKUFUNDA NENGQIQO Umsebenzi woku-1 wohlolo olusesikwe: Ufundo lweorali (FQNT) (Iveki yesi-8 Mvulo ukuya kuLwesihlanu) NT iph. 111, 113, 115, 117, 119					10 amanqaku
Umfundi:	2	4	6	8	10
- Ufundela utitshala ngokuvakalayo kangangomzuzu ukuya kwemibini. - Usebenzisa imifanekiso ukuqikelela. - Uyawazi amagama abonwa rhoqo, aze afunde umbhalo ofihlakeleyo esebenzisa izandi. - Ufunda ngokutyibilika nangemvakalelo. - Uphendula imibuzo emithathu ubuncinci (ekwizinga eliphantsi neliphezulu).	Akakwazi ukuqikelela esebenzisa imifanekiso. Ufunda kwincwadi yakhe itekisi enomgca omnye okanye emibini ngoncedo lukatitshala. Akakwazi ukuphendula imibuzo.	Uqikelela kancinci ibali esebenzisa imifanekiso. Ufunda igama nengama kwitekisi enemigca emi-3-4, aze aphenidule ngokucha-nekileyo umbuzo omnye ukuya kwemibini ekwizinga elisezantsi.	Uqikelela uninzi lwebali esebenzisa imifanekiso. Ufunda ngokuvakalayo encwadini yakhe enemigca emi-5-6, aze aphenidule ngokucha-nekileyo imibuzo emithathu ekwizinga eliphantsi.	Uyakwazi ukuqikelela ibali esebenzisa imifanekiso. Ufunda ngotyibiliko encwadini yakhe enemigca esi-7-8, aze aphenidule ngokucha-nekileyo imibuzo emithathu ekwizinga eliphantsi neliphezulu.	Uyakwazi ukuqikelela ibali esebenzisa imifanekiso. Ufunda ngotyibiliko nangemvakalelo encwadini yakhe enemigca edlulileyo kwi-10, aze aphenidule ngokucha-nekileyo imibuzo emithathu ekwizinga eliphantsi neliphezulu.
UKUFUNDA NENGQIQO: Umsebenzi wesi-2 wohlolo olusesikweni: Ukugqibezela isivakalisi (Iveki yesi-8 Lwesibini) NYY iph. 112					5 amanqaku
Umfundi:	1	2	3	4	5
- Usika onke amagama/ iqela lamagama ngokuchanekileyo. - Uncamethelisa onke amagama ngendlela efanelekileyo. - Isivakalisi sithi: Imizimba yethu idinga imitha yelanga ukuze yomelele.	Amagama 1-2 qha alandelelana ngokucha-nekileyo.	Amagama ama-3-4 qha alandelelana ngokucha-nekileyo	Amagama ama-4-5 qha alandelelana ngokucha-nekileyo.	Amagama ama-6-7 qha alandelelana ngokucha-nekileyo.	Osi-8 amagama alandelelana ngokucha-nekileyo.
UKUFUNDA NENGQIQO: Imisebezi yesi-3 yohlolo olusesikweni: Ingqoqo ebhalwayo (Iveki yesi-8 Lwesine) NYY iph. 117, iphepha elifotokotshwayo NYY iph. 122					10 amanqaku
- Amanzi acocekileyo, ukutya okusempilweni, ukuzilolonga, ilanga, umoya ococekileyo (5 amanqaku) - Ukunika imizimba yethu iivithamini - iimpompo, amatanki (2 amanqaku) - Ukwenza imizimba yethu ibe sempilweni - Impendulo yabafundi					
Ewonke					25 amanqaku

UHQLOLO

UKUBHALA NGESANDLA: : irubhriki netsheklisti yohlolo

UKUBHALA NGESANDLA: Umsebenzi woku-1 wohlolo olusesikweni (Iveki yesi-7 Mvulo) NYY iph. 97					5 amanqaku
Umfundi:	1	2	3	4	5
- Ubhala izivakalisi ezi-2-3 ezimfutshane eqwalasele indlela yokubhala, ulwakhiwo loonobumba abancinci nabakhulu ngendlela efanelekileyo, ubungakanani nezithuba emigceni. - Usebenzisa iimpawu zokubhala, umz izingxi, uphawu lombuzo, iikoma, uphawu lokukhuza ngendlela efanelekileyo. - Ubhala amagama emgceni.	Udinga uncedo lokubhala isivakalisi esinye esebenzisa iimpawu zokubhala.	Ubhala isivakalisi esinye esifutshane esebenzisa iimpawu zokubhala, kodwa engabakhi kakuhle oonobumba, engaqwalaseli izithuba phakathi kwamagama nobungakanani boonobumba.	Ubhala isivakalisi esinye esifutshane esebenzisa iimpawu zokubhala, ebakha kakuhle oonobumba kodwa engaqwalaseli izithuba phakathi kwamagama.	Ubhala izivakalisi ezimbini ezimfutshane esebenzisa iimpawu zokubhala, ebakha kakuhle oonobumba eqwalasela izithuba phakathi kwamagama.	Ubhala izivakalisi ezintathu ezimfutshane esebenzisa iimpawu zokubhala, ebakha kakuhle oonobumba nobungakanani babo eqwalasela izithuba phakathi kwamagama.
UKUQWALASELA IKLASI (Iveki 1-9)					5 amanqaku
Umfundi:	1	2	3	4	5
- Ubamba ipensile abeke izixhobo zokubhala ngendlela efanelekileyo. - Wakha oonobumba abancinci nabakhulu ngendlela efanelekileyo. - Ubhala asebenzise iimpawu zokubhala: izingxi, iimpawu zombuzo, iikoma. - Ubhala amagama ashiye izithuba ezifanelekileyo phakathi koonobumba namagama. - Ukhuphela abhale izivakalisi ezimbini nangaphezulu ngokucacileyo.	Uzalisekisa iikhrayitheriya e-1 okanye 0	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zo-5 iikhrayitheriya
Ewonke					10 amanqaku

UKUBHALA: irubhriki netsheklisti yohlolo

UKUBHALA: Umsebenzi woku-1 wohlolo olusesikweni: lindaba zam (Iveki yesi-6 Mvulo) NYY iph. 83					5 amanqaku
Umfundi:	1	2	3	4	5
- Ubhala umhlathi omnye (izivakalisi ezi-5 ubuncinci) ngeendaba zakhe okanye isiganeko. - Usebenzisa oonobumba abakhulu (ekuqaleni kwesivakalisi nakwisibizo esifanelekileyo) kunye neempawu zokubhala ezichanekileyo (izingxi, iikoma, isimeli-nobumba).	Uyasokola ukubhala isivakalisi esinye ngeendaba zakhe kwaye akasebenzisi neempawu zokubhala.	Uzamise ukubhala izivakalisi ezi-2 ngeendaba zakhe kodwa usebenzisa oonobumba abakhulu ngokunga-chanekanga	Ubhala izivakalisi ezi-3 ngeendaba zakhe esebenzisa oonobumba abakhulu nezingxi.	Ubhala umhlathi onezivakalisi ezi-4 ngeendaba zakhe esebenzisa oonobumba abakhulu, izingxi, ukusetyenziswa kolwini nopelo oluchanekileyo.	Ubhala umhlathi onezivakalisi ezi-5 esebenzisa oonobumba abakhulu, izingxi, ukusetyenziswa kolwimi nopelo oluchanekileyo.
UKUBHALA: Umsebenzi wesi-2 wohlolo olusesikweni: Ukubhala ibali (Iveki yesi-6 Lwesihlanu) NYY iph. 90, iphepha elifotokotshwayo NYY iph. 117					10 amanqaku
Umfundi:	2	4	6	8	10
- Ubhala ibali lakhe (isakhelo sokubhala) esebenzisa isigama somxholo. - Usebenzisa oonobumba abakhulu (ekuqaleni kwesivakalisi nakwizibizo ezifanelekileyo) neempawu zokubhala ezichanekileyo (izingxi, iziphumlisi, isimeli-nobumba). - Ubonisa ibali ngomzobo ofanelekileyo.	Uyasokola ukugqibezela isakhelo sokubhala kwaye akasisebenzisi isigama somxholo. Akasebenzisi iimpawu zokubhala ngendlela efanelekileyo. Umzobo awuhambelani nebali.	Uyazama ukugqibezela isakhelo sokubhala kodwa akasebenzisi ngcinga zakhe okanye isigama. Usebenzisa ezinye iimpawu zokubhala ngendlela afanelekileyo. Umzobo uhambelana kancinci nebali.	Uyasigqiba isakhelo sokubhala kodwa isigama simbalwa. Usebenzisa ezinye iimpawu zokubhala ngendlela efanelekileyo. Umzobo uhambelana kancinci nebali.	Uyasigqiba isakhelo sokubhala ngokwaneleyo kodwa isigama simbalwa. Usebenzisa uninzi lweempawu zokubhala ngendlela efanelekileyo. Umzobo uhambelana nebali.	Uyasigqiba isakhelo sokubhala esebenzisa okwakhe ukucinga nesigama esityebileyo, iimpawu zokubhala ezifanelekileyo nomzobo ofanelekileyo.
UKUBHALA: Umsebenzi wesi-3 wohlolo olusesikweni: Bhala umhlathi oneziphumlisi (Iveki yesi-7 Lwesihlanu) NYY iph. 104, iphepha elifotokotshwayo NYY iph. 119					10 amanqaku
Umfundi:	2	4	6	8	10
- Ubhala ibali lakhe (isakhelo sokubhala) esebenzisa isigama somxholo. - Usebenzisa oonobumba abakhulu (ekuqaleni kwesivakalisi nakwizibizo ezifanelekileyo) neempawu zokubhala ezichanekileyo (izingxi, iziphumlisi, isimeli-nobumba). - Ubonisa ibali ngomzobo ofanelekileyo.	Uyasokola ukugqibezela isakhelo sokubhala kwaye akasisebenzisi isigama somxholo. Akasebenzisi iimpawu zokubhala ngendlela efanelekileyo. Umzobo awuhambelani nebali.	Uyazama ukugqibezela isakhelo sokubhala kodwa akasebenzisi ngcinga zakhe okanye isigama. Usebenzisa ezinye iimpawu zokubhala ngendlela afanelekileyo. Umzobo uhambelana kancinci nebali.	Uyasigqiba isakhelo sokubhala kodwa isigama simbalwa. Usebenzisa ezinye iimpawu zokubhala ngendlela efanelekileyo. Umzobo uhambelana kancinci nebali.	Uyasigqiba isakhelo sokubhala ngokwaneleyo kodwa isigama simbalwa. Usebenzisa uninzi lweempawu zokubhala ngendlela efanelekileyo. Umzobo uhambelana nebali.	Uyasigqiba isakhelo sokubhala esebenzisa okwakhe ukucinga nesigama esityebileyo, iimpawu zokubhala ezifanelekileyo nomzobo ofanelekileyo.
Ewonke					25 amanqaku

UHLULO

ZB nePN: lirubhrikhi neetsheklisti zohlolo

ZB/PN: Umsebenzi woku-1 wohlolo olusesikweni: Tshatisa amagama nemifanekiso (Iveki yesi-6 Lwesibini) NY Y iph. 84, iphepha elifotokotshwayo NY Y iph. 116					5 amanqaku
Inqaku elinye kwimpendulo nganye echanekileyo: 1. iilensi 2. iindondo zamehlo 3. ithesekopu 4. iglasi eyenza nkulu 5. imayikhroskopu					
ZB/PN: : Umsebenzi wesi-2 wohlolo olusesikweni: Ukuhlela ukutya (Iveki yesi-7 Lwesibini) NY Y iph. 98, iphepha elifotokotshwayo NY Y iph. 118					10 amanqaku
Inqaku elinye kwimpendulo nganye echanekileyo: Ukutya kwemihla ngemihle: isipinatshi, intlanzi, ipapa, ubisi, iapile; Ukutya okungatyiwa rhoqo: itshipsi, isiselo esihlwahlwazayo, idonathi, iayisikhrim					
ZB/PN: Umsebenzi wesi-3 wohlolo olusesikweni: Ukuhlela imikhwa esempilweni (Iveki yesi-8 Lwesibini) NY Y iph. 112, iphepha elifotokotshwayo NY Y iph. 120					5 amanqaku
Inqaku elinye kwimpendulo nganye echanekileyo: Bomvu: isiselo esihlwahlwazayo, ukutya iilekezi ezininzi; Luhlaza: ukutya iziqhamo nemifuno, ukuhlamba amazinyo, ukuhlamba izandla xa uvela ngasese.					
UKUQWALASELA IKLASI: PSWB (Iveki 1-9)					10 amanqaku
Umfundi:	2	4	6	8	10
1. Uyamamelisisa ngexesha lezifundo 2. Uthatha inxaxheba kwiingxoxo. 3. Ulinda ithuba lakhe. 4. Uyaxoxa ngeengcinga nangendlela aziva ngayo. 5. Uyabacingela abanye abafundi.	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zo-5 iikhayitheriya
UKUQWALASELA IKLASI: ZB (Iveki 1-9)					5 amanqaku
Umfundi uyakwazi:	1	2	3	4	5
1. Ukulandela imiyalelo. 2. Ukukhuthala xa esenza umsebenzi wakhe. 3. Ukuhlomla ngeengcinga zakhe kwiingxoxo. 4. Ukuveza izimvo zakhe ngomxholo, umz Kutheni ibalulekile imithetho yeklas?	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zo-5 iikhayitheriya
Ukugqibezela imisebenzi yeNY Y (Iveki 1-8)					5 amanqaku
Umfundi:	1	2	3	4	5
- Uwagqibile onke amaphepha akwiNY Y ePN/ZB. - Zonke iimpendulo zichanekile. - Ufake yonke imibala wagqiba nokubhala.	Ugqibe amaphepha angaphantsi kwee-10% ngokuchanekileyo.	Ugqibe ii-25% zamaphepha.	Ugqibe ii-50% zamaphepha ngokuchanekileyo.	Ugqibe ii-75% zamaphepha	Ugqibe onke amaphepha ngokuchanekileyo.
Ewonke					40 amanqaku

EZOBUGCISA (OBUBONWAYO): Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo

Ezobugcisa (obubonwayo): Umsebenzi woku-1 wohlolo olusesikweni: Zoba/Peyinta umfanekiso wokona kutya ukuthandayo (Iveki yesi-7 Lwesibini) NYY iph. 99					5 amanqaku
Umfundi uyakwazi:	1	2	3	4	5
• Ukusebenzisa isithuba – ugqwalisa iphepha. • Ukusebenzisa umbala – Imibala efanelekileyo yokutya. • Ukutolika umxholo. • Ukusebenzisa izixhobo (iibhrashi, ikhrayoni).	Umzobo umncinci esebenzise umbala omnye. Umzobo awuhambelani nomxholo. Uyasokola ukusebenzisa izixhobo.	Usebenzise isithuba esincinci nemibala embalwa kwiindawo ezithile zomfanekiso. Umzobo uhambelana kancinci nomxholo. Uyasokola ukusebenzisa izixhobo.	Usebenzise isithuba nemibala ngokwaneleyo. Umzobo uyahambelana nomxholo. Uzisebenzisile izixhobo.	Usebenzise isithuba kakuhle wadibanisa imibala kakuhle. Umzobo uwutolika kakuhle umxholo. Izixhobo uzisebenzise ngendlela efanelekileyo.	Usebenzise sonke isithuba wadibanisa imibala kakuhle. Umzobo uwutolika kakuhle umxholo. Izixhobo uzisebenzise ngendlela efanelekileyo nangoku-zithemba.
UKUQWALASELA IKLASI (Iveki 1-9)					10 amanqaku
Umfundi uyakwazi:	2	4	6	8	10
1. Yonke imisebenzi igqityiwe. 2. Ukubonisa ukuceba umsebenzi phambi kokuba awenze. 3. Ukusebenzisa izixhobo ngempumelelo – izikere, iibhrashi yokupeyinta, iikoki, iglu yokuncamathisela, njl njl. 4. Ukulandela imiyalelo	Uzalisekisa iikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zo-5 iikhrayitheriya
Ewonke					15 amanqaku

UHLULO

EZOBUGCISA (OBEQONGA): Iirubhriki neetsheklisti zohlolo

Ezobugcisa (obeqonga): Umsebenzi woku-1 wohlolo olusesikweni: Ukucula ingoma ngokukhwaza nasezantsi (Iveki yesi-7 Lwesine) NYY iph. 103					5 amanqaku
Umfundi uyakwazi:	1	2	3	4	5
- Ukusebenze neqela ukukhetha ingoma. - Ukutolika ingoma eneengxolo ezingafaniyo – ephezulu nesezantsi. - Ukucula ingoma ngokuzithemba ngengxolo efanelekileyo.	Akanikezeli ngezimvo zakhe eqeleni. Akayitshintshi ingxolo kwiindawo ezifanelekileyo.	Unikezela kancinci ngezimvo zakhe eqeleni. Uyayitshintsha ingxolo kodwa kwiindawo ezingafanelekanga.	Uthatha inxaxheba ngokwaneleyo eqeleni ukukhetha nokutolika ingoma. Ucula ingoma ngokwaneleyo nangengxolo echanekileyo.	Uyasebenzisana neqela ekukhetheni nasekutolikeni ingoma. Uyicula kakuhle ngengxolo echanekileyo.	Uyasebenzisana neqela ekukhetheni nasekutolikeni ingoma. Uyicula ngokuzithemba ngengxolo echanekileyo.
UKUQWALASELA IKLASI (Iveki 1-9)					10 amanqaku
Umfundi uyakwazi:	2	4	6	8	10
- Ukuthatha inxaxheba kwizifundo zonke. - Ukusebenza neqela – Ukunikana amathuba, ukwabelana ngezimvo. - Ukucula ingoma nezicengcelezo ezineentshukumo. - Ukuthatha inxaxheba ekudlaleni umdlalo weqonga nasekubaliseni amabali ngokuzithemba. - Ushukuma adanise ngokuzithemba.	Uzalisekisa iikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zo-5 iikhrayitheriya
Ewonke					15 amanqaku

EZEMITHAMBO: lirubhriki neetsheklisti zohlolo

Ezemithambo: Umsebenzi woku-1 wohlolo olusesikweni: Sebenzisa izixhobo (Iveki yesi-7 Lwesine) NYY iph. 103					10 amanqaku
Umfundi uyakwazi:	2	4	6	8	10
- Isakhono seentshukumo ezishukumisa umzimba - Ukusebenzisana kwamalungu - Ukusebenza neqela	Akakwazi ukuphosa abethe ibhola. Akakwazi ukusebenzisana neqabane.	Ukakwazi ukuyiphosa nokuyibetha kanye ibhola ngokuchanekileyo. Uyasokola ukuthetha neqabane.	Uyakwazi ukuyiphosa nokuyibetha ibhola kangange-siqingatha sexesha bedlala. Uyathetha neqabane.	Uyakwazi ukuyiphosa nokuyibetha ibhola ngokuzithemba ixesha elininzi. Uthetha kakuhle neqabane.	Uyakwazi ukuyiphosa nokuyibetha ibhola ngokuzithemba ngalo lonke ixesha. Uthetha kakuhle neqabane.
Ezemithambo: Umsebenzi wesi-2 wohlolo olusesikweni: Intshukumo (Iveki yesi-7 Lwesihlanu) NYY iph. 105					10 amanqaku
Umfundi uyakwazi:	2	4	6	8	10
- Ukulandela imiyalelo - Isakhono seentshukumo ezishukumisa umzimba - Ukusebenzisana kwamalungu - Ukuxhathisa - Icala	Akakwazi ukulandela imiyalelo. Uyayisokola intsebenziswano yamalungu omzimba. Akakwazi ukusebenzisa umlenze ongomelelanga.	Ulandela eminye imiyalelo enze eminye imidlalwana. Intsebenziswano yamalungu nokuxhathisa ayigqibelelanga.	Ulandela uninizi lwemiyalelo enze nemidlalwana emininzi. Uyakwazi ukuxhathisa ngayo yomibini imilenze.	Ulandela imiyalelo. Wenza yonke imidlalwana axhathise ngayo yomibini imilenze.	Ulandela yonke imiyalelo kwaye uyakwazi ukwenza yonke imidlalwana kakuhle. Uxhathisa ngayo yomibini imilenze.
UKUQWALASELA IKLASI (Iveki 1-9)					10 amanqaku
Inqaku eli-1 = ikhrayitheriya enye - Ulandela imiyalelo - Ukunikana amathuba - Ukusebenza neqela - Ukuhamba ngesingqi - Ukuxhuma nokutsiba ugqaphu - Ukuphosa nokuganga ibhola okanye iingxowana ezineenozo - Ukolula nokusonga umzimba - Ukuxhathisa ngonyawo kwizixhobo - Ukudlala imidlalo yesintu - Ukuzifudumeza nokuzipholisa					
Ewonke					30 amanqaku

Iilensi esizisebenzisayo

Fakela igama elichanekileyo, khetha kula asebhokisini.

imayikhroskoku

iilensi

itheleskoku

iindondo zamehlo

iglas eyenza nkulu


1 I _____ isinceda ekubeni sibone kakuhle.

2 I _____ zineelensi ezinceda abantu babone ngcono.

3 I _____ yenza izinto ezikude zibonakale ngathi zikufutshane.

4 I _____ yenza izinto zibonakale zinkulu.

5 Sisebenzisa _____ ukujonga izinto ezincinci kakhulu.



Ukutyelela kwagqirha



Ndiye ndatyelela ugqirha kuba _____

_____.

Uye wandihlola _____






_____.

Wandinika _____.

Ndaziva _____.

Ukutya esikutya rhoqo nokutya esikutya ngamanye amaxesha

Hlela imifanekiso yokutya, uze uyifake imibala.



Ukutya endikuthandayo


Bhala ngokutya okuthandayo. Zoba umfanekiso.

Okona kutya ndithanda ukutya rhoqo _____

Ngamanye amaxesha ndithanda ukutya _____

Ukutya endikuthandayo _____

ngoba _____



Kusempilweni okanye akukho- sempilweni?

Faka umbala obomvu okanye oluhlaza ebhokisini.



Yitya iziqhamo
nemifuno.



Yitya kakhulu iilekese.



Hlamba amazinyo akho.



Sela iziselo
ezihlwahlwazayo.



Hlamba izandla zakho
xa ubuya kwindlu
yangasese.

Fakela isandi esishiyiweyo



1 izihla ng u




2 um _____ aba




3 ehla _____ ini



4 isihlu _____ o



5 um _____ athi



6 isihla _____ a



7 hle _____ a



8 ukuhla _____ a

Ingqiqo

**Fundani Sidinga ntoni ukuze sibesempilweni?
Faka olu phawu ✓ kwimpendulo echanekileyo.**



1 Sidinga ntoni ukuhlala sisempilweni?

- ☐ izibiliboco ezingekho sempilweni ☐ ukuzilolonga
☐ amanzi acocekileyo ☐ ukutya okusempilweni
☐ imitha yelanga ☐ umoya ococekileyo

2 Kutheni kufuneka sitye iziqhamo nemifuno?

- ☐ ziqinisa zikhulise amathambo nezihlunu zethu.
☐ zinika imizimba yethu iivithamini.
☐ ziyasidlamkisa.

3 Siwafumana phi amanzi acocekileyo?

- ☐ emadamini ☐ ezimpompeni ☐ emilanjeni

4 Ibaluleke ngantoni imitha yelanga?

- ☐ Yenza sinxanwe.
☐ Yenza silambe.
☐ Yomeleza imizimba yethu.

5 Usempilweni? _____



